# INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo

# YamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo)

## IiLwimi

### IsiXhosa

### ULwimi lweNkobe

DEPARTMENT OF EDUCATION
(ISebe leMfundo)

Olu xwebhu kufuneka lufundwe njengenxalenye yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo).

Le Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R kwele-9 (ezikolo) iquka:

1. INkcazelo Jikelele
2. INkcazelo zeeNkalo zeziFundo ezisibhozo:
   - IiLwimi
   - IMathematika
   - INzululwazi ngezoBugqi
   - INzululwazi ngezeNtlalo
   - UbuGcisa neNkcubeko
   - IsiFundo ngezoBomi
   - INzululwazi ngezoQoqosho noLawulo
   - ITeknoloji

INQAKU ELIYA KUMFUNDI

ISebe leMfundo liyazindla ngokwazisa le Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (ezikolo) kwiilwimi ezili-11 zaseburhulumenteni zoMzantsi Afrika.

Inkqubo yenguqulelo intsonkothile kwaye icel'umngeni. Kumaxa amaninzi isigama nokukhethwa kwamagama kufuneke ukuba kuphuhliswe ngabantu ebebesebenza ngala maxwebhu. La maxwebhu avavanywe ngaphandle zingcaphephe.

ISebe leMfundo liwabona la maxwebhu njengesiqalo senkqubo yokukhulisa noku-phuhlisa iilwimi zethu. Siyabavumela sibakhuthaza abantu kwimimmandla ukuba bawasebenzise la maxwebhu njengesiseko sokuqhubela phambili uphuhliso.

# UYISEBENZISA NJANI LE NCWADI

- Ukufumana ulwazi jikelele:
  - *Ukwazisa iNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe* - kwiSahluko soku-1- Esi sinika ulwazi kwiMfundo esekeke kwiziPhumo, iNkcazelo yeKharityhulamu eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 (eziKolo) neenkqubo zokuFunda;
  - *Ukwazisa iNkalo yesiFundo* kwiSahluko soku-1- Esi sinika intshayelelo yeNkcazelo yeNkalo yesiFundo ukuquka neempawu zayo, ummandla, neziPhumo zeziFundo;
  - *UkuHlolwa koMfundi kwiSahluko sesi-5*- Esi sahluko sinika izikhokelo zemigaqo yohlolo, kwiMfundo eSekeke kwiziPhumo, ixoxa ngohlolo oluzingileyo, kwaye sinika nemizekelo yokugcina iirekhodi;
  - *UluHlu lweZalathisi lunika* iNkcazelo yamagama eKharityhulamu noHlolo kunye neNkcazelo yamagama eNkalo yesiFundo ethile.

- Isiqu sale ncwadi sahlulwe saba zizahluko eziliqela. Kukho isahluko sesiGaba ngasinye seBakala seMfundo noQeqesho Jikelele – ,isiGaba esisiSeko, isiGaba esiPhakathi, nesiGaba esiPhakamileyo. Isahluko ngasinye sinecandelo lwesishwankathelo sentshayelelo, elilandelwa yimiGangatho yokuHlola yesiGaba. Kukho nesahluko sokuHlolwa komFundi.

- ImiGangatho yokuHlola yesiGaba ngasinye yaziswe ngendlela eyenza kube lula ukulandela inkqubela-phambili. Oku kuthetha ukuba imiGangatho yokuHlola yebanga ngalinye ilandelelanisiwe ukwenzela ukuba ootitshala bakwazi ukuthelekisa inkqubela-phambili ngokuhamba kweminyaka. Isiphumo soku zizithuba ezingenanto, kuba ayiyiyo yonke imiGangatho yokuHlola edibanayo kumabanga ngamabanga.

- Imiqondiso ethile isetyenzisiwe kuyo yonke le ncwadi ukukhokela umfundi ekufumaneni ulwazi alukhange-layo. Le miqondiso yile:

ImiGangatho yokuHlola

IBanga

IsiPhumo sesiFundo

# ISIQULATHO

ISAHLUKO SOKU-1: INTSHAYELELO 1

UKWAZISA INKCAZELO YEKHARITYHULAMU YESIZWE
ImFundo esekeke kwiziPhumo 1
Isakhiwo seNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe: IiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo 2
INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo: IiNkcazelo zokuFunda 3
UkwAbiwa kweXesha 3
UHlolo 3
UHlobo oluLindelekileyo lweTitshala 4
UHlobo oluLindelekileyo lomFundi 4

INTSHAYELELO YENKALO YESIFUNDO YEELWIMI– ISIXHOSA 4
Inkcazelo 4
INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi 5
ULwimi lokuFunda nelokuFundisa (LOLT) 6
Injongo 6
IiMpawu ezizoDwa nomMandla 7
Iziphumo zesiFundo zoLwimi 8

ISAHLUKO SESI 2: ISIGABA ESISISEKO
(AmaBanga ukusuka ku-R Ukuya kwelesi-3) 11

INTSHAYELELO 11
Ukugqalisela 11
Ukukhuliswa kolwimi:YiNkqubo ehamba kancinane kancinane 11
INkqubo yoLungelelwaniso ekuphuhlisweni kokuKwasi ukuFunda nokuBhala 11
Ukwakhela kulwazi 12
UkuKhuthaza ukuziQhelisa 12
Ukuhlanganiswa kweziPhumo zesiFundo 12

IZIPHUMO ZEZIFUNDO 13
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 13
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 13
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 13
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 13
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 13
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 13

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 13
ImiGangatho yokuHlola neziCatshulwa zeBanga R 15
IziCatshulwa eziCetyiswayo 15
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 16
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 17
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 18
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 20
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 21
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 22

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA ZAMABANGA UKUSUKA kwelo-1 ukuya kwelesi-3 24
Izicatshulwa ezicetyiswayo 24
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 28
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 32
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 36
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 42
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 48
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 54

ISAHLUKO SESI 3: ISIGABA ESIPHAKATHI (AmaBanga ukusuka kwelesi-4 ukuya kwelesi-6) 59

INTSHAYELELO 59
UkuGqalisela 59
UbuBanzi obukhulwana bezicatshulwa 59
UkuHlanganisa imiSebenzi yokuFunda 59
UmXholo oBanzi nowaHlukileyo 60

IZIPHUMO ZESIFUNDO 60
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 60
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 60
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 61
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 61
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 61
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 61

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 62
IziCatshulwa eziCetyiswayo 62
Umxholo wezicatshulwa 62
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 68
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 72
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 76
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 84
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 90
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 94

ISAHLUKO SESI 4: ISIGABA ESIPHAKAMILEYO
(AmaBanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9) 99

INTSHAYELELO 99
UkuGqalisela 99

IZIPHUMO 100
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 100
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 100
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 100
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 100
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 100
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 101

IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA 102
IziCatshulwa eziCetyiswayo 102
Umxholo wezicatshulwa 104
IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela 106
IsiPhumo sesiFundo soku-2: UkuThetha 110
IsiPhumo sesiFundo soku-3: UkuFunda nokuBukela 116
IsiPhumo sesiFundo soku-4: UkuBhala 122
IsiPhumo sesiFundo soku-5: UkuCinga nokuQiqa 126
IsiPhumo sesiFundo soku-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi 134

ISAHLUKO SESI 5: UKUHLOWA KOMFUNDI 141

INTSHAYELELO 141

IMIGAQO YOHLOLO ESETYENZISWA KWIMFUNDO ESEKEKE KWIZIPHUMO 142
INkcazelo 142
IiMpawu ezinguNdoqo 142
INjongo yokuHlola 142

UHLOLO OLUZINGILEYO 143
IiMpawu zoHlolo oluZingileyo 143
IiNdlela ngeendlela zokuHlola 144
UmSebenzi wokuHlola oFanayo 145

UKULAWULWA KOHLOLO 146
AbaNtu abaBandakanyeka kuHlolo 146
Inkqubo yesiKolo yokuHlola 146

UKUGCINWA KWENGXELO 147
IiNcwadi zeNgxelo 148
IiKhowudi eziSetyenziswa kuHlolo 149
IiKhowudi zeSizwe 149
UluDwe lweNkqubela-phambili 149
IiNgxelo zomFundi 150

IINGXELO 151
UlwAzi oluFuneka luBandakanywe kwiiNgxelo 151
AmaCwecwe eNgxelo 151

ULUHLU LWEZALATHISI 156

INKCAZELO YAMAGAMA OHLOLO NAWEKHARITYHULAMU 156

INKCAZELO YAMAGAMA ENKALO YESIFUNDO 158

# ISAHLUKO SOKU-1
# INTSHAYELELO

## UKWAZISA INKCAZELO YEKHARITYHULAMU YESIZWE

UMgaqo-siSeko weRiphabliki yoMzantsi Afrika yonyaka ka1996 ( uMthetho we- 108 we- 1996) unika isiseko sokuguqula nokuphuhlisa ikharityhulamu kuMzantsi Afrika wanamhla. Intshayelelo yoMgaqo-Siseko ichaza ukuba iinjongo zoMgaqo-siSeko kuku:

- phelisa iiyantlukwano zangaphambili kwaye kuzinziswe uluntu olusekwe kukuxabiseka kwesizwe esilawulwa yintando yesininzi, kubulungisa bentlalo namalungelo oluntu asisiseko.
- phucula umgangatho wobomi wabemi bonke nokukhulula amandla aleleyo omntu ngamnye.
- enza isiseko soluntu solawulomelo nesivulekiyo apho urhulumente usekeke kwintando yabantu kwaye wonke ummi ukhuselwe ngokulinganayo ngumthetho.
- akha uMzantsi Afrika olawulwa yintando yesininzi omanyeneyo okwaziyo ukuthatha indawo elungileyo njengombuso ozimeleyo kumnombo wezizwe.

Imfundo nekharityhulamu zinendima ebalulekileyo eziyidlalayo ekuphumezeni ezi njongo. Ikharityhulamu inenjongo yokuphuhlisa ngokupheleleyo amandla aleleyo omfundi ngamnye njengommi woMzantsi Afrika olawulwa yintando yesininzi.

### Imfundo esekeke kwiziPhumo

Imfundo esekeke kwiziphumo yakha isiseko sekharityhulamu eMzantsi Afrika. Izama ukwenza ukuba bonke abafundi baphumelele kowona mgangatho wabo wobuchule uphezulu. Oku kwenziwa ngokumisela iziphumo emaziphunyelelwe ekupheleni kwenkqubo.  Iziphumo zikhuthaza inkqubo yemfundo ejolise kumfundi nakwimisebenzi. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yakha iziphumo zezifundo zeBakala leMfundo noQeqesho Jikelele  zamaBanga ukusuka kuLwamkelo ukuya kwele-9 (ezikolo) kwiziphumo ezingundoqo nakweziphuhlisayo.

Iziphumo ezingundoqo zilindela abafundi abaza kukwazi uku

- chonga nokusombulula iingxaki nokwenza izigqibo besebenzisa ingcinga enzulu neqiqayo;
- sebenza ngokufanelekileyo nabanye, njengamalungu eqela, imibutho noluntu;
- kuzicwangcisa nokuzilawula  becwangcisa kwaye belawula nemisebenzi yabo ngokuthembekileyo nangokufanelekiyo;
- qokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuvavanya ulwazi ngokunzulu;
- nxibelelana ngokufanelekileyo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso no/okanye bolwimi kwimizekelo eyahlukeneyo;
- sebenzisa inzululwazi neteknoloji ngokufanelekileyo, bebonakalisa ngokunzulu iimfanelo kummandla nempilo yabanye;
- bonisa ingqiqo yelizwe njengoluhlu lwezixokelelwano ezinxulumeneyo ngokunakana ukuba iimeko zokusombulula iingxaki azenzeki ngokwahlukeneyo.

Imibandela efana nobuhlwempu, ukungalingani, ubuhlanga, isini, ubudala, ukukhubazeka, nemiceli mingeni efana neHIV/AIDS yonke iphembelela iqondo nendlela apho abafundi bangathabatha ngayo inxaxheba ekufundeni. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka kwibanga loLwamkelo ukuya kwele-9 isebenzisa inkqubo edibeneyo yokumisela ubuncinane beemfuno zabafundi bonke.Zonke iiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo zizama ukuyila ingqiqo yolwalamano phakathi kobulungisa bentlalo, amalungelo oluntu, ummandla ophilileyo, nokuqukana. Bonke abafundi bakhuthazwa ukwandisa ulwazi, nengqiqo yokwahlukana kobutyebi beli lizwe, ukuquka nezakhiwo zenkcubeko, zenkolo nobuhlanga kule yantlukwano.

## INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo : IiNkcazelo zeeNkalo zeziFundo

INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka kwibanga loLwamkelo ukuya kwele-9 iqulathe le Nkcazelo Jikelele neNkcazelo yeeNkalo zeziFundo ezisibhozo:

- IiLwimi
- IMathematika
- INzululwazi ngezoBugqi
- INzululwazi ngezeNtlalo
- UbuGcisa neNkcubeko
- IsiFundo ngezoBomi
- INzululwazi ngezoQoqosho noLawulo
- ITeknoloji

INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ichaza iziPhumo zeziFundo ezingundoqo ekufuneka ziphunyelelwe ekupheleni kweBanga le-9. INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ichaza imiGangatho yokuHlola iya kwenza iziPhumo zesifundo ziphunyelelwe. ImiGangatho yokuHlola yeyebanga ngalinye kwaye ichaza ububanzi nobunzulu ekufuneka abafundi bekwazile kwaye bakwazi ukukwenza. ImiGangatho yokuHlola yeNkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye ibonisa indlela ukukhula kwengqiqo nobuchule okunokwenzeka ngayo ekuhambeni kwexesha. ImiGangatho yokuHlola inokuhlanganiswa kumabanga nangokudibene ngokweeNkalo zeziFundo (apho kuyimfuneko nakwimfundo elungileyo) nakwingqiqo yenkqubela-phambili ngokwamabanga kusembindini wale kharityhulamu.

## INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo: IiNkqubo zokuFunda

INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo ijolise ekuphuculeni ukuzibophelela nobuchule phakathi kootitshala abaya kuba noxanduva lokuphuhlisa iiNkqubo zokuFunda zabo. Ukuze kuxhaswe le nkqubo, iSebe leMfundo liya kunika izikhokelo zemigaqo esekeke kwiNkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye. Amaphondo aya kuphuhlisa ezinye izikhokelo apho kuyimfuneko ukumelana neyantlukwano.

Imigaqo ezizisekelo nokuxabiseka kweeNkcazelo zeeNkalo zezifundo zeNkcazelo zeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo zisekela iiNkqubo zokuFunda. Ekubeni iiNkalo zeziFundo zichaza iingqiqo, ubuchule, nokuxabiseka  ekufuneka ziphunyelelwe ngokwebanga ngokwebanga, iiNkqubo zokuFunda zona zichaza ububanzi bemisebenzi yokufunda nokuhlola yesigaba ngasinye. IiNkqubo zokuFunda ziqulathe izintlu zemisebenzi ezinika isantya nolandelelwano lwale misebenzi kunyaka ngamnye, nemizekelo yokuqulunqwa kwezifundo enokuzalisekiswa naninina.

KwisiGaba esisiSeko kukho iinkqubo zokufunda ezintathu ezizezi: iLitheresi, ukukwazi ukusebenzisa amaNani nezakhono zoBomi. KwisiGaba esiPhakathi iiLwimi, neMathematika zisale zizinkqubo zokufunda ezizimeleyo.Ezinye iiNkalo zeziFundo zingahlanganiswa ngamaphondo ngemvume yamasebe emfundo yamaphondo.  Amaphondo anegunya lokuphuhlisa izigqibo ezibanzi ngokwephondo kuhlanganiso lwesiGaba esiPhakathi. KwisiGaba esiPhakamileyo kukho iinkqubo zokufunda ezisibhozo ezisekeke kwiiNkalo zeziFundo. Ixesha elabelwe iNkalo yesiFundo nganye lalathelwe onke amaBanga  neziGaba.

## Ukwabiwa kweXesha

NgokwesiQendu soMthetho weNgqesho weeTitshala, (1998), iimini zesikolo ezisesikweni zootitshala ziya kuba yimizuzu esixhenxe. NgokoMthetho woMgaqo weMfundo yeSizwe, (1996), ixesha lokufundisa elisesikweni ngeveki liziyure ezingama - 35. Oku kumiselwe kwi:

1. Xwebhu lweNkcazelo Jikelele ISBN 1-919917 iphepha le-19
2. Government Gazette No. 23406, Vol. 443 Meyi 2002. Amaphepha ama-26 nama-27.

## UHlolo

INkcazelo yeNkalo yesiFundo nganye iqulathe icandelo ngeenkcukacha zohlolo. Isakhelo semfundo esekeke kwiziphumo isebenzisa iimethodi zohlolo ezivumela iimeko ezahlukeneyo. Uhlolo kufuneka lunike izalathisi zokuphunyelelwa ngumfundi kwimeko efanelekileyo necoselelekileyo kwaye luqinisekise ukuba abafundi bahlanganisa ubuchule  kwaye babusebenzise. Uhlolo kufuneka kwakho luncede abafundi ukwenza izigwebo malunga nabakwenzayo , bamisele iinjongo zenkqubela-phambili nokuqhubela phambili ukufunda.

## UHlobo oluLindelekileyo lweTitshala

Ootitshala kuyo yonke imigangatho ngabanikeli abaphambili ekuguqulweni kwemfundo eMzantsi Afrika. INkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBnaga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 ( eziKolo) inembono yetitshala oqeqeshiweyo, enobuchule , ozinikeleyo nonenkathalo. Baya kukwazi ukuphumelelisa iindima ezahlukeneyo ezikwimiGangatho neziLinganiselo zootitshala. Oku kuquka ootitshala njengabalamli bemfundo, abatoliki, abayili beenkqubo zezifundo,nezixhobo zokufunda, iinkokheli, abalawuli, oomanejali, abafundi, abaphandi nabafundi abafunda ubomi bonke, amalungu oluntu, abemi, abacebisi, abahloli neencutshe zenkalo yesifundo/ yesigaba.

## UHlobo oluLindelekileyo lomFundi.

Ukuphuculwa kokuxabiseka akubalulekanga kuphela ekuziphuhliseni , kubaluleke nakukuqinisekisa ukuba ubunguwe ngokobuzwe boMzantsi Afrika bakhelwe kukuxabiseka okwahlukileyo koko kwakuxhasa imfundo yocalu-calulo. Uhlobo lomfundi olulindelweyo ngulowo oza kuzaliswa koku kuxabiseka noya kusebenza kumdla woluntu  ngokusekeke kwintlonelo yesizwe esilawulwa yintando yesininzi, ukulingana, isidima somntu, ubomi nobulungisa bentlalo.

Ikharityhulamu izama ukuyila umfundi ofunda ubomi bonke, ozithembileyo, ozimelayo, ofundileyo, okwasi ukubala onobuchule obuninzi, onothando nonentlonipho yommandla nonobuchule bokuthatha inxaxheba kuluntu njengommi ohluzayo nokhutheleyo.

# INTSHAYELELO YENKALO YESIFUNDO YEELWIMI- ISIXHOSA

## INkcazelo

INkalo yeziFundo yeeLwimi iquka:

- Zonke iilwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni isiPedi, isiSuthu, Siswati, isiTswana, Xitsonga, Tshivenda, isiBhulu, isiNgesi isiNdebele, isiXhosa, isiZulu.
- Iilwimi ezivunywe yiBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika, iPan South African Board (PANSALB) neBhodi eLawula iziQinisekiso zaBafundi beBanga leshumi eline sibini eMzantsi Afrika, ìSouth Africa Certification Boardî (SAFCERT), ezifana nolwimi lweeMinwe neBreyile.

INkalo yesiFundo yolwimi lwaseburhulumenteni nganye yaziswe njengeenxalenye ezintathu iyleyo inomthamo wayo; ulwimi lwenkobe, ulwimi olongezelelweyo lokuqala, nolwimi olongezelelweyo wesibini.

Kwilizwe elineelwimi ezininzi njengeloMzantsi Afrika kubaluleke kakhulu ukuba abafundi bafikelele kumanqanaba aphezulu obuchule beelwimi ezimbini ubuncinane, kwaye bakwazi nokunxibelelana ngezinye iilwimi.

## INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi

INkalo yesiFundo yeeLwimi ihambisana nomgaqo wolwimi kwimfundo yeSebe leMfundo. Lo mgaqo unika amaBhunga aLawula iziKolo uxanduva lokwenza imigaqo yolwimi lwesikolo efanele iimeko zabo kwaye ehambisana nomgaqo wongezelelo kwiilwimi ezininzi. INkcazelo yeNkalo yesiFundo yeelwimi inika ikharityhulamu exhasa nasiphi isigqibo esenziwa sisikolo. Ilandela inkqubo yongezelelo kwiilwimi ezininzi

- Bonke abafundi bafunda ulwimi lwabo lwenkobe nolwimi olunye olongezelelweyo ubuncinane.
- Abafundi baba nobuchule kulwimi olongezelelweyo ekubeni ulwimi lwenkobe lulondolozwa kwaye lukwa-phuhliswa.
- Bonke abafundi bafunda iilwimi zesiNtu kangangeminyaka emithandathu ekupheleni kwebakala GET. Kwezinye iimeko lungafundwa njengolwimi lwesibini olongezelel weyo.

Ulwimi lwenkobe, iilwimi ezongezelelweyo, elokuqala nelesibini zenziwe ngeendlela ezahlukeneyo:

- Imigangatho yokuhlola yolwimi lwenkobe luqikelela ukuba abafundi beza esikolweni sebeluqonda kwaye beluthetha ulwimi. Baxhasa ukukhuliswa kobu buchule, ingakumbi ngokuphathelele kwiintlobo ezahlukeneyo zobuchule (bokufunda, bokubhala, bokubona nokuhlautya). Obu buchule bunika ikharityhulamu eyomeleleyo ukuxhaza ulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).
- Ulwimi olongezelweyo lokuqala luqikelela ukuba abafundi abanalwazi lolwimi xa befika esikolweni. Ikharityhulamu yesikolo iqalisa ngokukhulisa ubuchule bengqiqo nobokuthetha ulwimi. Kwesi siseko lwakha ubuchule. Abafundi bayakwazi ukugqithisela ubuchule ababufumene kulwimi lwenkobe kulwimi lokuqala olongezelelweyo. Ikharityhulamu inika inkxaso eyomeleleyo kwabo bafundi abaza kuqala ukusebenzisa ulwimi lokuqala olongezelelweyo njengolwimi lokufunda nokufundisa kwezinye iincam zebakala leGET. Ekupheleni kweBanga le-9, aba bafundi kufuneka bakwazi ukusebenzisa ulwimi lwabo lwenkobe nolongozelelweyo ngokufanelekieyo nangokuzithemba kwiinjongo ezahlukeneyo ukuquka nokufunda.
- Ulwimi lwesibini olongezelelweyo lujolise kubafundi abanqwenela ukufunda iilwimi ezintathu. Ulwimi lwesithathu lungaba lulwimi olusemthethweni okanye ulwimi lwa mazwe ngamazwe. Imigangatho yokuhlola iqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukusebenzisa ulwimi kwiinjongo zonxibelelwano jikelele. Ziqikelela ukuba lixeshana elincinane eliya kwabelwa ukufundwa
  kolwimi lwesibini olongezelweyo kuneliya kwa belwa ulwimi lwenkobe nolokuqala olongezelelweyo.

INkalo yesiFundo yeeLwimi iquka iilwimi ezili-11 zaseburhulumenteni:

- ulwimi lwenkobe
- ulwimi lokuqala olongezelelweyo
- ulwimi lwesibini olongezelelweyo

## ULwimi lokuFunda nelokuFundisa (LOLT)

Sicebisa ukuba ulwimi lwenkobe lomfundi kufuneka lusetyenziswe ekufundeni nasekufundiseni (LOLT) apho kuyimfuneko. Oku kubaluleke kakhulu kwisiGaba esisiSeko apho abantwana bafunda ukufunda nokubhala.

Apho abafundi kufuneka beguqukele kulwimi olongezelelweyo ngeenjongo zokufunda nokufundisa (LOLT) kufuneka oku kuqulunqwe ngocoselelo:

- Ulwimi olongezelelweyo kufuneka luqaliswe njengesifundo ukufundwa kwangethuba.
- Ulwimi lwenkobe kufuneka luqhutyelwe phambili kangangoko ukusetyenziswa ngethu ba kusetyenziswa nolwimi olongezelelweyo .
- Apho abafundi bangena isikolo ulwimi lokufunda nokufundisa ilulwimi olongezelelweyo, ootitshala nesikolo kufuneka banike uncedo nenkxaso yokufunda ulwimi olongezelelweyo kude kube lixesha apho umfundi akwaziyo ukufunda ngokufanelekileyo kulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).

## INjongo

Iilwimi zikwincam yobomi bethu. Sinxibelelana kwaye siqonde ihlabathi ngolwimi. Ulwimi ngoko lubumba ubunguwe nolwazi.

Iilwimi zenza iinjongo ezahlukeneyo, ezibonisiweyo kwiNkcazelo yeNkalo yesifundo yeeLwimi. Ezi zezi:

- *Ezobuqu* - ukugcina ukwalamana okuluqilima kusapho nakuluntu, ukuzazi ubuni bakho, ukuzi phuhlisa nokuzonwabisa.
- *Unxibelelwano* - ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangempumelelo kwiimeko zentlalo.
- *Ezemfundo* - ukukhulisa izixhobo zokucinga nokuqiqa kwaye kunikwe indlela yoku fikelela kulwazi.
- *Ubuhle* - ukusebenzisana ngomlomo, ngokubonwayo nangoncwadi olubhaliweyo ngokuyila nangokuthelekelela.
- *Inkcubeko* - ukuqonda nokuxabisa iilwimi neenkcubeko nelifa abanalo.
- *EzePolitiko* - ukuvuma nokucela umngeni kummandla, ukucenga abanye ngoluvo oluthile , ukubeka abanye nokuphuhlisa nokugcina nokuguqula ubungabo.
- *Ngokunzulu* - ukuqonda ulwalamano phakathi kweelwimi, amandla, nobunguwe, nokucela umngeni ekusetyenzisweni kwezi zinto apho kuyimfuneko. Ukuqonda isimo sokuguquguquka kwenkcubeko nokuxhathisa kukucengwa nokubekwa apho kuyimfuneko.

## IimPawu ezizoDwa nomMandla

### Inagalelo lini iNkalo yesiFundo yeeLwimi kwikharityhulamu?

INkalo yesiFundo yeeLwimi:

- iphuhlisa ukufunda nokubhala, okusisiseko sezinye izakhono ezibalulekileyo.
- yindlela yokufunda ezinye izifundo kwikharityhulamu ezinjengemathematika nezenzululwazi yentlalo.
- ikhuthaza ingqiqo yenkcubeko ezahlukeneyo nokufikelela kwiinjongo zabanyenengqiqo enzulu yesigama senkcubeko.
- ivuselela iintelekelelo nesiphiwo sokuyila kwaye ziphucule iinjongo zobugcisa nenkcubeko.
- inika indlela yokunxibelela ulwazi, nokuphucula iinjongo ezininzi zemfundo ngenzululwazi, zeteknoloji, nemfundo yommandla.
- yandisa izixhobo eziyimfuneko zokuba ngabemi abathembekileyo besizwe.

### Iilwimi: ukuhlanganisa ulwazi, ubuchule nokuxabiseka

Kuneziphumo ezi- 6 eziphambili:

- iziphumo ezi-4 zokuqala zibhekiselele kubuchule obu-5 obahlukeneyo bolwimi ( ukumamela, ukuthetha, ukufunda, ukubukela nokubhala.
- iIsiphumo sesi-5 sibhekiselele ekusebenziseni iilwimi ngeenjongo zokucinga nokuqiqa ezibalulekileyo kulwimi lokufunda nokufundisa (LOLT).
- iisiphumo sesi-6 sisebenza ngembilini yolwimi izandi, amagama negrama – kwisicatshulwa. Olu lwazi lusetyenziswa ngobuchule bolwimi oluchazwe kwezinye iziphumo.

Ezi ziphumo zibhalwe ngokunika ingqalelo ethile kuhlobo oluthile lolwazi, nobuchule obuthile ukuzenza zicace kwaye ziqondakale. Xa sisebenzisa ulwimi sidibanisa ulwazi, ubuchule nokuxabiseka ukuzivakalisa. Umgaqo ongundoqo weNgxelo yesiFundo yeeLwimi ngoko kukudityaniswa kwezimo zolwimi ekuyileni nasekutolikeni izicatshulwa.

## IziPhumo zesiFundo zoLwimi

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi, kwaye emamelelele nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi kwaye afundele ukuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

### IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa aze alusebenzise ekufundeni.**

### IsiPhumo sesiFundo-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukuqonda kwaye akwazi ukusebenzisa izandi, isigama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

### Ukuhlanganisa iziphumo

Ukumamela nokuthetha, ukufunda nokubukela, ukubhala, ukucinga nokuqiqa, nolwazi lwezandi, amagama, negrama kufuneka zidityaniswe xa zifundiswa naxa zihlolwa nangona zinikwe njengeziphumo ezahlukeneyo.

Umzekelo: Abafundi baya:

- kumamela uhlobo oluthile lwesicatshulwa (umzekelo, inkcazelo yenkqubo efana nokombiwa kwegolide okanye ukwenza iphepha);
- kufunda bahlalutye iimpawu eziphambili zesinye isicatshulwa esiluhlobo olufanayo nolu lungentla (umzekelo: ukusebenzisa ixesha langoku, nezihlanganisi, ezifana kodwa, ze, kuba);
- kubhala isicatshulwa esitsha sohlobo olufanayo ukuquka izixhobo ezibonwayo kwisimo somzobo ojikelezayo.

### Ukuyila nokutolika izicatshulwa

Ukuze abafundi bakwazi ukuyila nokutolika kufuneka babe nolwazi malunga nolwimi, ulwazi, malunga nezicatshulwa, ubuchule neendlela zolwimi

Izicatshulwa zingaba:

- zezomlomo, umz: intetho
- ezibhalwayo, umz: ileta
- intlanganisela yokubhalwayo nokubonwayo, umzekelo isazisi
- ezezixhobo zokusasaza ezininzi, umz: izicatshulwa zethelevizhini,

Ulwazi lolwimi nolwezicatshulwa ukuquka nolwazi malunga :

- nemeko- injongo, isihloko nabaphula-phuli
- nesakhiwo sesicatshulwa, umz: somhobe, okanye sesazisi
- nolwimi ñolunxulumene nemvumelwano noqheliso lwentlalo, umz: indlela abantu ababulisa ngayo kwiilwimi ezahlukeneyo
- negrama, izandi, nesigama solwimi
- nobhalo nopelo lwesicatshulwa esibhaliweyo
- nemifanekiso noyilo kwisicatshulwa esibonwayo

### Ukuhlanganisa ulwimi: ukuxabiseka

Zonke izicatshulwa ziqulathe ukuxabiseka okwakhayo ( umz: idemokrasi) okanye okungakhiyo (isini, ubuhlanga).Oku kuxabiseka akusoloko kucacile. Abafundi kufuneka bakuqaphele oku kwaye bahlalutye ukuxabiseka okukhoyo kwizicatshulwa abazifundayo nabazibukelayo nezo baziyile ngokwabo.

Xa abafundi behlalutya, apho kuyimfuneko, kwaye becela umngeni ngendlela ekubekwe ngayo ukuxabiseka kwizicatshulwa zomlomo, ezibonwayo nezibhalwayo baya:

- kufunda, ukuba izicatshulwa ziyithatha njani imbono ethile yabantu neziganeko.
- kwandisa ubuchule obunzulu bokuvavanya kwaye ukuba kuyimfuneko bachase ezi mbono nokuxabiseka kwazo okuphathelele kubo.
- kuqaphela indlela yokuvakalisa ukuxabiseka obukwizicatshulwa eziyilwe ngabo umz: unyamezelwano, uvelwano, ulonwabo, ubuhle, uburharha, ukuthanda ukudlala) kwizicatshulwa ezenziwe ngabo.

### Ukuhlanganiswa kokufundwa kolwimi: imixholo

Ukufundwa kolwimi lusenokuhlanganiswa ngemixholo. Ukusebenzisa umxholo kuvumela umfundi ukuba akhe isigama esiphathelele kwisihloko.

Ukhetho olululo lwemixholo nezihloko aluniki ntlanganisela kuphela, lukwakhuthaza umdla wabafundi. Ukuphumelelisa oku, kufuneka uzame:

- ukufumana ulungelelwaniso lwezihloko nemixholo ethi inike umdla kumakhwenkwe namantombazana, kubafundi basezidolophini nabasemaphandleni imixholo ethi ihlanganise abafundi kule yantlukwano.
- ukukhetha izihloko ezinxulumene nobomi bababafundi, kwaye zibe ngaphaya koko sebekwazi kakade. Umz.: bangafunda ngamanye amazwe neenkcubeko.
- nokukhetha imixholo nezihloko ezinxulumana neziphumo ezingundoqo nezakhayo. umzekelo, abafundi kufuneka bazibandakanye kwimibandela ebalulekileyo yamalungelo oluntu, ommandla efana nobuhlwempu, HIV/AIDS, ilungelo kumhlaba, nolwimi olusetyenziswa ngabathengi.

### Amalungelo oluntu nobulungisa bommandla

Iilwimi zizixhobo ezibalulekileyo ukuphumelelisa amalungelo oluntu nobulungisa bommandla. Ngemigangatho yokuhlola iNkcazelo yeNkalo yesiFundo yeeLwimi izama ukukhulisa esi sixhobo sibe kwawona mandla waso aleleyo. Abafundi abanezixhobo ezinzulu zokufunda ngelizwe labo nangezicatshulwa ezithethwayo nezibhalwayo malunga nalo kufuneka bazithembe kwiilwimi ezimbini ( okanye kwiilwimi ezininzi). Kufuneka bakwazi ukuhlalutya ezi zicatshulwa kwaye baphinde bazibhale ngeendlela ezandisa amathuba onxulumano lwamalungelo oluntu nobulungisa bommandla.

# ISAHLUKO SESI- 2
# ISIGABA ESISISEKO
# (AmaBanga ukusuka-R ukuya kwelesi – 3)

## INTSHAYELELO

Bonke abafundi baza esikolweni benolwazi oluphangaleleyo lolwimi lwabo lwenkobe. Bakufumene oku ngeentsebenziswano ezahlukeneyo kwiimeko bume zamakhaya abo, kwimeko yenkathalelo, yokukhuliswa neyokudlala. Kuba iimeko zamakhaya zahlukene, nolwazi oluza nabafundi esikolweni lwahlukene. Nangona kunjalo ulwazi abanalo kufuneka lusetyenzisiwe ekukhulisweni kolwimi lwabo. Oku kungundoqo ekuzikhuliseni, kwintsebenziswano nabanye, kufikelelo lwabo ekufundeni nakwihlabathi elibangqongileyo. Kwicandelo elilandelayo sichaze ngokufutshane:

- ulwazi asele enalo umfundi
- iimeko-bume zokufunda
- imigaqo neenkqubo ezikhokela le kharityhulamu.

### UkuGqalisela

Xa bangena iBanga R neloku-1 abafundi bafunde kakhulu ngokumamela kwaye bangathetha ngokwemigangatho eyahlukeneyo yokusulungeka nokuzithemba. Baye bakhuliswa ngokupheleleyo kwinkcubeko, kumasiko nolwazi ezikhoyo kwimeko zamakhaya abo, ezi zinxalenye zolwazi lwabo lolwimi. Iklasi kufuneka iyindawo yolonwabo, yentlonipho neyakhela phezu koko kwaziwa ngabafundi.

### Ukukhuliswa kolwimi: YiNkqubo ehamba kancinane kancinane

Umgaqo okhokela ukufunda nokufundiswa kokukwazi ukufunda nokubhala kule kharityhulamu kukuba ukukhuliswa kolwimi kubandakanye inkqubo ehamba kancinane kancinane yophuculo. Iziphoso zithathwa njengenxalanye yenkqubo, kwaye ulwimi lwabafundi luxhaswa luya kuchaneka ngokumandla xa abafundi benamathuba amaninzi okusebenzisa nokukhulisa ubuchule bolwimi lwabo.

### INkqubo yoLungelelwaniso ekuphuhlisweni kokuKwazi ukuFunda nokuBhala

Kule kharityhulamu kusetyenziswe inkqubo yolungelelwaniso ekuphuhlisweni kokukwazi ukufunda nokubhala. Yinkqubo yolungelelwaniso kuba iqala ngolwazi olusisiseko oluzenzekelayo lwabantwana, kwaye ibabandakanye ekufundeni iincwadi ezizizo nokubhalela iinjongo eziyinyaniso, nokunika ingqalelo kwizandi. Ezi zizinto ekufuneka abafundi bezazile kwaye bezenzile ukuze bafunde kwaye babhale ngempumelelo. Ekufundeni oku kuthetha ukusuka kwinkqubo yokulungela ukufunda ekukholeleka ukuba abantwana bebengekakulungeli ukuqala ukufunda nokubhala de babe nokukwazi ukwenza obunye ubuchulana obufana nokuva okwahlukeneyo, okubonwayo okwahlukeneyo kwaye bakhulise ubuchule bentshukumo yamalungu omzimba kumgangatho othile.
Ngenkqubo yolungelelwaniso, obu buchule:

- abunakubekwa endaweni ezinzileyo phambi kokuba abafundi babe nokuqala ukufunda nokubhala.
- kufuneka bukhuliswe ngexesha lamava okuqala okufunda kwabafundi.

## Ukwakhela kulwazi

Ikharityhulamu yeelwimi inakana ukuba abafundi baqala ukuphuhlisa ulwazi lokubhala ulwimi ngexesha beqala ukuboniswa ukufunda nokubhala kumakhaya abo, kwimeko-bume ebangqongileyo naphambi kweminyaka yokuqala yokufunda. Ukuqhubela phambili le nkqubo kufuneka senze amagumbi okufundela abe zindawo zokukhuthaza abafundi ukuba babe ngababhali nabafundi abanobuchule.

## UkuKhuthaza ukuziQhelisa

Le kharityhulamu isixelela ukuba kufuneka:

- kukhuthazwe kwaye kuxhaswe abafundi bafunde ngokuphangeleleyo
- kunike abafundi amathuba amaninzi okubhala nokukhulisa isigama sabo nokusebenzisa ulwimi.
- kuncede abafundi ekufumaneni iindlela nobuchule obunokubanceda ukuba bacazulule ingqokelela yemithetho ecwangcisiweyo yegama elibhaliweyo umzekelo:
  - ukukhuliswa nokunakana iintlobo zamagama nobuchule bengqiqo obufana nengqiqo yezandi (uvakalelo kwizandi zolwimi)
  - ulwazi lokubhala oonobumba, ukudityaniswa kwamaqabane (izandi)
  - ulwazi lokudibanisa(ukuhlanganisa oonobumba ngambini okanye ngantathu ukwenza isandi).

## Ukuhlanganiswa kweziPhumo zesiFundo

Iziphumo zezifundo kufuneka zibonwe njengezisebenza kunye ukuphuhlisa ulwimi lwabafundi. Ekuqaleni kwemigangatho yokuhlola sicebise imizekelo yezicatshulwa (ezomlomo, ezibhaliweyo/ezibonwayo, ezezixhobo zokusasaza ezininzi) ethi ivumele abafundi  nootitshala ukuba basebenzise uhlobo lokufundisa oluhlanganisayo olucetyiswe ekuqaleni kwemigangatho yokuhlola. Khumbula: abafundi abanakulindelwa ukuba bathethe ulwimi abangazange baluva okanye babhale kungenjalo bavelise iintlobo zezicatshulwa abangazange bazifunde okanye bazibone ngaphambili.

# IZIPHUMO ZESIFUNDO

## IsiPhumo sesiFundo soku - 1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi, kwaye emamelela nokuzonwabisa, aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

Ubuchule bokumamela abathi abafundi baze nabo esikolweni kufuneka bukhuliswe kwaye busetyenziselwe ukuphuhlisa ubuchule bokuthetha, bokufunda bokubukela nokubhala. Ukumamela ngononophelo ngundoqo ekufundeni nasekwakheni ulwalamano. Abafundi banokumamelela ukwandisa ulwazi lwezinye iilwimi neenkcubeko.

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

Abafundi kufuneka bakwazi ukusebenzisa ubuchule bonxibelelwano ngokufanelekileyo ngokudibeneyo nemida yolwimi nenkcubeko. Abafundi bafunda ngamava ukuba iilwimi ezininzi ziyakuphuhlisa kwaye ziphuhlisa nentlalo. Abafundi kufuneka bafunde ukunxibelelana nabantu abangakwaziyo ukuthetha nabo bangevayo kwaye babenovakalelo kwizidingo zabo.

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi ukwazi ukufunda, nokubekela ulwazi, nokuzonwabisa, aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo  kwizicatshulwa.**

Ukufundela intsingiselo yinjongo engundoqo kwesi siphumo. Ubuchule neendlela  ezithi zincede abafundi bafunde ngokucacileyo mazibonwe njengokuxhasa le njongo. Ukufunda gabalala (kuquka izicatshulwa ezibonwayo nezezixhobo zokusasaza ezininzi) kuyimfuneko ekukhuliseni ulwimi, ekuzonwabiseni nasekufundeni ngehlabathi.

## IsiPhumo sesiFundo sesi - 4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

Abafundi beBanga elisisiSeko basebenzela ngakwesi siphumo. Bafunda ukuba ukubhala kugqithisa intsingiselo kwaye bona bangababhali balo ntsingiselo. Bakwakhulisa ubuchule bokubhala, nobokukwazi ukurekhodisha iingcinga nezimvo zabo ukuze bona nabanye bafunde ubhalo lwabo. Bafunda ukuba uthungelwano lokubhala lusetyenziswa njani. Oku kubandakanya ubhalo oluzintlobo olufana nopelo, iziphumlisi ukuze ubhalo lwabo luqondakale ngokucacileyo kwabanye. Bafunda ukuba ukubhala yinkqubo equka: phambi kokubhala, ukuyila, ukuhlaziya, ukuchokela nokupapasha.

### IsiPhumo sesiFundo sesi - 5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi ukwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye alusebenzise ekufundeni.**

Ubuchule obuchazwe kwesi siphumo buyinxalenye baso sonke isimo sokufunda ulwimi. Isizathu sokubuquka njengesiphumo sokufunda esahlukileyo, kukubonisa abafundi nootitshala ukubaluleka kwabo. Ootitshala kufuneka babukhulise ngokungagungqiyo, babomeleze kwaye babumanyanisa nezo mpawu zolwazi lolwimi eziphuhlisa izixhobo zokucinga nokuqiqa. Akufuneki zifundiswe ngokwahlukeneyo -zifuna ukuba zidityaniswe ekusetyenzisweni okukuko ukuxhasa iziphumo ezingundoqo ezili-12  nezakhayo kwanokuxhasa zonke izifundo.

### IsiPhumo sesiFundo sesi- 6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama, negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

Abafundi baya kuqala ukuphononongа indlela ulwimi olusebenza ngayo. Baya kuqala ukuvelisa ulwimi lolwabelwano lokuthetha ngolwimi.  Umzekelo, baya kufunda basebenzise isigama esifana, nelungu igama isivakalisi nesingxi. Oku kuya kubanceda ekuxoxeni nasekucingeni ngezinto ezifana nokupela amagama nokokuba izivakalisi ezilula zakhiwa njani kwaye iziphumlisi zifakwa njani.

## IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA

### Qaphela:

- Kumacandelo alandelayo, kunikwe imiGangatho yokuHlola yesiPhumo sesiFundo ngasinye neyebanga ngalinye. Imizekelo yezicatshulwa enokusetyenziswa kulwimi olufundwayo kwibanga ngalinye inikiwe. Oku ayiyomizekelo epheleleyo utitshala angongeza  ngokukhetha naziphi izicatshulwa ezifanelekileyo.

- Ootitshala kufuneka bakhumbule ukuba asingabo bonke abafundi abenze iBanga R. Isigama nobuchule beBanga R bufuneka buqiniswe kwiBanga loku-1.

## Imigangatho yokuhlola nezicatshulwa zebanga-R

### IBanga R

#### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Amabali(anokumana edlalwa kunye nemvano-siphelo okanye impinda-ngoma apho abafundi banokungenelela)
- Imiyalelo ekhula ngokuntsonkotha
- Amabali abalisa ngeziganeko
- Iinkcazo ezilula
- Iimvano zandi ezinentshukumo
- Iingoma
- Imidlalo (kuquka lelo evela kwezinye iinkcubeko nezithethe)

**Ezibonwayo/ezibhalwayo:**

- Amabali -mfanekiso neencwadi ezineentloko ezilula
- Imifanekiso yeephazili(iinkohla)
- Izazisi nezibhengezo eziqhelekileyo
- Iifoto

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Iinkqubo ezilula ze-TV

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo soku-1

**UKUMAMELA**

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi kwaye amamelelele nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela ngenyameko imibuzo, imiyalelo nezaziso aze aphendule ngokufanelekileyo
- bonisa izimo zokumamela ezifanelekileyo ngokumamela ngaphandle kokuphazamisa, abonise imbeko kwisithethi, anike abanye amathuba ekuthetheni
- mamela ngolonwabo iingoma ezilula, iimvano-zandi, imihobe emifutshane namabali kwaye abonise ingqiqo ngo -
  - kudlala inxalenye yebali, yengoma okanye imvano-zandi;
  - kudibanisa impinda ngamaxesha afanelekileyo;
  - kuzoba umfanekiso webali, wengoma okanye imvano-zandi;
  - kuqaphela iinkcukacha aze anike ingcamango engundoqo yesicatshulwa somlomo;
  - kubeka imifanekiso ngokulandelelana.
- phuhlisa ingqiqo yezandi ngo -
  - kunakana ukuba amagama akhiwa ngezandi;
  - kwahlula phakathi kwezandi ezahlukeneyo ingakumbi ekuqaleni nasekugqibeleni kwamagama;
  - kwahlula isivakalisi ngokwamagama azimeleyo (esebenzisa amagama anelungu elinye ekuqaleni);
  - kwahlula amagama athethwayo amalungu maninzi ngokwamalungu (umz: i-bha-na-na) besebenzisa ukuqhwaba okanye abethe amagubu;
  - kunakana amagama anesingqisho kwimvano zandi eqhelekileyo nakwiingoma.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- thetha ngamalungu osapho nezihlobo.
- vakalisa iimvakalelo zabo nezabantu bokwenyani okanye bentelekelelo.
- cula nokucengceleza iingoma ezilula nemvano-zandi.
- sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ekuzonwabiseni nasekucingeni kamnandi (ukuzenzela amagama emvano-zandi).
- buza imibuzo xa engaqondi okanye efuna ulwazi nokuphendula ngokucacileyo kwimibuzo ayibuzwayo.
- gqithisa imiyalezo.
- balisa amabali abo nokuphinda babalise amabali abanye ngamazwi wabo.
- thatha inxaxheba kwiqela ngokuzithemba nangobuciko.
- bonisa uvakalelo xa ethetha nabanye.
- linganisa izimo ezahlukeneyo neendlela zokuthetha (kwifoni, kwincoko).

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukelela ulwazi kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko naku-kuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa izikhokelo ezibonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo -
  - kujonga ngononophelo kwimifanekiso neefoto ukuze anakane izinto ezibambekayo eziqhelekileyo namava;
  - kuchonga umfanekiso okanye imilo  kwimvelaphi;
  - kwenza intsingiselo yamabali mifanekiso;
  - kudibanisa imifanekiso namagama;
  - kusebenzisa imifanekiso ukuqonda izihlokwana ezilula kwincwadi yamabali.

- linganisa ukufunda ngo -
  - kubamba incwadi ngendlela efanelekileyo, avule amaphepha ngokufanelekileyo, ajonge amagama nemifanekiso aze aqonde ulwalamano phakathi kwazo, asebenzise imifanekiso ukwakha iingcinga;
  - kwahlula imifanekiso kokushicilelweyo (umzekelo ukhomba  emagameni kunokukhomba emfanekisweni xa efunda).

- phuhlisa intsingiselo yezicatshulwa ezibhaliweyo ngo -
  - kuqonda injongo yokushicilelweyo ukuba kuqulathe intsingiselo ( umz: ukuba igama elibhaliweyo lingaxela igama lakhe);
  - kufunda ngokwamaqela  notitshala;
  - kwenza unxulumaniso namava akhe xa emamele okanye efunda iincwadi , ebukele iTV okanye ebuka imifanekiso;
  - kuchaza nokunika iingcinga zabalinganiswa kwibali okanye inkqubo yeTV.

## IBanga R

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

#### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukelela ulwazi kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko naku-kuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qala ukunakana nokuphuhlisa intsingiselo yoonobumba namagama ngo-
  - kunakana ukuba amagama abhaliweyo abhekiselele kwathethwayo;
  - kunakana nokufunda amagama aqheleke kakhulu afana namagama abo nokushicilelweyo kwimeko bume. njengamagama afana "YIMA/ MISA"
  - kufunda iincwadi zemifanekiso ngezihloko ezilula okanye izivakalisi

- qala ukukhulisa ingqiqo yezandi ngo-
  - kunakana amaqabane okuqala nezikhamiso;
  - kunakana nokubiza oonobumba be-alfabhethi abafana nonobumba wokuqala wegama lakhe;
  - kunakana amanye amagama anemvano zandi kwimvano zandi eqhelekileyo nakwiingoma.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezi-catshulwa ezahlukeneyo ezineengongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza ilinga ngokubhala ngo-
  - kuyila basebenzise imizobo ekugqithiseni umyalezo njengesiqalo sokubhala;
  - kwenza oonobumba ngeendlela ezahlukeneyo (umzekelo ukukhomba amagama usebenzisa umzimba wakhe ukubonisa isimo, babhale esantini okanye entlabathini);
  - kuqonda ukuba ukubhala nemizobo zizinto ezahlukeneyo;
  - “kubhala” nokubuza abanye ukuba banike intsingise-lo yoko bekubhalwa;
  - kuthetha ngabakuzobileyo “nabakubhalileyo”;
  - kulinganisa “ukubhala” ngenjongo, (umzekelo imiyalezo yefoni, uluhlu lwezinto zokuthengwayo);
  - kusebenzisa oonobumba abaziwayo namanani (okanye usondeliso) ukwazisa ulwimi olubhaliweyo, ingakumbi oonobumba bamagama abo, ubudala;
  - “kufunda” ubhalo lwabo oludityanisiweyo xa bathe bayalelwa ukuba benjenjalo;
  - kubonisa ngemizamo yabo ebhaliweyo, ingqiqo eqalayo yokwalathisa (umzekelo ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi);
  - kukhuphela okubhaliweyo kwimeko-bume (umzekelo iilebhile kwizinto zekhaya, izazisi);
  - kuzama iindlela eziqhelekileyo zokubhala esebenzisa oonobumba abaziyo (ezifana noluhlu, imiyalezo, okanye oonobumba);
  - kudlala ngezixhobo zokubhala ezifana neekhrayoni neepensile.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5

**UKUCINGA NOKUQIQA**

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye elusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo -
  - kubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama esifana no: mlinganiselo, bukhulu, isimo, kwalathisa, umbala, isantya, ixesha, budala,nolandelelwano;
  - sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo:
  - kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo, njengakwintsusa nesiphumo;
  - kuhlela ulwazi ( umz: ukuhlanganisa iintlobo zezilwanyana);
  - kuchonga inxalenye kokupheleleyo (umz: amalungu ebhayisikile);
  - chonga nokuchaza iimfano neeyantlukwano usebenzisa ulwimi olufanelekileyo ( ifana, njenge, yahluke kwi).

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo -
  - kubuza imibuzo nokukhangela ingcaciso;
  - kunika ingcasiso nezisombululo;
  - kusebenzisa ubuchule obulula ukufumana nokurekhodisha ulwazi njengokuphanda iilwimi ezi-thethwa liqela okanye ukufumana ulwazi olusemxholweni kwizicatshulwa;
  - kusombulula, imifanekiso nephazili yamagama.

- lungisa ulwazi ngo -
  kukhetha ulwazi oluchongiweyo kwinkcazelo.

# IBanga R

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama, negrama yolwimi ukuyila noku-tolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo
  - kunakana ukuba amagama akhiwa ngezandi;
  - kunakana izandi zokuqala zamanye amagama;
  - kwahlula izandi zamagama amaninzi athethwayo ngokwamalungu ( ngokuqhwaba okanye ngoku-sebenzisa igubu umz: i bha-na-na);

- sebenza ngamagama ngo -
  - Kwahlula isimaphambili kwisiqu umz: isi- kolo;
  - kubeka ndaweninye amagama anezandi ezifanayo (umama, utata, ubhuti);
  - kuchonga igama, unobumba nesithuba kokushicilelweyo.

- sebenza ngesivakalisi ngo -
  - kunxibelelana ngeengcinga esebenzisa iinkcazelo namagama anentshukumo.

- sebenzisa ngezicatshulwa ngo -
  - kuthetha ngezicatshulwa;
  - (amabali) besebenzisa isigama esifana “ekuqaleni”, “phakathi”, “isiphelo”.

- sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo -
  - kusebenzisa ulwimi ukuvakalisa imbeko (ndicela);
  - kuchonga intsingiselo ephuhliswa yimvakalozwi.

# IMAGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA ZAMABANGA UKUSUKA KWELO-1 UKUYA KWELESI-3

## IBanga loku-1

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Okubaliswayo (Ibali elilula,
- Intsomi, zonke iindidi zeentsomi),
- Imiyalelo enontsonkotha okukhulayo
- Amabali ngeziganeko
- Iimvano-zandi ezinentshukumo
- Iinkcazelo ezilula
- Iziganeko zamabali
- Iingoma
- Imihobe
- Imidlalo

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Amabali alula
- Izintlu  (umz: izinto ezithengwayo)
- Imiyalelo (umz. uyenza njani inqwelo-ntaka yephepha);
- Iinkcazelo ezilula
- Izicatshulwa ezilula ezinolwazi (umz. incwadi ngezimo, izilwanyana; oonokrwece).
- Iingxaki zamagama alula ezibalo
- Imihobe
- Imidlalo (umz. Ibhodi yemidlalo),
- Iincwadi zemifanekiso
- Imifanekiso yeephazili
- Iitshati ezilula
- Izalathisi umz: Isichazi-magama

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Umabonakude(TV), iividiyo, iiCD-Rom  ne-intanethi ( apho kuyimfuneko)

## IBanga lesi-2

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Okubalisayo (iindidi zeentsomi),
- Imiyalelo ekhula ngokuntsonkothileyo
- Izintlu
- Iziganeko zamabali
- Iinkcazelo
- Iingxoxo neencoko
- Iimvano-zandi
- Iingoma
- Izibongo
- Imihobe
- Imidlalo
- Izixhobo ezivakalayo nezibonakalayo, umz., amabali kanomathotholo.,
- Izazisi eziqhelekileyo
- Ooqashi-qashi neziqhulo

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Iincwadi (iintsomi nezinye)
- Imiyalelo
- Imithetho (umz: imithetho yomdlalo)
- Uludwe lokubhaliweyo
- Amacwecwe emibuliso
- Iifomu ( ukhuphiswano)
- Iitshati
- Iigrafu zemiqolo
- Iiphazili zamagama (umz:uhlobo oluthile looqashi-qashi)
- Imifanekiso
- Iifoto
- Imifanekiso yeemagazini nezazisi

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Umabonakude(TV), iividiyo, iiCD-Rom  ne-intanethi ( apho kuyimfuneko)

## IBanga lesi-3

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Amabali (iindidi zeentsomi)
- Imiyalelo ekhula ngokuntsonkotha
- Izintlu
- Iziganeko zamabali
- Inkcazelo
- Iingxoxo neencoko
- Iingoma
- Imihobe
- Imidlalo
- Amaqhina neziqhulo
- Iinkqubo zeradiyo (amabali izaziso, iindaba, isimo sezulu, udliwano-ndlebe)

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Iincwadi ( iintsomi nezibalisa ngeziganeko eziyinyaniso)
- Amaphepha-ndaba
- Izalathisi umz: izichazi-magama, iincwadi zezinye iinkalo zezifundo)
- Izalathiso neziqulatho
- Izigxeko-ncomo zencwadi ezilula
- Izazisi
- Ukugcwalisa iifomu (zokhuphiswano)
- Iidayari
- Iimagazini
- Iziyoliso
- Iimephu zengqondo nemephu
- Iifoto
- Imizobo ejikelezayo

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Umabonakude(TV), iividiyo, iiCD-Rom ne-intanethi (apho kuyimfuneko)

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo soku-1

**UKUMAMELA**

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi, kwaye emamelela nokuzonwabisa, aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela ngenyameko kwimiyalelo nezaziso, kwaye aphendule ngokufanelekileyo.
- bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo kwaye ecela ingcaciso.
- mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imvano-zandi, imibongo, neengoma kwiinkcubeko ezahlukeneyo kwaye abonise ingqiqo ngo -
  - kumamelela ingcinga engundoqo nokubaluleka kobunzulu bebali;
  - kulinganisa indawo ezithile ebalini, ingoma okanye imvano-zandi; kungenelela kwimpinda-ngoma
  - kuzoba imifanekiso yebali kwaye abhale amagama ambalwa okanye isivakalisi ngayo;
  - kubeka imifanekiso ngokulandelelana kwayo noku-bhala nokuyihlanganisa nezihloko;
  - kuphendula imibuzo ephangaleleyo malunga nebali;
  - kubonakalisa iimvakalelo zabo malunga nebali;
  - kwazisa iingcinga ngokulandelelana.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphula-phula ixesha elide) ukuphendula kulandelelwano oluntsonkothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe.
- bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye bephawula kwinto eviweyo xa kufanelekile.
- mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo -
  - kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo;
  - kumamela iinkcukacha;
  - kuqikelela okunokwenzeka;
  - kwazisa ukulandelelana kweziganeko; / iingcinga kwisicatshulwa;
  - kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa;
  - kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu;
  - kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphula-phula ixesha elide) ukuphendula kulandelelwano oluntsonkothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe.
- bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kkuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye bephawula kwinto eviweyo xa kufanelekile.
- nakana nokubonisa intlonipho yeentlobo zolwimi ezahlukeneyo.
- mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo -
  - kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo;
  - kumamela iinkcukacha;
  - kuqikelela okunokwenzeka;
  - kwazisa ukulandelelana kweziganeko; / iingcinga kwisicatshulwa;
  - kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa somlomo;
  - kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu;
  - kusebenza intsusa neziphumo kwisicatshulwa somlomo/imiyalezo;
  - kuzoba imifanekiso ukucacisa ingqiqo yebali/isicatshulwa somlomo,abhale amabali/ izicatshulwa ngamazwi akhe.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo soku-1 (Sisaqhubeka)

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi, kwaye emamelela nokuzonwabisa, aze aphendule ngokufanelekileyo nangokunzulu kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela, nokonwabela nokuphendula ngokufanelekileyo kooqashi-qashi neziqhulo.
- mamela imiyalezo baze bayidlulise ngokufanelekileyo.
- phuhlisa ingqiqo yezandi ngo -
    - kwahlula phakathi kwezandi ingakumbi ekuqaleni kwamagama;
    - kunakana amanye amagama anemvano zandi kwimvano zandi eqhelekileyo nakwiingoma;
    - kunakana isininzi.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela bonwabele ooqashi-qashi neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo.
- mamela kwisithethi abangasiboniyo (umz: kwifowuni) nokuphendula imibuzo nemiyalelo.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela onwabele ooqashi-qashi/ amaqhina neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo.
- mamela kwisithethi abangasiboniyo (umz: uno-mathotholo, isithungelwano sokuthetha) nokuphendula imibuzo nemiyalelo.

## IBanga loku-1

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2

**UKUTHETHA**

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezibanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- thetha ngamava akhe, izimvo nezihlobo.
- azisa ngengcamango besebenzisa inkcazelo enomdla namagama entshukumo.
- cula, kucengceleza nokulinganisa iingoma, imihobe nemvano zandi.
- sebenzisa ulwimi ngentelekelelo yokuzonwabisa nokucinga kamnandi.

- balisa iziganeko ngokulandelelana.
- gqithisa imiyalezo.
- balisa ibali elifutshane eliqhelekileyo elinesiqalo, isiqu nesiphelo, esebenzisa imifanekiso ukuzixhasa apho kuyimfuneko.

- thatha inxaxheba kwingxoxo zaseklasini nezamaqela, ukunikana amathuba, ukubuza imibuzo, nokubonisa uvakalelo kwizinto ezifanelekileyo nezimvo zabanye ekusebenizeni kwabo ulwimi ngo -
  - kunika ingxelo yomsebenzi weqela;
  - kuphendula imibuzo ebuzwa ngabaphulaphuli.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- balisa ngamava akhe neziganeko ezitsha jikelele.
- sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama, amaqhina, ukuyila imihobe, ukuyila awakho amagama.
- yila nokubalisa ibali elilula elinesiqalo, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo.
- thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo -
  - kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela;
  - kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni;
  - kucebisa nokwandisa iingcinga;
  - kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye;
  - kubuza imibuzo efuna ingcaciso nolwazi;
  - kuphendula imibuzo nokunika izizathu zeempendulo;
  - kunika ingxelo yomsebenzi weqela.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- balisa ngamava akhe neziganeko ezitsha jikelele nokuvakalisa izimvo neengcamango malunga nazo.
- sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama, amaqhina, ukuyila imihobe, nokuthetha ngelwimi ezininzi ngaxeshanye).
- sebenzisa iimbonakalo ezahlukeneyo nezijekulo xa ebalisa ibali.
- yila nokubalisa amabali anesiqalo, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo eneempawu zesakhiwo sebali nesimo sabalinganiswa.
- thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo -
  - kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela;
  - kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni;
  - kucebisa okanye andisa iingcinga;
  - kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye;
  - kushwankathela umsebenzi weqela.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2 (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngempumelelo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ngokufanelekileyo kwimeko ezahlukeneyo kubantu abahlukeneyo ngo -
  - kuba nodliwano-ndlebe nomntu omdala (ilungu lwasekuhlaleni);
  - kwenza imidlalo yokulinganisa kwimeko ezisemxholweni (indlu yokudlala, ukundwendwela ibhanki, ukuzenzela izihlobo ezitsha);
  - kusebenzisa imigangatho yelizwi eyahlukeneyo.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa iindela zokusombula iingxaki.
- sebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (udliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa.
- sebenzisa umthamo nomgangatho welizwi owahlukileyo ( ukuthetha kwibala lemidlalo, uku-thetha neqela elincinane).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- ba nodliwano-ndlebe nabantu ngenjongo ethile.
- azisa ngomlomo (kwizihloko ezinikiwe, udliwano-ndlebe olwenziweyo, ukunika ingxelo yophando lwangaphandle)
  - ngenkxaso nokukhokelwa ngutitshala kwenziwa izikhokelo zokwazisa okulungileyo;
  - kuchaza ukuba baza kwazisa ntoni njani;
  - kusebenzisa izixhobo ezibonwayo ukuncedisa ukwazisa ngomlomo;
  - kusebenzisa iindlela eziziseko ukuzibandakanya njengabaphula-phuli (ukufumana ukugqalisela kwabaphulaphuli, ukujonga emehlweni.
- zibandakanya incoko njengobuchule bentlalo.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi ukwazi ukufunda, nokubekela ulwazi, nokuzonwabisa, aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ngezikhokelo ezibonwayo ngo kuphuhlisa intsingiselo ngo -
  - kuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba ibali lingantoni;
  - kusebenzisa imifanekiso ukutolika intsingiselo aze abalise ibali;
  - kutolika ulwazi ukuquka izintlu ezilula negrafu ezifunyanwa kokushicilelweyo, kwizixhobo zokusasaza nakwizazisi ezifana neekhalenda, izibhengezo zeHIV nakuludwe lwamagama.

- linganisa ukufunda ngo -
  - kubamba incwadi ngendlela efanelekileyo;
  - kutyhila amaphepha ngokufanelekileyo;
  - kujonga emagameni nakwimifanekiso;
  - kusebenzisa imifanekiso ukwenza iingcinga.

- phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo
  - kufunda ibali notitshala ngo -
    - kuxoxa iingcinga ephambili -
    - kuchonga iinkcukacha (abalinganiswa abaphambili, ukulandelelana kweziganeko, indawo elenzeka kuyo ibali),
    - kuchaza ukuba uyalithanda okanye akalithandi aze anike izizathu.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa izikhokelo zokubonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo -
  - kuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba bacinga ukuba ibali lingantoni.
  - kunxulumene nemifanekiso, noshicilelo lwezixhobo zokusasaza nokwazisa ngo
    - kutolika umyalezo ongundoqo,
    - kuchonga injongo, abaphula-phuli nalapho inokufumaneka khona.

- kuvakalisa impendulo yakhe kwimifanekiso eshicilelweyo, neyezixhobo zosasazo.

- phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo -
  - kuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye
    - kuchazwe ingcinga eyintloko,
    - kuchongwe iinkcukacha eziphambili (Abalinganiswa abaphambili, ukulandelelana kweziganeko, kweendawo),
    - kuchongwe nokuxoxa ngokuxabiseka kwenkcubeko esebalini,
    - kuchongwe izizathu neziphumo (kutheni into isenzeka ebalini),
    - kwenza izigqibo,
    - kuvakalisa ukuba bayalithanda ibali okanye hayi kwaye bazathuze.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa zikhokelo/ ezibonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo -
  - kufunda izicatshulwa zegrafu ezifana nemifanekiso, iifoto, iimaphu, iitshati njl.njl ngo:
    - kucacisa ngomlomo okanye ubhale ukuba zingantoni,
    - kucacisa injongo yomfanekiso,
    - kusebenzisa ulwazi ngendlela efanelekileyo umzekelo umkhondo wemephu,
    - kuhlalutya umfanekiso ngokuphathelele kwisakhiwo nokusebenza kwawo.

- phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo.-
  - kuphawula ngebali okanye umhobe abawufundileyo, babonise ukulandela ngokuphendula le mibuzo ephathelele
    - kwingcinga engundoqo,
    - kwiinkcukacha eziphambili ezifana nabalinganiswa abaphambili, ukulandelelana,
    - kweziganeko, indawo ekwenzeka kuyo ibali,
    - kulwalamano phakathi kwentsusa neziphumo,
    - kwenza izigqibo (ibali? intsomi isifundisa ntoni?) kubenza babonakalise ukuba bayalithanda ibali okanye hayi kwaye azathuze.

## IBanga loku-1

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

**UKUFUNDA NOKUBUKELA**

**Umfundi ukwazi ukufunda, nokubekela ulwazi, nokuzonwabisa, aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nakana oonobumba namagama aze aphuhlise intsingiselo yezicatshulwa ngo -
  - kufunda izixhobo ezibhaliweyo ezilula ngokweenjongo ezahlukeneyo (umz. imisebenzi yeklasi neelebhile);
  - kufunda umsebenzi wakhe nowabalingane;
  - kusebenzisa ubuchule bokunakana igama kwimeko njengobuchule bokubona nobuchule bokuhlasela igama ukuguqula amagama amatsha nangaqhelekanga (izakhiwo ezibonwayo ezifana nesimo segama nepatheni yoonobumba, umkhondo wemifanekiso, umkhondo wemeko nezandi okanye ulwalamano lwezandi okanye isandi nonobumba.

- khulisa ingqiqo yezandi ngo -
  - kunakana nokubiza oonobumba be-alfabhethi;
  - kuqonda umahluko phakathi koonobumba abangamagama nonoobumba abazizandi;
  - kwahlula igama elilula elineqabane elinye nesikhamiso;
  - kunakana oonobumba abaxutyiweyo egameni kwegama umz: shushu;

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kufunda izicatshulwa kwinqanaba elinobunzima (iincwadi zeentsomi nezibalisa okuyonyaniso ezilula, imiyalelo elula, amacwecwe okubulisa, iiphazili zamagama njl.njl.)

■ nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngo -
- kufunda ngesantya esikhulayo ekuzifundeleni izicatshulwa;
- kufunda ngokuvakalayo kwaye esebenzisa ucinezelo nokubiza amagama ngokufanelekileyo;
- kusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela ukwenza intsingiselo yesicatshulwa;
- kusebenzisa iindlela zokuzikorekisha njengokuphinda ufunde, nqumama, ziqhelise amagama phambi kokuba awabize.

■ khulisa ingqiqo yezandi ngo -
- kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana kwamanye amagama Umz: iinkomo;
- kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini "ëph", "sh";
- kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo "mnt", "tsh";
- kunakana iqela lamagama abonwa njalo.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kufunda imiyalelo ephathelele kwizidingo neminqweno yabo ebomini;
- kufunda izicatshulwa ezininzi ezahlukeneyo ezinokuntsonkotha ezifana neencwadi zeentsomi nezibalisa ngenyaniso, izalathiso neziqulatho.

■ funda izicatshulwa bodwa kuze kusetyenziswe iindlela ezahlukeneyo ukunika intsingiselo yezicatshulwa ngo -
- kufunda isicatshulwa esishicilelweyo ngobuciko nangengqiqo ngo:
  - kubiza amagama ngobuciko xa efunda ngokuvakalayo,
  - kufunda ngokuvakalayo kwaye esebenzisa imbonakalo, ucinezelo olufanelekileyo, nokunqumama, imvakalozwi,
  - kusebenzisa ubuchule bonakano lwamagama nobengqiqo ukufunda izicatshulwa ezingaqhelekanga,
  - kusebenzisa iindlela ezizenzekelayo zokuzikorekisha njengokuphinda ufunde, nqumama, ziqhelise amagama phambi kokuba awabize.

■ zinzisa ulwazi lwezandi ngo -
- kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana; kwamanye amagama Umz: iinkomo;
- kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini "ph", "sh";
- kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo "mnt", tsh;
- kunakana iqela lamagama abonwa njalo.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukelela ulwazi kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule kubuhle, kwinkcubeko nakuku-xabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kunakana amagama aqheleke kakhulu njengegama lakhe nokushicilelweyo kwimeko bume bendawo;
- kunakana amagama awabona njalo afana nala: eyakhe, negama lakhe nokushicilelwe kwimeko-bume.

- fundela ulwazi nolonwabo ngoku -
  - funda iincwadi - mifanekiso ezineentloko ezilula.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulwazi nolonwabo ngo -
  - kufunda iincwadi zemifanekiso namabali alula akhethwe nguye;
  - kubonisa ukuxabiseka kwamabali kwiinkcubeko ezahlukeneyo;
  - kuqala ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama;
  - kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (umz: iimagazini, iincwadi eziyinyaniso ezihlekisayo).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- fundela ulwazi nolonwabo ngo -
  - kukhetha iincwadi ezibalisa ngeentsomi nezibalisa ngenyaniso kwaye axele kungani ezithanda okanye engazithandi;
  - kufunda nokuhlalutya iincwadi ezibhalwe ngababhali beenkcubeko ezahlukeneyo malunga nemeeko ezahlukeneyo nolwalamano;
  - kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa ezifana neemagazini, namaphepha-ndaba;
  - kwandisa isigama ngokusebenzisa isichazi-magama nokugcina isichazi-magama sakhe;
  - kusebenzisa isalathiso , isiqulatho, amagama aphambili, izihloko, iintloko, neenombolo zamaphepha ukufumana ulwazi;
  - kudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, kwisigama, kulwazi nakubuchule.
  - kuchonga nokufumana imithombo yolwazi efana namalungu oluntu, neencwadi zethala leencwadi
  - kuqala ukuhlalutya izicatshulwa zomlomo, ezibhaliweyo, nezibonwayo kukuxabiseka kwentlalo-nkcubeko, kwiimbono nakwingqikelelo (umz: ukwazisa isepha engumgubo, ukuchaza ukuba yenzelwe bani, iindima ezidlalwa ngabafazi namadoda).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinee-ngongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokufundeka okukhulayo ngo -
  - kusebenzisa izixhobo zokubhala ezifana neekrayoni neepensile ngokufanelekileyo;
  - kuvelisa ukwakhiwa koonobumba nobuchule bokubhala ngesandla (iiphatheni, imizobo, nokufuna amagama);
  - kwenza oonobumba be-alfabhethi ngempumelelo.

- sebenza imisebenzi yaphambi kokubhala ngo -
  - kuyila nokusebenzisa imizobo njengogqaliselo lokubhala;
  - kuphendula kumfanekiso ngezivakalisi ezilula;
  - kuxoxa neklasi ( ngababini okanye nangamaqela) ngezihloko nangeengcinga zobhalo lwabo.

- bhalela iinjongo ezahlukeneyo ngo -
  - kwenza uluhlu;
  - kubhala iilebhile ezilula okanye iintloko zemizobo;
  - kuyila izicatshulwa ezilula ezifana namacwecwe omhla wokuzalwa ( izicatshulwa ezibhalwayo nezi-bonwayo);
  - kusebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekhodisha ulwazi njengokwenza uphando lokokuba zingaphi iilwimi ezithethwa liqela;
  - kucwangcisa ulwazi kwigrafu elula (itshati, uludwe lweenkqubo);
  - kuqokelela imifanekiso efanelekileyo, nemifanekiso yegrafu ukucacisa isicatshulwa.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokufundekayo okukhulayo ngo -
  - kusebenzisa izixhobo zobuchule bokubhala nokuzizalisekisa ngokufanelekileyo;
  - kwenza oonobumba ngokucacileyo nangokulula;
  - kubhala ngokukhululeka okukhulu nangesantya ngokuziqhelanisa.

- sebenzisa iindlela ezandulela ukubhala ukuqalisa ukubhala ngo -
  - kuthatha inxaxheba ekungqubaniseni iintloko ukufumana iingcinga nolwazi ukulungiselela ukubhala;
  - kwabelanani nabalingane ngeengcinga zokubhala;
  - kukhetha isihloko aza kubhalela phezu kwaso esimalunga nokunentsingiselo kuwe.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala ngokufundekayo ngo -
  - kubhala ngokukhululeka okukhulu nangesantya ngokuziqhelanisa;
  - kugqiba umsebenzi ngexesha omiselwe wona.

- sebenzisa ubuchule phambi bokuqalisa ukubhala ngo -
  - kusebenzisa ubuchule bokwandulela ukubhala obahlukeneyo ekufuneni ulwazi aze akhethe isihloko (umz: ukungqubanisa iintloko, ubhalo olukhululekileyo, ukuthetha nabalingane, imi-fanekiso ebonwayo);
  - kuqalisa ukuqulunqa ukubhala.

## IBanga loku-1

### IsiPhumo sesiFundo soku-4 (Sisaqhubeka)

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinee-ngongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- yila nokuhlaziya ngo -
  - kuba negalelo kwiingcamango ekubhalweni kwebali ngokwamaqela (okokuqala utitshala njengonobhala);
  - kuhlaziya uyilo lwebali lwamaqela licace libe nomdla;
  - kubhala aze afunde uyilo lwakho ufundela utitshala nabalingane uze uqale ukwenza uhlaziyo.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- yila umsebenzi ngo -
  - kubhalela iinjongo ezahlukeneyo izicatshulwa ezifutshane ngo:
  - luhlu olufana nemsebenzi yeveki);
  - kwenza izicatshulwa ezilula ezibonisayo njengamacwecwe okubulela neeleta;
  - kwenza izicatshulwa ezilula ezifundisayo njengeeresipi;
  - kwenza amabali alula/ ingcaciso yamava akho/iziganeko;
  - kwenza imihobe neengoma;
  - kubhala isihloko esiphuhlisa umxholo.

- hlaziya umsebenzi ngo -
  - kuxoxa ngobhalo lwakho nolwabanye ukufumana okanye ukunika ingxelo;
  - kwenza iinzame zokuchokela/ nokuhlela imibhalo yabo (ukushiya okanye ukongeza amagama ukucacisa intsingiselo, aze akorekishe upelo neziphumlisi);
  - kuhlaziya umsebenzi wakho ema kokuthetha nabanye.

- papasha imisebenzi ngo -
  - kwabelana ngomsebenzi nabanye ngokufundela ngaphandle okanye ukwenza umboniso wokubhaliweyo eklasini;
  - kwenza iincwadi zab okanye ingqokelela yeklasi.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- yila umsebenzi ngokweenjongo ezahlukeneyo ngo -
  - kukhetha uhlobo lwesicatshulwa ukuze sihambelane nenjongo nabaphula-phuli (umz: ukubhala kwidayari novakalelo lwakho kwisiganeko);
  - kubhala izicatshulwa ezifutshane ezikhethiweyo ngokweenjongo ezahlukeneyo (umz: umhlathi omnye-okanye emibini webali, izigxeko-ncomo zeencwadi, iiresipi, iingxoxo, imiyalelo);
  - kubhala isihloko esiphuhlisa umxholo apho kuyimfuneko.

- hlaziya umsebenzi ngo -
  - kuxoxa ngobhalo lwakho nolwabanye ukufumana okanye ukunika ingxelo;
  - kuchokela imibhalo yabo (ukushiya okanye ukongeza amagama ukucacisa intsingiselo, ukukhangela nokukorekisha upelo neziphumlisi);
  - kuhlaziya umsebenzi wakho emva kokufumana ingxelo kwabanye.

- papasha imisebenzi ngo -
  - kwabelana ngomsebenzi nabanye ngokufundela ngokuvakalayo nokwenza umboniso wokubhaliweyo eklasini;
  - kwabelana nabaphula-phuli ekujoliswe kubo kwenza iincwadi zabo okanye ingqokelela yeklasi.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo soku-4 (Sisaqhubeka)

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinee-ngongoma ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qalisa ukwakha isigama nokupela amagama ukuze afundeke kwaye aziwe ngabanye ngo -
  - kubhala amagama amele abantu abaqhelekileyo, iindawo, nezinto;
  - kupela amagama ngokuchanekileyo;
  - kuzama ukupela amagama angaqhelekanga ngokusekeke kwizandi ( ukusebenzisa ulwazi lopelo olusisiseko esisenzekelayo);
  - kwakha amagama kwibhanki yamagama nakwisichazi-magama zakhe.

- bhala ngendlela eya kuqondakala kwabanye, usebenzise uthungelwano lokubhala ngo -
  - kusebenzisa oonobumba ukwakha igama elilula nesi-vakalisi esifutshane;
  - kushiya izithuba phakathi kwamagama;
  - kusebenzisa  ubhalo olusuka ekhohlo ukuya ekunene, , ukusuka phezulu ukuya ezantsi;
  - kusebenzisa isakhelo sokubhala ukuqalisa ukubhala izivakalisi zabo;
  - kuqala ukusebenzisa iziphumlisi ezisiseko (oonobumba abakhulu, nezingxi).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngo -
  - kwenza umfuniselo/ilinge;
  - ngamagama afunyanwa kumava womsebenzi
  - kupela amagama aqhelekileyo ngokufaneleki-leyo;
  - kwandisa ukusetyenziswa koomabizwafane ngokufanelekileyo (sinda/sinda ingqina/ ingqina);
  - kuzama ukupela amagama angaqhelekanga ngokusekeke kwizandi umfuniselo ngopelo;
  - kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho;
  - kusebenzisa isichazi-magama;
  - kukhangela upelo kunye nentsingiselo yamagama.

- bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo -
  - kusebenzisa isakhelo sokubhala esakhelwe iint-lobo zezivakalisi neempawu zezicatshulwa (umz: imihobe emifutshane, izicatshulwa zamacwecwe;
  - kusebenzisa iziphumlisi ezisisiseko ezifana noonobumba abakhulu ekuqaleni kwesivakalisi, izingxi ekupheleni.;
  - kufunisela ngezinye iziphumlisi ezifana nophawu lwesikhuzo kunye/okanye uphawu lwemibuzo;
  - kusebenzisa izimbo zokubalisa (kudala-dala, phela phela ngantsomi);
  - kusebenzisa ulwazi lwegrama;
  - kusebenzisa ezinye izakhiwo zezicatshulwa zolwazi ezifana neeresipi.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- enza isigama aze uzipelele amagama ngo -
  - kuguquguqula isigama ngokuqhutywa ngumdla neenjongo ezithile;
  - kwenza umfuniselo nokudlala ngamagama avela kumabali ekufundeni, kwizixhobo zosasazo, kwiziqhulo, kwintetho yabalingane nabanye;
  - kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho;
  - kusebenzisa isichazi- amagama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama;
  - kusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.

- sebenzisa izakhi zegrama nothungelwano lokubha-la ngo -
  - kuqala ukwahlula izivakalisi ngokwemihlathi;
  - kusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo (umz: oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombu-zo, izikhuzo ikoma, isimeli- nobumba );
  - kusebenzisa izimbo zokubalisa;
  - kusebenzisa ezinye izakhiwo zezicatshulwa zolwazi ezifana nemifuniselo.
  - kusebenzisa ulwazi lwegrama

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi ukwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye alusebenzise ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo -
  - kubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama esifana no/ne: mlinganiselo, bukhulu, isimo, kwalathisa, mbala, santya, xesha, budala, nolandelelwano;
  - kuqonda nokusebenzisa ingqiqo yolwimi lweenkalo zezifundo ezahlukeneyo kulo mgangatho kwaye kulungiselelwa umgangatho olandelayo.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
  - kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo, njengakwintsusa nesiphumo;
  - kuhlela ulwazi (umz: ukuhlanganisa iintlobo zezilwanyana);
  - kuchonga inxalenye kokupheleleyo (umz: amalungu ebhayisikile);
  - chonga nokuchaza iimfano neeyantlukwano usebenzisa ulwimi olufanelekileyo ( ifana, njenge-, yahluke kwi-).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ukwaandisa isigama ngo - kugonda nokusebenzisa ulwimi lwengqigo lweenkalo zezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho nokulungiselela umgangatho olandelayo.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
  - kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo, umz:,  kwintsusa nesiphumo; kulandelelwano;
  - kusebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu nolwimi olubandanyeka kuzo, umzekelo: ukuthelekelela, ukusebenzisa ulwazi, ukuvavanya ( Ndicinga, Ndimangaliswa njl.njl);
  - kuchonga iimfano neeyantlukwano;
  - esebenzisa ulwimi olufanelekileyo (umz; nqwa, ifana, injengale, ngendlela efanayo, yahlukile kwi-, yahlukile kule);
  - kuthelekisa izinto.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo -
  - kuqonda nokusebenzisa  ulwimi lwengqiqo lweenkalo lwezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
  - kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo, umzekelo: kwintsusa nesiphumo, kwenzeni izigqibo.

# Ibanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi ukwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye alusebenzise ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo -
  - kubuza imibuzo nokukhangela ingcaciso;
  - kunika ingcasiso nezisombululo;
  - kusebenzisa ubuchule obulula ukufumana nokurekhodisha ulwazi njengokuphanda iilwimi ezi-thethwa liqela okanye ukufumana ulwazi olusemxholweni kwizicatshulwa;
  - kusombulula, imifanekiso nephazili yamagama.

## Ibanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo -

- kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso, anike izisombululo nezinye iindlela zokusombulula;
- usebenzisa ulwazi malunga nemvelaphi yezicatshulwa ukukhetha izixhobo ezisemxholweni kwaye akwazi ukunika izizathu zokhetho.

- sebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekhodisha ulwazi (umzekelo: uphando kwithala leencwadi encedwa ngumntu omdala; okanye umfundi; omdala; omdala.

## Ibanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu nolwimi olubandanyeka kuzo, umzekelo:
  - iingcinga ethatyathwa njengenyaniso (Ndicinga ukuba inga;
  - kusebenzisa ulwimi ukuchaza iimfano neeyantlukwano, ukuhlalutya, ukuthelekisa nokuchasanisa ulwazi.

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo -
  - kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso, unika izisombululo nokucebisa ezinye iindlela zokusombulula (Ukuba ndenza le nto, ngoku.....Singazama.....).

- enza uphando olulula ngo -
  - kubuza imibuzo enokubanceda ukuxela umsebenzi nokufuna ulwazi abalufunayo (sifuna ukwazi ntoni, ukwenza, ukufumana, luza kufumanaphi ulwazi?);
  - kuqulunqa amanqanaba omsebenzi ukuze kwabelwane ngomsebenzi (umz., kuza kwenziwa ntoni, ngubani oza kwenza okuthil;
  - kusebenzisa ubuchule ukufumana ulwazi ngo:
    - kubuza imibuzo esemxholweni,
    - kwenza udliwano-ndlebe nephepha lemibizo,
    - kufuna ulwazi kwithala leencwadi ( uncedwa ngumntu omdala okanye umfundi omdala),

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi ukwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa kwaye alusebenzise ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngo -
  - kucwangcisa ulwazi kwizimo zegrafu ezilula (umz: itshati, ithayimthebhuli).

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngo -
  - kukhetha ulwazi kwisicatshulwa nokululungisa;
  - kucwangcisa ulwazi kwizimo zegrafu ezilula (umz: itshati, ithayimthebhuli).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuxhasa ucacise ingxoxo ngokunika izizathu nobungqina;
- kushwankathela ulwazi uze ulazise ngokufanelekileyo nangomdla.

- lungisa ulwazi ngo -
  - kurekhodisha nokucwangcisa ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo:
  - khetha ulwazi nokuthatha amanqaku;
  - kwenza iimephu zengqondo;
  - kwakha izintlu, imizobo, iitshati, neeflowu tshati;
  - kulandelelanisa ulwazi nokulubeka phantsi kwezihloko;
  - kusebenzisa ulwimi ukuchaza imfano neeyantlukwano ukuhlalutya, ukuthelekisa nokuchasanisa ulwazi.

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama, negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo -
  - kwahlula izandi ezimalungu-manizi ezithethwayo ngokwamalung;
  - kusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama.

- sebenza ngamagama ngo -
  - kwazi apho igama elibhaliweyo liqala khona nokushiya izithuba phakathi kwamagama;
  - kupela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo;
  - enza isininzi samagama aqhelekileyo;
  - kuchonga nokusebenzisa isimaphambili;
  - kuchonga izinciphiso;
  - kuhlanganisa amagama (umz: amagama anezandi ezifanayo okanye anesimaphambili esifanayo);
  - kusebenzisa oonobumba abakhulu kumagama abantu umz: uThandi.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kubhala izivakalisi ezifutshane , umz: USamkelo uphumelele umdyarho;
  - kusebenzisa iziphumlisi – unobumba omkhulu ekuqaleni kwesivakalisi;
  - nesingxi ekupheleni kwesivakalisi;
  - kusebenzisa izibizo, izimelabizo ( mna, yena) nezihlomelo ezichanekileyo;
  - kusebenzisa ixesha langoku nexesha eladlulayo ngokuchanekileyo.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo -
  - kusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga.

- sebenza ngamagama ngo -
  - kuchonga nokusebenzisa isimaphambili nesimamva;
  - kuchonga izinciphiso;
  - kupela amagama aqhelekileyo;
  - kusebenzisa isichazi-magama ukuqinisekisa upelo;
  - kuchonga izichasi nezifanokuthi.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kudibanisa izivakalisi ngezihlanganisi ukwenza isivakalisi esimbaxa;
  - kusebenzisa izilanduli ngokuchanekileyo (umz: Akayenzi loo nto);
  - kuchonga nokusebenzisa izibizo, izichazi izenzi, izimelabizo ( mna, yena);
  - nezihlomelo ezichanekileyo;
  - kusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo ngokuchanekilayo;
  - kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo;
  - kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo uphawu lombuzo, ikoma;
  - oonobumba abakhulu amagama eendawo umz: eBhayi).

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo
  - kusebenzisa izandi, nokupela amagama anzinyana.

- sebenza ngamagama ngo -
  - kusebenzisa eminye imithetho yopelo ukupela amagama;
  - kusebenzisa iintlobo zemithombo ukukhangelaupelo;
  - kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama;
  - kuchonga izichasi nezifanokuthi.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kuchonga intloko, isenzi nenjongosenzi kwisivakalisi;
  - kusebenzisa uvumelwano olufanelekileyo lwentloko nenjongosenzi;
  - kusebenzisa izihlanganisi ezivakalisa intsusa nesiphumo, umz: Andimthandi;
  - kuba uyonqena;
  - kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo;
  - kuchonga nokusebenzisa izibizo, izichazi izenzi, izimelabizo ( mna, yena);
  - nezihlomelo ezichanekileyo;
  - kusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo ngokuchanekilayo;
  - kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo (isimeli-nobumba. Umntwan'am. uphawu lwesikhuzo).

# IBanga loku-1

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama, negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kulandelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana: “kwaze” xa bebalisa;
  - kuthetha malunga nezicatshulwa esebenzisa isigama esifana “ekuqaleni”, “phakathi”, “ekugqibeleni”.

- sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo -
  - kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz: ukwenza izicelo eziphucukileyo);
  - kuguqula imvakalozwi ngokwenjongo.

- phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo -
  - kunakana iiyantlukwano phakathi kolwimi olusetyenziswa eklasini ( ngexesha lendaba) naxa edlala nabahlobo bakhe, aze aphononongе ukuba kutheni kukho umahluko kulwimi olusetyenziswa kwiimeko ezahlukeneyo.

## IBanga lesi-2

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi;
  - landelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana: kwaze xa bebalisa;
  - kuchonga iimpawu zeentlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo (umz: ibali, imiyalelo).

- sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo -
  - kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko ( umz: ukwenza izicelo eziphucukileyo);
  - kuguqula imvakalozwi ngokwenjongo.

- phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo -
  - kuxoxa ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe namantombazana (amandla, ubuhle) nakana. Kuxoxa iimpembelelo zezi nkcazelo nokuba olu lwimi lumele ukusetyenziswa nokuba lingasetyenziswa.

## IBanga lesi-3

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi aze agcine ukungaguqu-guquki;
  - ekusetyenzisweni kwexesha.

- sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo -
  - kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz: ukuxolisa).

- phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo -
  - kuphonononga indlela iklasi esebenzisa ngayo intetho engaphucukanga, kwaye ithethwa nabani ngeziphi iinjongo.

# ISAHLUKO SESI-3
# ISIGABA ESIPHAKATHI
# (AmaBanga ukusuka kwelesi-4 ukuya kwelesi-6)

## INTSHAYELELO

KwisiGaba esiPhakathi abafundi bakwiminyaka ebadlulisela ebuntwini obudala. Abafundi besi siGaba bakhuthele, yaye impembelelo yabalingane babo inefuthe kakhulu kubo; abaphumlanga, baye abaqinisekanga ngeziqu zabo. Baneentloni, kwaye  bafuníukwazi ukuba bangobani. Imibandela ephathelene kubunguwe ibaluleke kakhulu, kwaye kuyimfuneko ukuba ulwalamano phakathi kolwini nobunguwe  kwizizwe ezineelwimi neenkcubeko ezininzi zigciniwe engqondweni.

Ezinye zeempawu zabafundi besi sigaba zezi:

- baba novakalelo lokuba izenzo zabo zibachaphazela njani abanye.
- baqalisa ukuqonda izidingo zabo, iminqweno  neengcamango zabanye.
- baqalisa ngokusebenza kunye kwimisebenzi yabo yamaqela ngokulula.
- baqalisa ukonwabela ukucelíumngeni ekwenzeni imisebenzi ezimeleyo.
- babonisa umnqweno wokuthathela kubo ulawulo lwemfundo yabo.
- baqalisa ukucinga ngokucoselela ngokuthe chatha nangendlela yokucwangciswa kweenkqubo zabo.
- balufikelela ngokuthe chatha, kwaye babhale ingxelo, bekwaguqu-guqula ulwazi
- bakwazi ukuye beqhubela phambili ukuphanda, ukuthelekisa nokuvavanya ngokucalulayo.

### UkuGqalisela

Kwesi siGaba, abafundi bahlanganisa baze bandise ubuchule babo bokufunda nokubhala, kwaye bakhe ukuzithemba nobuciko ekusebenziseni ulwimi oluthethwayo. Umsebenzi odibene ngokwekharityhulamu uya kwenza inxalenye ebalulekileyo kwimisebenzi yokufunda.

### UbuBanzi obuKhulwana beziCatshulwa

Abafundi baza kusebenza ngezicatshulwa ezibanzi kunezesiGaba esisiSeko. Ulwimi nomxholo wezicatshulwa uza kuba mdana kwaye ube nokuntsonkotha okuthe kratya. Baza kwazisa abafundi kuncwadi lomlomo nolubhaliweyo nakwimibandela ebalulekileyo yentlalo neyommandla.

### UkuHlanganisa imiSebenzi yokuFunda

Ukunceda ukumisela imigangatho yokuhlola ecacileyo, isiphumo ngasinye masibe nobuchule obahlukeneyo okanye ubuchule obugqaliseleyo (bokumamela, bokuthetha, bokufunda nokubukela, bokubhala, bokucinga nokuqiqa). Nangona kunjalo, oku kufuneka kuhlanganisiwe ngokweemeko zemisebenzi yokufunda ngeenjongo ezicacileyo nezisemxholweni kwiinkqubo zokufunda.

## UmXholo oBanzi nowaHlukileyo

Umxholo osemxholweni kufuneka uthathwe kwimibandela ebanzi eyahlukeneyo esekeke kwizidingo zomfundi ngamnye nakwimibandela yentlalo ebanzi. Zama ukuquka imibandela yesizwe efana nobuhlwempu, iNtsholongwane kaGawulayo/noGawulayo,(i-HIV/AIDS), nobugebenga. Mazingathathwa nje njengenxalenye yezicatshulwa, koko zibalulwe njengeziyinxalenye yamava okufunda. Ngale ndlela ungababonisa abafundi indlela eyinyaniso yokusebenzisa ulwimi, ukuze bakwazi ukuvelisa ubuchule obungundoqo, umzekelo:

- ukunakana iintetho okanye iingcinga ezisoloko zisetyenziswa;
- ukufunda ukuba izicatshulwa zibacenga njani abafundi kuluvo oluthile;
- ukucela umngeni kwezi ntsebenziso zolwimi.

Ngale nkqubo ootitshala nabafundi baya:

- kuphumeza iziPhumo ezinguNdoqo ezili-12. neziPhumo ezakhayo;
- kulungiselela imisebenzi entsonkothe ngokuthe kratya nemiGangatho yokuHlola  kwisiGaba esiPhakamileyo.

## IZIPHUMO ZESIFUNDO

### IsiPhumo sesiFundo soku-1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo  kwiimeko ngokubanzi.**

Izakhono zokumamela  zicokisiwe ukwenzela ukuba abafundi bamamele izicatshulwa zomlomo ezandisiweyo (ngokusesikweni nangokungekho sikweni) kwiinjongo ezahlukeneyo.

### IsiPhumo sesiFundo sesi- 2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ezahlukeneyo nezibanzi.**

Njengokuba abafundi bekhula, iimeko zokucelíumngeni nazo zithe kratya zaye zisenza ibango nokuzithemba okuthe kratya ekusebenziseni ulwimi oluthethwayo ngokuyimpumelelo. Baya kukhulisa ubuchule babo bonxibelelwano, kwaye babe novakalelo kwiiyantlukwano zenkcubeko, kwaye bafunde ukuxabisa iilwimi ezininzi.

## IsiPhumo sesiFundo 3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nokuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**
Ukufunda izicatshulwa zoMzantsi Afrika nezamazwe ngamazwe, ezizintsomi nezibalisa ngenyaniso, kuvuselela ukukhula kovakalelo lomfundi, ukukhula kolwimi, nokwazi ukufunda nokubhala, ingqiqo yokuxabiseka nolonwabo.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**
Abafundi baqhubela phambili ngokwandisa ubuchule babo bokubhala ngeenjongo nakubaphula-phuli abahlukeneyo. Baqala ukwandisa nokucwangcisa iingcinga kwizicatshulwa ezineengongoma eziyinyaniso, eziyilwe ngokulandela amanqanaba enkqubo yokubhala.

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa, ekwalusebenzisa ekufundeni.**
Ubuchule bokucinga obukhulileyo, kuquka ëukucinga ngabakucingayoí nolwazi lokufunda nokubhala lubalulekile kumsebenzi odibene ngokwekharityhulamu nakwimpumelelo yemfundo. Kufuneka zifundiswe ngokuhlangeneyo kwimeko yemisebenzi yokusombulula iingxaki ngeenjongo ezicacileyo ezinoncedo.

## IsiPhumo sesiFundo 6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi unakho ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**
Abafundi baya kuqala ukuphononongа indlela ulwimi olusebenza ngayo kwaye baphuhlise ulwimi lolwabelwano lokuthetha ngolwimi.  Ukuze bavavanye izicatshulwa zabo nezabanye ngokunzulu ngokwentsingiselo, ngokufaneleka nangobuciko. Baya kwazi ukusebenzisa olu lwazi ekufuniseleni ngolwimi ukwakha intsingiselo ( ukusuka kumanqanaba amagama  nawesivakalisi ukuya kwisicatshulwa esipheleleyo) kwaye abone indlela isicatshulwa nemeko yaso ezinxulumene ngayo. Baya kuba nengqiqo yokokuba ulwimi luguquka njani phakathi kokuhamba kwamaxesha neenkcubeko nokokuba luguquka njani kwiimeko ezahlukeneyo.

# IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA

Kumacadelo alandelayo kunikwe imiGangatho yokuHlola yesiPhumo sesiFundo ngasinye yeBanga ngalinye. Imizekelo yezicatshulwa ezinokuhlanganiswa ekufundeni ulwimi inikiwe. Le ayiyomizekelo epheleleyo utitshala angongeza kuyo ngokukhetha naziphi izicatshulwa ezifanelekileyo.

## IBanga lesi-4

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo**

- Iincoko
- Iintetho
- Imihobe
- Iivesi eziculwayo
- Okubhaliweyo (umz: iintsomi, amavo, amabali)
- Iingxelo zeziganeko ezidlulileyo
- Iziqhulo, ooqashi-qashi/amaqhina, iziqhulo
- Iingxelo zemozulu
- Udliwano-ndlebe
- Iintetho ezimfutshane
- Iingoma
- Imiyalelo
- Izalathiso

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Imihobe
- Amabali
- Iingxelo (inzululwazi, isimo sezulu, ingozi, imidlalo)
- Okubaliswayo (, iintsomi namabali)
- Iinkqubo (iiresipi, imiyalelo)
- Iincwadi ezihlekisayo
- Iileta
- Iidayari
- Izalathisi (umz: izichazi-magama, intyila-lwazi)
- Iincwadi zesikhokelo (ezivela kwiiNkalo zeziFundo ezahlukeneyo)
- Imizobo
- Imifanekiso eyenziwe ngamaphetshana
- Iigrafu zemiqolo
- Iitshati (umz: iflowu tshati)
- Iimephu zengqondo
- Iimephu

## IBanga lesi-4

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Imidlalo yabantwana yeTV
- Amabali eTV ahlekisayo
- Izazisi zeTV
- Iikhompyutha okanye iCD Rom (apho ziyimfuneko)
- Imidlalo yeqonga
- Izazisi

## IBanga lesi-5

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo:**

- Iintetho
- Imiboniso kanomathotholo
- Imihobe yomlomo (izibongo, nebhaladi)
- Okubhaliweyo (iintsomi namabali)
- Imiyalelo,
- Izalathiso
- Iindaba
- Iingxelo zemozulu
- Iivesi eziculwayo
- Iingxoxo/Iimfundiso ezimfutshane
- Iingxoxo-mpikiswano
- Imidlalo
- Iziqhulo, iimbali ezimfutshane ezinoburharha

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Imihobe
- Okubaliweyo (amabali, neendidi zeentsomi)
- Iileta,
- Izigxeko-ncomo zeencwadi
- Iidayari
- Amaphepha-ndaba
- Iinkqubo (umz: imiyalelo, iresipi)
- Izalathisi (umz: izichazi-magama, intyila-lwazi)
- Iincwadi zesikhokelo (ezivela kwiiNkalo zeziFundo ezahlukeneyo)
- Iifoto
- Iigrafu neetshati zepayi
- Izintlu
- Iimephu zengqondo
- Imizobo

## IBanga lesi-6

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

**Ezomlomo**

- Iingxoxo,
- Iintlanganiso
- Iingxoxo-mpikiswano,
- Amabali
- Imidlalo
- Iinkqubo zikanomathotholo
- Iindaba,
- Imiyalelo,
- Izalathiso
- Iingcaciso
- Imihobe yomlomo/ukufunda izibongo
- Iimbali ezimfutshane ezinoburharha
- Uthetha-thethwano.

**Ezibonwayo/ ezibhalwayo:**

- Amabali ngobomi babantu
- Amabali amafutshane
- Imidlalo emifutshane
- Imihobe
- Amaphepha-ndaba neemagazini
- Iingxelo (umz: ubugebenga, iingozi, ezemidlalo)
- Iinkqubo (imiyaleleo
- Izalathiso
- Izalathisi (izichazi-magama, iintyilazwi)
- Izazisi
- Iifoto
- Iintlobo-ntlobo zeegrafu
- Izintlu
- Iitshati
- Imizobo
- Iimephu

## IBanga lesi-6

### IziCatshulwa eziCetyiswayo (Zisaqhubeka)

**Ezezixhobo zokusasaza ezininzi:**

- Imiboniso yethelevizhini obonisa izinto njengoko zinjalo
- Imiboniso yamabali ahlekisayo
- Imiboniso
- Izazisi zeTV
- Ikhompyutha, intanethi neCD Rom (apho zifumanekayo)
- Ukwenza imidlalo

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo soku-1

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelele noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nwabela ukumamela iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa zomlomo nokuphendula ngokufanelekileyo (umz: amabali, iintsomi, iingxelo ezimfutshane).
- xoxa ngeengcinga ezingundoqo neenkcukacha ezithile aze azinxulumanise namava akhe.
- xoxa ngendlela isithethi esiwasebenzisa ngayo amagama, amabinza nentshukumo yomzimba nangendlela oku kunempembelelo ngayo kumphulaphuli. (umz: Uzive njani emveni kokuba umamele isithethi? Utheni okanye wenze ntoni ukwenza ukuba uzive njalo?).
- xoxa indlela ithoni nokukhetha amagama ezithi zitshintshe ukulungiselela abaphulaphuli neenjongo ezahlukeneyo.
- thetha ngezandi nemifanekiso yamagama kulwimi nokunika amagqabantshintshi ngazo nesiphumo sazo kumphulaphuli.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nwabela ukumamela intlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa zomlomo ezifana namabali, iintsomi, iivesi eziculwayo, iziqhulo nooqashi-qashi namabali amafutshane aze aphendula ngokufanelekileyo.
- chonga umyalezo nomxholo ongundoqo kwizicatshulwa zomlomo aze azinxulumanise kubomi bemihla ngemihla.
- chonga iimpawu zezicatshulwa zomlomo (isakhiwo, ulwimi, ithoni, ulwimi olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile, njl.njl.) Oku kubenza balungele iimeko nabaphulaphuli abahlukeneyo.
- xoxa ngendlela ulwimi olusetyenziswa ngayo ukuvelisa ingqiqo yemeko.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nwabela ukumamela nokuphendula ngokunzulu kwiintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa zomlomo ezifana namabali, iindidi zeentsomi, imihobe, imidlalo, iingxoxo-mpikiswano neentetho.
- chonga imixholo, abuze imibuzo, aze anxulumanise iingcamango kumava obomi bakhe.
- chonga axoxe ngeempawu ezingundoqo ezifana nemeko, ukushukunyiswa komzimba sisithethi, umxholo, ulwimi olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile nokhetho lwamagama:
  - kuxoxa ngempembelelo yazo kumphulaphuli nokuba kungani kunjalo ngo;
  - kuxoxa ngendlela ezingathi ezi mpawu zibaguqule ngayo abaphulaphuli neenjongo;
  - kuxoxa ngendawo ezithi ezi mpawu zisibeke kuyo isithethi nomphulaphuli (umz: xa sithetha ngegunya, ubungangalala, isimo ngokubhekisele wisimilo, njl.njl.);
  - kuchonga axoxe ngeendlela iintetho okanye iingcinga ezisetyenziswa ngayo negalelo lazo kubamameli (umz: Lizibonakalisa njani igorha? Likwenza uzive njani wena? Ingaba bakhona abantu abanje?).
- enza amagqabantshintshi ngempembelelo yesandi nokubonwayo, okufana nesingqisho, ukuphinda-phinda, imfano-zandi, isifanadumo, ukuthelekisa).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo soku-1 (Sisaqhubeka)

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelele noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela ulwazi kwiintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa, zifana neengxelo zemozulu, udliwano-ndlebe, njl.njl. Ukhumbula iingcinga ezingundoqo okanye iinkcukacha ezithile, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- landela imiyalelo nezalathiso.
- mamela ngoononophelo kwincoko nakwingxoxo, ebonakalisa imbeko novakalelo kwizimvo zabanye, ezamkela izimvo abazivezayo.
- xoxa ngokuxabiseka eluntwini, ngokulungileyo winkcubeko, kwisimo nokucingela kwizicatshulwa zomlomo (umz: Ingaba iintsapho zinomama, utata nabantwana zonke? Zikhona ezinye iintlobo zeentsapho?).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela kwiintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa zolwazi (Izalathiso, imiyalelo, iintetho, imiboniso yentetho kanomathotholo, imiboniso bhanya-bhanya ebonisa izinto njengoko zinjalo) aqaphele iingcamango okanye iinkcukacha ezithile aze asebenzise ulwazi ngokufanelekileyo.

- mamela ngononophelo ecingela ezinye izimvo aze aphendule ngovakalelo kwiingcamango neengcebiso.

- xoxa ngokuxabisekileyo eluntwini, ngokulungileyo kwinkcubeko, kwisimo nokucingela kwizicatshulwa zomlomo, enze amagqabantshintshi koko kuqukiweyo nokungaqukwanga. (umz: Ingaba ukulunga kwebali kuyinyaniso kuzo zonke iimeko? Ziziphi iimeko ezingaqulathwanga kweli bali?)

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela kulwazi, kwizicatshulwa zomlomo ezahlukeneyo (iingxoxo-mpikiswano, iinkcazelo, iingxelo, imiboniso bhanya-bhanya ebonisa izinto njengoko zinjalo aze aqwalasele iinkcukacha ezithile.

- mamela ngononophelo nangovakalelo, avume imbono ephikisana neyakhe aze aphendule ngokufanelekileyo kulo meko.

- xoxa ngentlalo, okulungileyo nangokuxabiseka eluntwini, kwizicatshulwa ezahlukeneyo, aze enze amagqabantshintshi ngendlela eziveliswa ngayo kwisicatshulwa. (umz: Ingaba kukho intetho okanye ingcinga esoloko isetyenziswa njalo?)

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa amava, iingcamango nolwazi kwiimeko ezahlukeneyo kulungiselelwa abaphulaphuli neenjongo ezahlukeneyo ngoku -
  - sebenzisa ulwimi ngokukhululekileyo kunxibelelwano nabanye kwincoko yemihla ngemihla;
  - sebenzisa ulwimi ukuthelekelela nokuzivakalisa (umz: imhobe, impendulo emculweni);
  - abelana ngengcamango nokunikezela ngezimvo kwizihloko eziqhelekileyo, ezibhekisele kumava abo;
  - khumbula nokuchaza uthotho lokwenzekayo nezigigaba ezidlulileyo;
  - nika izalathiso okanye imiyalelo;
  - buza nokuphendula nokunika iimpendulo;
  - xoxa athelekise iingcamango nembono yakhe neyabanye.

- sebenzisa ubuchule bokusebenzisana nobungcali bokusebenza kumaqela ngoku -
  - nikana amathuba ;
  - namathela kwintloko;
  - buza imibuzo esemxholweni;
  - gcina ingxoxo;
  - phendula iingcinga zabanye ngovelwano nangembeko;
  - nika ingxelo elungelelanisiweyo neyakhayo;
  - sebenzisa imvakalozwi nembonakalo yobuso ngendlela efanelekileyo;
  - bonakalisa imbeko kwabanye emaqeleni.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa amava, iingcamango nolwazi kwiimeko ezahlukeneyo nezicel'umngeni kulungiselelwa abaphulaphuli neenjongo ezahlukeneyo ngoku:
  - sebenzisa ulwimi ngokunzulu kunxibelelwano nabanye (umz: ukuncoma iinzame zomnye, ukungavumelani nomnye);
  - sebenzisa ulwimi kuyilo nakukuzivakalisa okuthelekelelayo (umz: ukuchaza indlela oziva ngayo nokucingayo, ukwenza umdlalo);
  - abelana ngeengcamango nokunikezela ngezimvo kwizihloko ezingaqhelekanga kakhu-lu, ezibhekisele kumava abo;
  - chaza iziganeko ezidlulileyo, anikezele ngempendulo, anike nezalathiso ezicacileyo ngendlela eqondakalayo;
  - buza imibuzo ecingisisiweyo, nengenazimpendulo zilindelekileyo, aphendule ngengqiqo;
  - vakalisa nokuxhasa izimvo ngezizathu.

- sebenzisa ubuchule bokusebenzisana ukuze akwazi ukunxibelelana kakuhle kumaqela ngoku -
  - nikana amathuba, anamathela kwintloko, abuze imibuzo esemxholweni, agcine ingxoxo, aze aphendula iingcinga zabanye ngovelwano nembeko;
  - nika ingxelo elungelelanisiweyo neyakhayo
  - sebenzisa imvakalozwi nembonakalo yobuso ngendlela efanelekileyo;
  - bonakalisa uvakalelo kumalungelo nezimvo zabanye kwimisebenzi yamaqela.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa amava, iingcamango ezineengcamango ezinokuntsokotha nolwazi kwiimeko ezithe chatha ukucel'umngeni, kulungiselelwa abaphulaphuli neenjongo ezahlukeneyo ngoku:
  - sebenzisa ulwimi ukunxibelelana nabanye olubonakalisa izimvo ezithe chatha ngobunzulu nokuvakalisa (thetha ngezimvo);
  - sebenzisa ulwimi ukuyila nakukuzivakalisa okuthelekelelayo (umz: imihobe, ukunika impendula emculweni);
  - abelana ngengcamango nokunikezela ngezimvo kwizihloko ezicel'umngeni ngendlela ezinobuchule bokuqiqisa, bokunamathela nobe-sakhiwo (umz: ukunika iingxelo, iingxoxompikiswano);
  - buza imibuzo aze anike iimpendulo zemibuzo ecel'umngeni;
  - andisa iingxoxo neengongoma ezinobunyaniso nezinengqiqo ukuxhasa izimvo.

- sebenzisa ubuchule bokusebenzisana kumaqela ngoku -
  - landela amasiko nezithethe kwintsebenziswano namaqela;
  - nika ingxelo elungelelanisiweyo neyakhayo;
  - bonakalisa uvakalelo kumahluko kwinkcubeko nakwintlalo (umz: ukungqina nokubandakanya iyantlukwano kulwimi, imizekelo);
  - ebenzisa ulwimi lobuchule bokuphathisana kwimeko yengxabano enokwenzeka.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2 (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngoku-fanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi lomzimba olufanelekileyo nobuchule bokwazisa ngoku -
  - enza unxibelelwano ngamehlo acuthe ukungqunga;
  - sebenzisa izijekulo nembonakalo yobuso efaneleki-leyo;
  - thetha ngelizwi elivakalayo, anqumame ngoku-fanelekileyo, aze athethe emana ukuphumla ngengqiqo.

- sebenzisa amagama nesakhiwo esifanelekileyo kwiinjongo nabaphulaphuli abahlukeneyo ngoku -
  - sebenzisa ulwimi olukumgangatho ofanelekileyo nolusetyenziswa ngabantu bendawo ethile kwiimeko ezahlukeneyo (ithoni, ukhetho lwamagama nesimbo, intetho yomzimba);
  - sebenzisa ulwimi xa echaza indlela yokunika imbeko (izingxengxezo, izicelo, imibulelo, inxaso);
  - nika amagama azame ukuphepha ukusebenzisa ulwi-mi olungenavakalelo nolucalu-calulo.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi lomzimba olufanelekileyo nobuchule bokwazisa ngoku -
  - tshintsha unxibelelwano ngamehlo, ukuquka phantse bonke abaphulaphuli;
  - sebenzisa imvakalo-zwi nembonakalo yobuso efanelekileyo;
  - lungisa isantya nelizwi ukubonakalisa ugxininiso;
  - nqumama kwiindawo ezifanelekileyo, aze alungise isantya ngokweemfuno zabaphulaphuli.

- sebenzisa amagama nesakhiwo esifanelekileyo kwi-injongo nabaphulaphuli abahlukeneyo ngoku -
  - sebenzisa ulwimi olufanelekileyo nolusetyenziswa ngabantu bendawo ethile kwiimeko ezingaqhelekanga;
  - sebenzisa izakhiwo zegrama namaqhalo afanelekileyo kwinjongo;
  - sebenzisa ulwimi ngenyameko ukucacisa izimvo ezintsonkothileyo kodwa eziqhelekileyo, ezifana nomsindo, ukungabi namonde, uvelwano, ukuncoma;
  - chonga, acele umngeni ekusetyenzisweni kolwimi ngokucalu-calulayo.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa iindlela ezifanelekileyo nobuchule bokwazisa nolwimi lomzimba ngoku -
  - ngabafulatheli abaphulaphuli;
  - shintsha-tshintsha ilizwi, ithoni nesantya, ukugxininisa nokufumana isiphumo;
  - bonakalisa ubuchule neenzame zokuphucula ubuthathaka ababuchongileyo.

- sebenzisa amagama nesakhiwo esifanelekileyo kwiinjongo nabaphulaphuli abahlukeneyo ngoku -
  - sebenzisa ulwimi olufanelekileyo nolungaqhelekanga, olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile neemeko ezithe chatha ecel'umngeni aze abonakalise ingqiqo yabaphulaphuli abahlukileyo;
  - sebenzisa ubuchule kwiinjongo azahlukileyo, ezifana nokucenga, ukuphikisana, ukuphembelela nokuchonga;
  - kucebisa ezinye iindlela eziphikisana nokusetyenziswa kolwimi olucalu-calulayo.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda izicatshulwa eziyinyani nezingeyonyani zaseMzantsi Afrika nezamazwe aphesheya ngeenjongo ezahlukeneyo (umz: imihobe, amabali, iintsomi, iincwadana, izazisi, iincwadi zesikhokelo, njl.njl.) ngoku -
  - zifundela aze asebenzise ubuchule obufanelekileyo bokufunda nobovavanyo lokuqonda ngeenjongo ezahlukileyo;
  - funda ngokukhawuleza ufundela iingcinga jikelele
  - krwaqula ukufumana ingcinga ethile;
  - phanda iphepha lesiqulatho, izihloko, isalathiso ukufumana inkcazelo jikelele;
  - enza ingqikelelo aze asebenzise imikhondo ukumisa intsingiselo, nokwenza intelekelelo;
  - funda ngokuvakalayo nangokucacileyo nangokubonisayo.

- veza imibono nokwenza amagqabantshintshi ngezicatshulwa zokubonwayo nezezixhobo zosasazo ngeenjongo ezahlukileyo (umz: imifanekiso, iikhathuni, nalapho zifumaneka khona, iikhompyutha neCD Rom, njl.njl.) ngoku -
  - tolika umyalezo; odluliswayo;

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda izicatshulwa ezininzi eziyinyani nezingeyonyani zaseMzantsi Afrika nezamazwe aphesheya ngeenjongo ezahlukeneyo (umz: imihobe, izigxeko-ncomo zeencwadi, iincwadi zamabali amafutshane, iincwadi ezithunyelelwa amalungu athile, iincwadi ezizizazisi, njl.njl.) ngoku -
  - zifundela aze akhethe ubuchule obufanelekileyo bokufunda nobovavanyo lokuqonda ngenjongo ezahlukeneyo;
  - funda ngokukhawuleza  ukufumana ingcinga jikelele;
  - krwaqula ukufumana iinkcukacha ezithile;
  - phanda iphepha lesiqulatho, izihloko, isalathiso ukufumana inkcazo jikelele;
  - sebenzisa ulwazi lwangaphambili okanye imikhondo kwizicatshulwa ukubonakalisa intsingiselo nokwenza uthelekelelo;
  - qikelela ngesiqulatho nesiphelo;
  - enza iimephu zamabali okanye aqwalasele iingongoma ezingundoqo ukulandela umkhondo wovavanyo lwengqiqo.

- funda ngokuvakalayo nangokucacileyo, ulungisa isantya ngokwenjongo nababaphulaphuli.

- veza imibono nokwenza amagqabantshintshi ngezicatshulwa zokubonwayo nezezixhobo zosasazo ngeenjongo ezahlukileyo (umz: izazisi, imiboniso-bhanya-bhanya, imidlalo yeTV, apho zifumaneka khona, iikhompyutha neCD njl.njl) ngoku -
  - xoxa ngomyalezo odluliswayo;

## IBanga lesi-6

### IImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda aze aphendule ngokunzulu izicatshulwa ezininzi eziyinyani nezingeyonyani zaseMzantsi Afrika nezamazwe aphesheya ngeenjongo ezahlukeneyo (umz: amaphepha-ndaba, imihobe, iincwadi zamabali, imidlalo emifutshane, iincwadi zesikhokelo) ngoku -
  - funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka, aze alungise ubuchule bokufunda ukuze kulungele injongo nabaphulaphuli.
  - sebenzisa ubuchule obufanelekileyo bokufunda nobovavanyo lokuqonda (ukufunda ngokukhawuleza , ukukrwaqula ukufumana iinkcukacha ezithile, ukuqikelela , imikhondo yengqiqo, intelekelelo, ukongamela uvavanyo lokuqonda, njl.njl.

- veza imibono axoxe ngezicatshulwa ezininzi zokubonwayo  nezezixhobo zosasazo (umz: iifoto, izazisi zeTV, imdlalo imiboniso bhanya-bhanya obonisa izinto njengoku zinjalo, i-intanethi neCD Rom apho zifumanekayo njl.njl. ngoku -
  - tolika aze axoxe ngomyalezo;

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga nokuxoxa ngobuchule bokuzoba, ezifana nombala, ukuyila, ukukhetha umfanekiso, njl.njl. nendlela eziphembelela ngayo umyalezo.

- chaza izimvo zakhe ngesicatshulwa (eziyinyaniso okanye zoncwadi, okubonwayo nezixhobo zosasazo ezininzi) enika izizathu.
- xoxa ngendlela ukhetho lolwimi nemifanekiso oluphembelela ngayo umfundi.

- bonakalisa ingqiqo achonge aze axoxe ngemiba efana neengcamango, abalinganiswa nesakhiwo sebali kwizicatshulwa zeentsomi.
- thelekelela izizathu zokwenziwayo ebalini.

- qonda isigama aze axoxe ngokhetho lwamagama, umfanekiso nesandi kwimihobe, emabalini nezicatshulwa eziphuma kwizixhobo ezininzi zokusasaza (umz: isingqisho, imvano-zandi imfano-zandi, imifanekiso yamagama, ezihlekisayo).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga axoxa ngobuchule bokuzoba, ezifana nombala, ukukhetha umfane, kiso, iintlobo nobungakanani boonobumba, iimpawu, isimo njl.njl.

- cacisa aze ahlalutye impendulo echukumisayo kwisicatshulwa.

- xoxa ngendlela ezahlukeneyo abathi ababhali nabazobi banxulumane ngayo nabafundi, nangendlela abayila ngayo iimbono ezahlukileyo ngehlabathi, esebenzisa ulwimi neempawu ezibonwayo.

- bonakalisa ingqiqo yesicatshulwa esiyintsomi ngoku -
  - xoxa ngengcamango engundoqo, isakhiwo, nabalinganiswa;
  - enza uthelekelelo ngesakhelo nabadlali;
  - xoxa ngomxholo nemiba aze aveze iimbono ngokuzixhasa.

- qonda isigama aze axoxe ngendlela ababhali abalusebenzise ngayo ulwimi ukufumana impumelelo (izifaniso, isingqisho, isifanodumo, njl.njl.)

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga aze axoxe ngobuchule ubufana nombane nezandi, ukukhetha imifanekiso, i-engile yekhamera, ukumila, noyilo, imizobo, njl.njl. nempumelelo yazo kumbukeli.

- cacisa inkcazo nempendulo jikelele yesicatshulwa, aze anike izizathu ezisekelwe kwisicatshulwa okanye kumava akhe.

- xoxa ngeendlela ezahlukeneyo zobuchule obusetyenziswa ngababhali, abayili bemizobo nabafoti, ekwakheni imbono ethile yelizwe, nendawo ethi imbeke kuyo umfundi.

- bonakalisa ingqiqo yesicatshulwa, ukunxulumana kwaso kubomi bakhe, injongo yaso nendlela esisebenza ngayo ngoku -
  - cacisa umxholo, isakhiwo, nesimo saso;
  - xoxa ngembono yombali, ngendlela eyakhiwe ngayo intsingiselo, nendawo esimbeka kuyo umbhali (umz: Ingaba umbhali ubalisa njengombukeli okanye njengothatha inxaxheba? Uziva njani ngabadlali abaphambili? Ingaba unovelwano okanye unamadlala owahlabayo? Umbhali ukwenza uzive njani?

## IBanga lesi-4

### IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

**UKUFUNDA NOKUBUKELA**

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nakana izakhiwo ezahlukileyo, ukusetyenziswa kolwimi, iinjongo nabaphulaphuli bezicatshulwa ezahlukeneyo ngoku -
    - chonga iinjongo ezahlukeneyo zezicatshulwa (umz: iintetho, amabali, imihobe, izazisi);
    - chonga indlela ezakhiwe ngayo izicatshulwa;
    - chonga indlela ulwimi nolusetyenziswa ngabantu bendawo ethile ngokweenjongo nabaphulaphuli;
    - chonga ulwimi olusetyenziswa kwiintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa (umz: intetho ethe ngqo ezintsomini, ukulandelelana kwamagama, isixando sokwenziwa kwiingxelo, njl.njl.).

- chonga aze axoxe ngokuxabiseka kwizicatshulwa ngokubhekisele kwimiba yenkcubeko, intlalo, ubume bemeko yendawo nokuziphatha (umz: okuziphatha ebalini nokuxabiseka kwako kwiimeko ezahlukeneyo, imiba yobulungisa nokulingana ngokunxulumene neemeko ezahlukeneyo nabalinganiswa, njl.njl.)

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nakana izakhiwo ezahlukeneyo, ukusetyenziswa kolwimi nabaphulaphuli bezicatshulwa ezahlukeneyo ngoku -
  - chonga indlela ezicwangciswe ngayo izicatshulwa ezahlukeneyo (umz: iintsomi, iileta, izigxeko-zincomo);
  - chonga iimpawu zeendlela ezahlukeneyo zokubhala, ezifana namabali ngezinto ezimangalisayo ezaphunyezwa kwinzululwazi, amabali ayimfihlakalo);
  - chonga iinjongo ezahlukeneyo zezicatshulwa acalule indlela ulwimi nolo lusetyenziswa ngabantu bendawo ethile, luthi lwahluke ngayo ngokunxulumene nenjongo nabaphulaphuli.

- chonga aze axoxe ngokuxabiseka kobume bemeko yendawo, kwenkcubeko, nokwentlalo kwizicatshulwa ngoku -
  - chonga aze axoxe ngengcamango, nenjongo yayo nempembelelo yayo;
  - nakana axoxe ngeentetho ezisoloko zisetyenziswa njalo, nendlela eziyilwa ngazo;
  - xoxa aze athelekise indlela ababhali abahlukeneyo abayiphatha ngayo imiba yentlalo nenkcubeko kwizihloko ezininzi.

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- nakana aze acacise izakhiwo ezahlukeneyo, ukusetyenziswa kolwimi nabaphulaphuli bezicatshulwa ezahlukeneyo ngoku -
  - chonga aze avavanye uhlobo lwesicatshulwa nokufaneleka kolwimi lwaso nolo lusetyenziswa ngabantu bendawo ethile ngokubhekisele kubaphulaphuli.
  - chonga aze ahlalutye iimpawu ezininzi zeendlela zokubhala okanye iintlobo zezicatshulwa (umz: ulungiselelo noguqu guqulo olusetyenziswayo kwiintlobo ezahlukeneyo zemihobe, ibali ngobomi bomntu, amanqaku ahlukeneyo amaphepha-ndaba, njl.njl.)

- chonga axoxe ngokunzulu ngokuxabiseka kwenkcubeko, nentlalo kwizicatshulwa ngoku -
  - tolika imiyalezo yombhali efihlakele ngabom okanye ngempazamo;
  - chonga iingqikelelo-magama ezahlukeneyo kwizicatshulwa ezinokuntsonkotha okuthe chatha aze anike ezakhe iingqikelelo-magama ezisekelwe kubungqina kwisicatshulwa;
  - xoxa ngokwahlukana kokuxabiseka kwintlalo nakwinkcubeko kwizicatshulwa;
  - calula impembelelo yentetho esoloko isetyenziswa, umtsalane bucala;
  - cacisa umxholo, isakhiwo, nesimo saso;
  - xoxa ngembono yombali, ngendlela eyakhiwe ngayo intsingiselo, nendawo esimbeka kuyo umbhali (umz: Ingaba umbhali ubalisa nje ngombukeli okanye njengothatha inxaxheba? Uziva njani ngabadlali abaphambili? Ingaba unovelwano okanye unamadlala owahlabayo? Umbhali ukwenza uzive njani?

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo soku-3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda aze aphendule ngokufanelekileyo kwizicatshulwa zolwazi ngoku -
  - chonga iingcamango ezingundoqo nezixhasayo;
  - krwaqula iinkcukacha ezithile kwisicatshulwa ezifana nengxelo yemozulu, isicwangciso-xesha, imephu, njl.njl;
  - andela imiyalelo nezalathisi ezibhaliweyo nezifutshane.

- tolika izicatshulwa ezilula ezibonwayo (izintlu, iitshati, iikhathuni, iigrafu, iimaphu) akwazi ukuguqula isicatshulwa ukusuka kwesinye ukuya kwesinye (umz: igrafu yomhlathi ochazayo).

- chonga izicatshulwa eziphathelene neemfuno zakhe zolwazi, ezifana nesichazi-magama, intyilalwazi yabantwana neencwadi ezizizazisi.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda aze aphendule ngokufanelekileyo kwizicatshulwa zolwazi ngoku -
  - chonga iingcamango ezingundoqo nezixhasayo noshwankathelo lolwazi;
  - funda aze alandele imiyalelo entsonkothileyo, nezalathiso, esebenzisa uncedo oluncinane lwabanye.
- tolika aze axoxe ngezicatshulwa ezibonwayo ezinokuntsokotha okuthe chatha (umz: izintlu, iitshati, iikhathuni, iigrafu zemiqolo, iimephu) akwazi ukuguqula isicatshulwa ukusuka kwesinye isimo ukuya kwesinye (umz: izintlu zolwazi oluqokelelweyo lube yigrafu).
- chonga izicatshulwa eziphathelele kokufundwayo ezisemxholweni aze asebenzise ubuchule bokuphanda kwizichazi-magama, izalathisi, iincwadi zesikhokelo ezivela eluntwini okanye kusasazo olusebenzisa umbane (apho lufumanekayo).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- qonda aze asebenzise izicatshulwa zolwazi ngokufanelekileyo ngoku -
  - shwankathela iingcamango ezingundoqo nezixhasayo;
  - chonga aze arekhodishe ulwazi oluphathelele kwisicatshulwa ngokufanelekileyo;
  - landela imiyalelo nezalathiso ezithe chatha ngokuzimeleyo.
- tolika aze acalule ngokuzimeleyo iinkcukacha zezicatshulwa zemizobo (iimephu, iigrafu zemigca, iigrafu zemiqolo neetshati zepayi) aze agqthise ulwazi ukusuka kwesinye isimo ukuya kwesinye.
- chonga icatshulwa eziphathelele kwiimfuno zakhe nezolwazi ezisemxholweni kwimithombo ebanzi nemininzi efana noluntu lwasekhaya neyosasazo olusebenzisa umbane (apho lufumanekayo).

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa kwiinjongo ezahlukeneyo nabaphula-phuli ngoku -
  - bhala imibhalo ephicothayo, edlalwayo nethelekelelayo neenjongo eziyilayo (umz: iileta, imihlathi echazayo njl.njl.);
  - bhala izicatshulwa zolwazi ukuvakalisa iingcinga ngokucacileyo kubaphula-phuli abahlukeneyo, (umz: iingxelo ezimfutshane, imiyalelo, njl.njl.);
  - bhala azobe izicatshulwa ezininzi zosasazo ukulungiselela abaphulaphuli abahlukeneyo (umz: izibhengezo, imicu yamaphepha eekhathuni, iincwadana ezilula);
  - guqula ulwazi ukusuka kolu hlobo ukuya kolunye (umz: izicatshulwa ezibhale ngokwezintlu).

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa kwiinjongo ezahlukeneyo nabaphulaphuli ngoku -
  - bhala imibhalo ephicothayo neyolisayo, nethelekelelayo nokubhalela injongo eyiliweyo,(umz: iidayari, amabali ahlekisayo, amabali, imihobe);
  - bhala izicatshulwa zolwazi ukuvakalisa iingcinga ngokucacileyo nangokulandelelanayo zabaphula-phuli abahlukeneyo, (isaziso,ingxelo);
  - bhala ayile izicatshulwa ezibonwayo ukuvakalisa ulwazi ngokucacileyo nangokusebenzisa isiphiwo sokuyila;
  - guqulela ulwazi kuhlobo oluthile uluse kolunye (umz: ulwazi ulukwizintlu lube ngumhlathi obhaliweyo okanye igrafu).

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa kwiinjongo ezahlukeneyo nabaphulaphuli ngoku -
  - bhala imibhalo ephicothayo neyolisayo, ukuyila engqondweni nokubhalela injongo eyiliweyo,(umz: amaphepha-ndaba, imihobe, iintsomi, incoko yababini, izincoko ezithanda ukuphikisana);
  - bhala izicatshulwa zolwazi ukuvakalisa iingcinga ngokucacileyo nangokulandelelanayo zabaphula-phuli abahlukeneyo, (ingxelo yophando, ileta eya kumaphepha-ndaba, imiyalelo ngobuchule);
  - bhala ayile izicatshulwa ezibonwayo ngokucacileyo nangokuyilayo esebenzisa ulwimi, izandi nemizobo yabaphulaphuli abahlukileyo (umz: iCD namqweqwe angaphandle eencwadi, izaziso zeTV okanye unomathotholo, iincwadi ezibhalelwa amalungu neefoto);
  - bonakalisa ingqiqo yesimbo sokubhala nolwimi olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile (umz:ukususa ulwazi lwebali ulise kwinqaku lephephandaba njl.njl.);
  - bhengeza nokuvavanya umsebenzi obhaliweyo noyiliweyo.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4 (Sisaqhubeka)

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa aze acwangcise iingcinga ngenkqubo yokubhala ngoku -
  - chonga nokuphononongа isihloko aze angqubanise intloko esebenzisa imephu yengqondo, iiflowu tshati nezintlu;
  - cwangcisa iingcinga zibe kwimihlathi esebenzisa izivakalisi ezilula nezixandileyo;
  - hlaziya umsebenzi ngengqiqo yabo yolwimi olufanelekileyo, ngocwangciso nesimbo sokubhala, ingxelo kubalingane no/okanye utitshala;
  - velisa uyilo lokuqala lolwimi olufanelekileyo nothungelwano kwinjongo ethile nakubaphula-phuli;
  - vavanya ushicilelo lokuqala, aze aqwalasele igrama, iziphumlisi nopelo, ukudibanisa nengxelo evela kutitshala nabalingane;
  - velisa inguqulelo yokugqibela ngokwabelana nabaphulaphuli abaphathelelene nayo no/okanye utitshala.

- azisa ngomsebenzi obhalwe kakuhle ngokucacileyo nangohlobo olulungileyo, izinto ezifana nezihloko, ukushiya izithuba phakathi kwemihlathi, izikhewu, njl.njl. ngokufanelekileyo.

- sebenzisa ulwazi lolwimi kwimigangatho eyahlukeneyo:

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa aze acwangcise iingcinga ngenkqubo yokubhala ngoku -
  - phononongа nokuhlalutya isihloko ngokungqubanisa iintloko aze asebenzise imephu yengqondo, iflowu tshati netshati nezintlu;
  - velisa iingcamango ngesihloko ngokukhangela kwimithombo emininzi, ekhetha ulwazi oluphathelene nazo nokucwangcisa iingcamango;
  - velisa uyilo lokuqala enengcinga engundoqo, ephuhliswe kakuhle ngemihlathi eyixhasayo;
  - hlaziya umsebenzi ugqalisela kwisiqulatho, ulwimi olufanelekileyo, ulungiselelo nesimbo sokubhala, asebenzise ingxelo evela kubalingane bakhe naku/notitshala.
  - vavanya enze izilungiso kushicilelo lokugqibela.
  - ngenisa ushicilelo lokugqibela avakalise uvavanyo lwalo msebenzi.

- velisa umsebenzi obhalwe kakuhle ngokucacileyo, eqwalasela ukwazisa (umz: iqweqwe lwencwadi, igama, iintloko, njl.njl. nemizobo ngokulungileyo).

- sebenzisa ulwazi lolwimi kwimigangatho eyahlukeneyo:

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- phuhlisa aze acwangcise iingcinga ngenkqubo yokubhala ngoku -
  - dibanisa iintloko ngesihloko aze avelisa iingcamango ngokukhangela kwimithombo emininzi, ekhetha ulwazi oluphathelene nazo nokucwangcisa iingcamango, esebenzisa ubuchule obufana neemephu zengqondo, iiflowu tshati, iigridi, njl.njl;
  - velisa uyilo lokuqala olunegqiqo yengcinga engundoqo, uluwimi olufanelekileyo nemvumelwano yenjongo nabaphulaphuli abathile;
  - hlaziya umsebenzi ugqalisela ekuphuculeni ulwimi, kucwangcwiso nakwisimbo sokubhala, esebenzisa ingxela evela kubalingane bakhe;
  - velisa imisebenzi eyiliweyo emininzi kangangokufuneka kwayo.
  - nika ingxelo kubalingane bakhe ukungqinelana neenzame zabo ngovelwano;
  - velisa uyilo lokugqibela, oluhlanganisa ingxelo evela kubalingane bakhe;
  - hlaziya aze avavanye ngokunzulu imveliso yoyilo lokugqibela ngokwakhe, naxa ehlangene nabalingane bakhe notitshala.

- azisa ngomsebenzi, eqwalasela umsebenzi obhalwe ngokucacileyo nokongezelelwa konikezelo (umz: iqweqwe lwencwadi, uyilo, imifanekiso okanye imizobo efanelekileyo, njl.njl.).

- sebenzisa ulwazi lolwimi kwimigangatho eyahlukeneyo:

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4 (Sisaqhubeka)

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- *Inqanaba legama ngoku -*
  - khetha asebenzise amagama amaninzi ahlukeneyo avela kulwazi lwakhe lolwimi, imisebenzi, uncwadi, ulwimi lomlomo lwabalingane bakhe nabanye.

- *Inqanaba lesivakalisi ngoku -*
  - andisa izivakalisi ngokusebenzisa izichazi nezihlomelo, amagatya abalulayo namagatya-sihlomelo;
  - tshintsha amaxesha ukusuka kweli ukuya kwelinye ngokufanelekileyo.

- *Inqanaba lomhlathi ngoku -*
  - sebenzisa isihloko nezivakalisi ezixhasayo ukwenza umhlathi;
  - sebenzisa igrama, upelo neziphumlisi ngokufanelekileyo.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- *Inqanaba legama ngoku -*
  - khetha aze afunisele ngamagama amaninzi ahlukeneyo avela kwimithombo eyahlukeneyo.
  - funa uncedo kwizichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama nezivakalisi, ukukhangela amagama.
- *Inqanaba lesivakalisi ngoku -*
  - andisa izivakalisi ngokufakela izichazi, iziphawuli, izibaluli amabinzana ezibizo namagatya;
  - tshintsha amaxesha ukusuka kwelinye ukuya kwelinye ngokungaguqu-guqukiyo;
  - nangokufanelekileyo.
- *Inqanaba lomhlathi ngoku -*
  - bhala isivakalisi sesihloko equka ulwazi oluphathelelene naso ukuvelisa ukunamathelana kwemihlathi;
  - bonakalisa iindlela ezahlukeneyo zokuhlanganisa imihlathi;
  - sebenzisa igrama efanelekileyo nopelo neziphumlisi.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- *Inqanaba legama ngoku -*
  - khetha, asebenzise, aze afunisele ngokubanzi ngamagama amaninzi avela kwezinye iinkalo zezifundo, neendawo ezenza umdla nakumava abo, athi adlulise intsingiselo ngokucacileyo nangokufanelekileyo.
  - pela amagama asetyenziswa njalo kakuhle, aze akhangele upelo lwamagama amatsha.
- *Inqanaba lesivakalisi ngoku -*
  - sebenzisa izivakalisi ezininzi ezimbaxa nezintsonkothileyo;
  - andisa izivakalisi ngokusebenzisa izichazi nezihlomelo, amagatya abalulayo namagatya-sihlomelo;
  - shintsha amaxesha ukusuka kwelinye ukuya kwelinye ngokungaguqu-guqukiyo;
  - nangokufanelekileyo;
  - sebenzisa isixando sokwenziwa ngokufanelekileyo;
  - tshintsha ulandelelwano lwamagama ukugqalisela nokugxininisa.
- *Inqanaba lomhlathi ngoku -*
  - bhala isivakalisi sesihloko equka ulwazi oluphathelelene naso ukuvelisa ukunamathelana kwemihlathi;
  - bonakalisa iindlela ezahlukeneyo zokuhlanganisa imihlathi aze aquke nemizobo efanelekileyo ukwakha sonke isicatshulwa.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngoku -
  - xoxa ngonobangela nesiphumo kwizicatshulwa ezibhaliweyo nolwimi olusetyenzisiweyo ukulicacisa (umz: Nini_., kwaza…_ ukuba…_ kwaza…_;
  - honga iindlela ezichaseneyo nezikhethiweyo, aze axele izizathu neendlela ezahluke ngayo;
  - thelekelela iintsingiselo ezingachazwanga ngokuqhelekileyo, akwazi ukuchaza indlela intsingiselo ephuhliswe ngayo.

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngoku
  - akha imibuzo ukuncedisa ukufumana ulwazi olufunekayo;
  - chonga imithombo yolwazi esemxholweni;
  - fumana indawo enolwazi esebenzisa amagama angundoqo nesigama;
  - khetha nokuphanda imithombo eyahlukeneyo ukufumana ingqiqo eyahlukileyo ngesihloko.

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngoku -
  - chonga unobangela nesiphumo kwizicatshulwa zomlomo nezibhaliweyo, aze acacise ulwalamano;
  - enza uqikelelo olusekelwe kulwazi olwaziwayo;
  - bona umahluko phakathi koncedo nezithintelo kwizinto, achaze nezizathu zoko;
  - buza avelise iingqiqo ezahlukeneyo kwizihloko eziqhelekileyo;
  - xoxa ngempembelelo yemeko kulwazi.

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngoku -
  - akha imibuzo efanelekileyo ekhokelela ekufumaneni ulwazi;
  - sebenzisa udliwano-ndlebe ukuqokelela ulwazi;
  - banakho ukuguqu-guqula indlela yokubuza imibuzo ukufumana ulwazi olusemxholweni;
  - xoxa ngendlela olusebenza ngayo udliwano-ndlebe, njengesixhobo sokufumana ulwazi;
  - khangela ulwazi oluvela kweminye imithombo esemxholweni.

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngoku -
  - ahlula phakathi kukanobangela nesiphumo kwiimeko ezininzi ngokudibene ngokwekharityhulamu.
  - cacisa imbono aze ayomeleleyo.
  - velisa ingxoxo elungelelanisiweyo kwimiba esemxholweni necel’umngeni;
  - xoxa ngonobangela nesiphumo kwizicatshulwa ezibhaliweyo nolwimi olusetyenzisiweyo ukulicacisa (umz: Nini….., kwaza……, ukuba……, kwaza……)
  - chonga iindlela ezichaseneyo nezikhethiweyo, aze axele izizathu neendlela ezahluke ngayo.
  - thelekelela iintsingiselo ezingachazwanga ngokuqhelekileyo, akwazi ukuchaza indlela intsingiselo ephuhliswe ngayo.

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphonononGeni ngoku -
  - akha imibuzo ukuncedisa ukufumana ulwazi olufunekayo;
  - chonga imithombo yolwazi esemxholweni.
  - fumana indawo enolwazi esebenzisa amagama angundoqo nesigama;
  - khetha nokuphanda imithombo eyahlukeneyo ukufumana ingqiqo eyahlukileyo ngesihloko.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwasebenzisa ulwazi ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngoku -
  - xoxa nokuthelekisa ulwazi olufunyenwe kwimithombo emininzi;
  - khetha iingcamango ezisemxholweni;
  - chonga imzekelo kwiinkcazelo;
  - landelelanisa ulwazi ngokufanelekileyo;
  - shwankathela ulwazi ngeendlela ezininzi (umz: umzobo, imihlathi, iimephu zengqondo, izintlu);
  - enze izigwebo ezisekelwe kulwazi enze nezigqibo.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngokunzulu ngoku -
  - qikelela ukuba kuza kulandela ntoni, saye siza kuba yintoni isiphelo, ngokusekelwe kubungqina obufumanekileyo;
  - velisa izinto ezingenzeka okanye uyilo olubhaliweyo womdlalo;
  - fumana iindlela ezahlukeneyo ukuchaza iingcamango usebenzisa incwadi eyingqokelela yamagama okanye izivakalisi aze axoxe ngomahluko omncinane kwintsingiselo.

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngoku -
  - qokelela nokwahlula iingcinga ezisemxholweni ngokweendidi , aze acacise unobangela wokuzahlula;
  - ahlula phakathi kolwazi jikelele noluthile;
  - cwangcisa ulwazi phantsi kwezihloko ezahlukeneyo;
  - landelelanisa uthotho lwamanyathelo okanye izigigaba ezidlulileyo ngokufanelekileyo, aze awacacise;
  - cwangcisa ulwazi ngokwemihlathi, izintlu, ulandelelwano lwexesha, itshati nezinye indlela ezifanelekileyo zokubhaliweyo okanye okuzotyiweyo okubonakalayo;
  - vavanya aze afikelele kwizigqibo aze abe nokucacisa isiseko.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngokunzulu ngoku -
  - cinga ngeziphumo okanye iziphelo ezithathwa njengenyaniso kulandelelwano lwamanqanaba nezigigaba ezidlulileyo;
  - qikelela ngokusengqondweni ukuba kuza kulandela ntoni;
  - hlaziya iinkqubo okanye imisebenzi edlulileyo nezifundo eziza kusetyenziswa kwixesha elizayo;
  - enza umfuniselo/ilinge ngentsingiselo yokubonwayo neyezandi zolwimi;
  - vavanya ulwalamano lwesigama ukufumana izimvo ezintsha ngezihloko.

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngoku -
  - xoxa nokuthelekisa ulwazi olufunyenwe kwimithombo emininzi;
  - khetha iingcamango ezisemxholweni;
  - chonga imzekelo kwiinkcazelo;
  - landelelanisa ulwazi ngokufanelekileyo;
  - shwankathela ulwazi ngeendlela ezininzi (umz: umzobo, imihlathi, iimephu zengqondo, izintlu);
  - enze izigwebo ezisekelwe kulwazi enze nezigqibo.

- sebenzisa ulwimi ekucingeni ngokunzulu ngoku -
  - qikelela ukuba kuza kulandela ntoni, saye siza kuba yintoni isiphelo, ngokusekelwe kubungqina obufumanekileyo;
  - velisa izinto ezingenzeka okanye uyilo olubhaliweyo womdlalo;
  - fumana iindlela ezahlukeneyo ukuchaza iingcamango usebenzisa incwadi eyingqokelela yamagama okanye izivakalisi aze axoxe ngomahluko omncinane kwintsingiselo.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwasi ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngoku -
  - sebenzisa izimaphambili, iziqu nezimamva/izihlomelo ukwakha amagama;
  - phononongа imvelaphi yamagama (umz: amagama abolekwe esiBhulwini nasesiNgesini kwiilwimi zamaAfrika);
  - bhala phantsi amagama kwisichazi-magama sakhe;
  - sebenzisa imithetho yezandi nezopelo ukupela amagama kakuhle;
  - khangela upelo kwisichazi-magama.

- sebenza ngezivakalisi ngoku -
  - nakana intloko nesivisa sesivakalisi;
  - sebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezimbaxa (umz: Usebenze nzima kungoko eluphumelele uviwo);
  - sebenzisa izivumelanisi zentloko nezenjongosenzi;
  - sebenzisa intlobo ezininzi zezivakalisi kakuhle nangokufanelekileyo (intetho, imibuzo, imiyalelo, izikhuzo);
  - nakana asebenzise izibizo, izimelabizo, izenzi, izibaluli, iziphawuli);
  - sebenzisa amaxesha axandileyo (umz: ixesha elidlulileyo- Wayebukele iTV xa……);
  - sebenzisa intetho nengxelo;
  - sebenzisa iziphumlisi kakuhle (iimpawu zocaphulo kwintetho-ngqo).

## IBanga lesi-5

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngoku -
  - sebenzisa izimaphambili, iziqu nezimamva/izihlomelo ukwakha amagama;
  - phononongа imvelaphi yamagama (umz: amagama abolekwe esiBhulwini nasesiNgesini);
  - bhala phantsi amagama kwisichazi-magama sakhe;
  - sebenzisa imithetho yezandi nezopelo ukupela amagama kakuhle.

- sebenza ngezivakalisi ngoku -
  - nakana intloko nesivisa sesivakalisi;
  - sebenzisa izivumelenisi zentloko nenjongosenzi apho iintloko neenjongosenzi zingekhoyo (kodwa ziqondwa ngesimo sesicatshulwa);
  - nakana asebenzise izibizo, izimelabizo, ubalo, izihlanganisi;
  - sebenzisa intetho nengxelo;
  - sebenzisa amaxesha axandileyo kakuhle umz: ixesha elidlulileyo – 'Ebesebenza……';
  - sebenzisa iziphumlisi kakuhle (ukuqinisa ukuse-tyenziswa kwezipumlisi ese zifundiwe).

## IBanga lesi-6

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngoku -
  - sebenzisa izimaphambili, iziqu nezimamva/izihlomelo ukwakha amagama;
  - phononongа imvelaphi yamagama (umz: amagama abolekwe kwezinye iilwimi);
  - bhala phantsi amagama kwisichazi-magama sakhe;
  - sebenzisa imithetho yezandi nezopelo ukupela amagama kakuhle.

- sebenza ngezivakalisi ngoku -
  - sebenzisa izivumelenisi zentloko nenjongosenzi apho iintloko neenjongosenzi zingekhoyo (kodwa ziqondwa ngesimo sesicatshulwa);
  - nakana asebenzise izibizo, izimelabizo, ubalo, izihlanganisi;
  - sebenzisa intetho nengxelo;
  - sebenzisa amaxesha axandileyo kakuhle umz: ixesha elidlulileyo ;
  - sebenzisa izimaphambili, iziqu nezimamva/izihlomelo ukwakha amagama;
  - phononongа imvelaphi yamagama (umz: amagama abolekwe kwezinye iilwimi);

- bhala phantsi amagama kwisichazi-magama sakhe ngoku –
  - sebenzisa imithetho yezandi nezopelo ukupela amagama kakuhle.

# IBanga lesi-4

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama kulwimi ukuyila nokuto-lika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngoku -
    - sebenzisa izihloko nezivakalisi ezinika inkxaso eku-veliseni umhlathi onamatheleneyo;
    - hlanganisa izivakalisi ekusebenziseni umhlathi ona-matheleneyo (umz: izihlanganisi ezifana no: 'nango-na',).

- phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngoku -
    - sebenzisa izaci namaqhalo kakuhle.
    - sebenzisa inqanam elifanelekileyo lokusesikweni/ olungekho sikweni (ulwimi olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile)
    - qonda asebenzise izafobe ezifana nezifaniso (umz: Ufana nengonyama).

- phuhlisa ingqiqo enzulu ngolwimi: umz: Ukuphonononga iindlela ezahlukeneyo zokucela umntu akwenzele into (usebenzisa: kufuneka u…., unga….., ubunoku...), indlela olubonakalisa ngayo ubudlelwane phakathi kwesithethi nomphulaphuli, impumelelo yalo, nokuba umelwe ukuba acel'umngeni na kulo.

# IBanga lesi-5

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngoku -
  - sebenzisa izihloko nezivakalisi ezinika inkxaso ekuveliseni umhlathi onamatheleneyo;
  - hlanganisa izivakalisi ekusebenziseni umhlathi onamatheleneyo (umz: izihlanganisi ezifana no: 'ngoko';
  - tshintsha kwelinye ixesha ukuya kwelinye ngokungaguqu-guqukiyo nangokufanelekileyo.

- phulisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngoku -
  - sebenzisa izaci namaqhalo kakuhle;
  - sebenzisa ulwimi labaphulaphuli, injongo nemeko ngokufanelekileyo (umz: ulwimi olusesikweni/olungekho sikweni olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile);
  - qonda asebenzise izafobe ezifana nokuntwisa (umz: Intaka itsho ngomculo omnandi).

- phuhlisa ingqiqo enzulu ngolwimi: umz: Ukuphononongа ulwimi nemifanekiso use-tyenziswa ukuyila ubuhlanga, intetho okanye ingcinga esetyenziswa njalo, isini, nezinye.

# IBanga lesi-6

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngezicatshulwa ngoku -
  - sebenzisa izihloko nezivakalisi ezinika inkxaso ekuveliseni umhlathi onamatheleneyo.
  - hlanganisa izivakalisi ekusebenziseni ngemihlathi enamatheleneyo umz: izihlanganisi ezifana no 'nangona',
  - tshintsha kwelinye ixesha ukuya kwelinye ngokungaguqu-guqukiyo nangokufanelekileyo.

- phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngoku -
  - sebenzisa izaci namaqhalo;
  - cacisa indlela ulwimi olutshintsha-tshintsha ngayo ngokuphathelene nabaphulaphuli, injongo nemeko (ulwimi olusetyenziswa ngabantu bendawo ethile);
  - qonda asebenzise izafobe ezifana nezikweko (umz: Yingilosi).

- phuhlisa ingqiqo enzulu ngolwimi: umz: Ukuphononongа indlela ulwimi nemifanekiso esetyenziswa ngayo ukwenza izaziso, ukusikhuthaza ukuba sithenge izinto esingazidingiyo, nezithi zibeke isimo sendawo engozini.

# ISAHLUKO SESI- 4
# ISIGABA ESIPHAKAMILEYO
# (AmaBanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9)

## INTSHAYELELO

Kwesi sigaba, abafundi bahlanganisa oko bakufunde kumabanga adlulileyo, kwaye bexhobisela imfundo ephakamileyo kwanelizwe lokuxelenga. Balungiselela ukuba ngabathathi- nxaxheba abakhutheleyo kuluntu lwedemokrasi, bezibandakanya ngokunzulu kwimibandela yentlalo nommandla efana neHIV/AIDS, kwaye basebenze ngeendlela ezakhayo. Kufuneka besebenzise ulwimi esidlangalaleni, nakwiinjongo ezisesikweni nakwezemfundo.

Ngolwimi, abafundi kufuneka bachazelwe:
- ngamathuba omsebenzi nawokuqhubela phambili imfundo
- ngamalungelo neemfanelo zabo njengabemi kwisizwe seenkcubeko ezininzi esilawulwa yintando yesininzi.

### UkuGqalisela

Ugqaliselo kwesi sigaba lusekuhlanganiseni nasekwandiseni ulwazi lolwimi nolwazi lokufunda nokubhala. Ekupheleni kweBanga le-9, abafundi kufuneka:
- bafunde kwaye babhalele iinjongo ezininzi ezahlukeneyo - ezisesikweni nezingekho sesikweni, ezasesidlangalaleni nezabo buqu;
- babe ngabafundi ababukhali, abanobumvoco, abanokuzifunela kwaye bazivavanyele ulwazi;
- babe ngabaphula-phuli abanonophelo, nabacingisisayo. Kwaye babe zizithethi ezizithembileyo, ezikwanemvakalelo kubaphula-phuli babo;
- bakwazi ukuhlalutya ulwimi, balwazi ukuba lusebenza njani, baze balusebenzise kwiinjongo zabo.

## IZIPHUMO ZESIFUNDO

### IsiPhumo sesiFundo soku- 1: UkuMamela

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela nokuzonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

Umfundi uya kumamela ngononophelo, nangovelwano, nangokunzulu kwizicatshulwa zomlomo ezininzi ezahlukeneyo, aze ashwankathele, arekhodishe kwaye aphendule kuzo.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-2: UkuThetha

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

Umfundi uya kuthetha ngokuzithembileyo, nokunxibelelana nabanye ngokufanelekileyo. Kuyimfuneko kumsebenzi nakwimfundo eqhubekayo.

### IsiPhumo sesiFundo sesi- 3: UkuFunda nokuBukela

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye efundela nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

Ukufunda kusisiseko sokubhala nendlela yokufunda ubomi bonke. Umfundi kufuneka afunde iincwadi ezibuntsomirha nezibalisa ngezinto eziyinyaniso zoMzantsi Afrika nezamazwe ngamazwe ukuphuhliso ulwimi nolwazi ngokubanzi, kwanokuzonwabisa nokuziphuhlisa.

### IsiPhumo sesiFundo sesi- 4: UkuBhala

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

Ukubhala kuyindlela yokuzivakalisa nokufunda, kukwalijelo lonxibelelwano. Kuyindlela eqhelekileyo yokuhlola abafundi, kungoko kubaluleke kakhulu kwimfundo eqhubekayo nakwilizwe lokusebenza.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-5: UkuCinga nokuQiqa

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi, esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

Ubuchule bokucinga obukhulayo nolwazi lokufunda nokubhala bulisango kwimfundo yobomi nasekuphumezeni iziphumo ezingundoqo neziphuhlisayo.

### IsiPhumo sesiFundo sesi-6: UkwAkhiwa nokuSetyenziswa koLwimi

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama yolwimi ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

Umfundi uya kuphononongа indlela ulwimi olusetyenziswa ngalo, kwaye avelise ulwabelwano lolwimi ekuthetheni ngalo ukuze abe nokuvavanya izicatshulwa zabo nezinye ngokwentsingiselo, ngokufanelekileyo nangocoselelo. Baya kukwazi kwakho ukusebenzisa olu lwazi ekufuniseleni ngolwimi ukwakha intsingiselo (ukusebenzisa igama nesivakalisi ukwakha izicatshulwa ezipheleleyo) kwaye abone indlela isicatshulwa nemeko yaso ezinxulumene ngayo. Baya kuqaphela indlela ulwimi oluguquka ngayo ngokuhamba kwexesha naphakathi kweenkcubeko, nendlela oluguquka ngayo kwiimeko ezahlukeneyo.

## IMIGANGATHO YOKUHLOLA NEZICATSHULWA
## (zamaBanga ukusuka kwelesi-7 ukuya kwele-9

Kumacandelo alandelayo kunikwe imiGangatho yokuHlola yesiPhumo sesiFundo ngasinye yeBanga ngalinye inikiwe. Imizekelo yezicatshulwa enokuhlanganiswa ekufundeni kolwimi inikiwe. Le ayiyomizekelo epheleleyo, utitshala angongeza kuzo naziphi izicatshulwa ezifanelekileyo.

Abafundi abakumabanga esi-7, elesi-8, nele-9 kufuneka bafunde baphononongе izicatshulwa ezininzi zaseMzantsi Afrika nezamazwe ngamazwe kubandakanywa neencwadi abazalathelweyo.

## IBanga lesi-7

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

- Amabali amafutshane
- Amabali angobomi bomntu nalawo angobomi bakhe (iibhayografi)
- Iinoveli ezimfutshane
- Isihobe
- Umdlalo ongunondima-nye okanye ongunondima-mbini
- Uncwadi lwemveli neendidi zeentsomi
- Izicatshulwa ezifutshane ezichongiweyo ezifana neemagazini, amaphepha-ndaba izibhengezo, izazisi, iintetho-mboniso kunomathotholo.

## IBanga lesi-8

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

- Amabali amafutshane
- Iinoveli
- Isihobe
- Imidlalo
- Uncwadi lwemveli
- Izicatshulwa ezifutshane ezichongiweyo ezifana nezeemagazini, amaphepha-ndaba, izibhengezo, izazisi, iincwadana, iintetho zeradiyo, imiboniso eyinyaniso yeTV, umculo wevidiyo.

## IBanga le-9

### IziCatshulwa eziCetyiswayo

- Iinoveli
- Isihobe
- Umdlalo oneendima ezintathu/ ezintlanu
- Uncwadi lwemveli
- Izicatshulwa ezifutshane ezichongiweyo ezifana nezeemagazini, amaphepha-ndaba,izibhengezo, izazisi, iincwadana, iidrama zeradiyo, iidrama zeTV, umculo, iividiyo zomculo.

## Umxholo wezicatshulwa

Kuluhlu olupheleleyo lwezicatshulwa ezifundiweyo, umfundi kufuneka aboniswe:

- iindawo zentlalo nembali ezifanelekileyo nezityebileyo ukukhulisa ingqiqo yelifa lolwimi;
- izakhiwo zebali ezintsonkothileyo nezakhiwana ezifakelweyo ezityebileyo kwisigqebelo;
- imixholo ecela umngeni nekhuthazayo ekwandiseni ingqiqo yokuxabisa izicatshulwa;
- abalinganiswa abanamandla kulwalamano olupheleleyo uhlalutyo lweentetho okanye iingcinga ezisoloko zithethwa, nomtsalane bucala ukwandisa ukucinga okunzulu;
- iimo ezifanelekileyo, ithoni nolwimi olusetyenziswa ngabantu abathile;
- izimbo zokubhala ezahlukeneyo ezinezakhiwo zezivakalisi ezahlukeneyo;
- isigama esicela umngeni nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwamaqhalo olwimi;
- uluhlu lolwimi oluntsonkothileyo nolunezangotshe zokuthetha iindlela ezahlukeneyo zezangotshe zolwimi lweembongi kwimihobe echongiweyo;
- kombala, ubumhlophe nobumnyama, ukubaluleka kuyilo, ukukhanya, umbala wefoto, ukwandisa nokunciphisa umfanekiso, iifoto ezithathwe kufuphi;
- izicatshulwa ezisebenzisa imifanekiso nobhalo ( nezinye iindlela zonxibelelwano) ekwakhiweni kwazo (izicatshulwa ezenziwe ngeendlela ezininzi);
- izicatshulwa ezivumela abafundi ukuba baphononge inkcubeko ethandwayo nezixhobo zokusasaza;
- ukusetyenziswa kolwimi ngeendlela ezahlukeneyo nemibandela:
  - indlela ulwimi olwakha ngayo intsingiselo – umbhali wamkela ingcinga nendlela enza abafundi banike intsingiselo ngeendlela ezithile;
  - indlela abafundi abaqonda ngayo intsingiselo kwizicatshulwa, nokuba beza njani namava nokuxabiseka kwabo kwizicatshulwa;
  - iindlela zokuphendula kwisicatshulwa ezenza ingqiqo enzulu yokwakhiwa nokutolikwa kwezicatshulwa ( ukuxhathisa kwimiyalezo yobuhlanga okanye yesini);
  - iintlobo-ntlobo zolwimi: iintlobo-ntlobo zinxulumana nengingqi (ulwimi lwesizwana) ulwimi lwamaqela akubudala obuthile njl.njl. iimpembelelo zolwimi kolunye.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo soku-1

### UKUMAMELA

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela nokuhlalutya izicatshulwa ezichazayo, ezentelekelelo, nezibalisayo, (umz: iibhaladi, iingoma, amabali amafutshane, iintsomi).

- mamela ngononophelo ulwazi nemiyalezo ephambili aze aphendule ngokufanelekileyo, umz:
  - ukuthatha amanqaku, ukushwankathela; nokugqithisa ulwazi ngokuchanekileyo ukuhlaziya iingcinga;
  - ukubuza imibuzo ecingisisiweyo necela umngeni apho kuyimfuneko.

- nakana indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambili umz: iingxelo zemozulu, ukwalathisa, iziqhulo, iingoma). Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezi-fana nemigca ehlekisayo enentetho enamandla, ukudlala ngamagama, nokuthi nqumama nokuchonga ukusetyenziswa kweempembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo.

- chonga nokutolika ngokufanelekileyo ukusetyenziswa kobuchule bokungabikho kwelizwi (umz: imbonakalo yobuso, izijekulo, uphawu lokubonisa).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo zentelekelelo, nezinika ulwazi ezicela umngeni, (umz: imihobe, izibongo, amabali amabini okanye amathathu anembali yesehlo, imidlalo yeradiyo, intetho ezimfutshane, izazisi zeradiyo, nengxoxo).
- mamela ngononophelo nocoselelo ulwazi oluthile neengcinga ezingundoqo kwaye aphendule ngokufanelekileyo, umz:
  - ukuthatha amanqaku, ukushwankathela, nokwenza izigqibo;
  - ukuhlaziya iingcinga, aze abuze imibuzo yokuphanda nokucela umngeni apho kuyimfuneko.
- qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambili (umz: amabali amafutshane, izibongo, neentetho ezimfutshane). Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigca ehlekisayo enentetho enamandla, impoxo, nogqithiso aze achonge, anakane kwaye ahlalutye iimpembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo.
- chonga nokutolika ngokufanelekileyo ukusetyenziswa kobuchule bokungabikho kwelizwi (umz: ukudibana kwamehlo, ulwimi lomzimba).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo zentelekelelo, nezinika ulwazi ezinokuntsonkotha okwahlukeneyo, (umz: imidlalo yeradiyo, umboniso-ntetho, imihobe edlalwayo, imiboniso bhanya-bhanya, izigxeko-ncomo zencwadi).
- mamela ngononophelo nocoselelo ulwazi oluthile neengcinga ezingundoqo kwaye aphendule ngokufanelekileyo, umz:
  - ukwenza izigqibo;
  - kuhlaziya ulwazi neengcinga, aze abuze imibuzo yophanda nokucela umngeni apho kuyimfuneko.
- qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambili (umz: amabali amafutshane, iibhaladi, iintetho ezimfutshane, imiboniso ntetho, imidlalo yedrama, ukusasaza iindaba, iingxoxo). Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigca ehlekisayo enentetho enamandla, isigqebelo, indelelo aze ahlalutye kwaye athelekise iimpembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo.
- chonga nokutolika ngokufanelekileyo ukusetyenziswa kobuchule bokungabikho kwelizwi (umz: ukudibana kwamehlo, ulwimi lomzimba ukusebenzisa isithuba)

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo soku-1 (Sisaqhubeka)

**UKUMAMELA**

**Umfundi uyakwazi ukumamela ulwazi ngononophelo kwaye emamelelela noku-zonwabisa aze aphendule ngokufanelekileyo kwiimeko ngokubanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga amagama athile, amabinza nezivakalisi eziphembelela umphula-phuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz., intetho echukumisayo kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kunakana umtsalane bucala nokuqal'ugwebe).
- nakana nokwamkela iintlobo ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi lwezizwana nolwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphu-cukanga).
- chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa ezikhethiweyo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga izizathu zesithethi zokuchonga amagama athile, amabinza nezivakalisi eziphembelela umphula-phuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz., ulwimi olucengayo, kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kuchonga ingcinga yesithethi, kunakana umtsalane bucala nokuqal' ugwebe).
- nakana nokwamkela iintlobo- ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi lwezizwana nokuxoxa ulwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphucukanga).
- chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa ezikhethiweyo.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- xoxa izizathu zesithethi zokuchonga amagama athile, amabinza nezivakalisi eziphembelela umphula-phuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz., intetho entsingelo-mbini eyenziwe ngamabom, kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kuchonga ingcinga yesithethi, kunakana umtsalane bucala nokuqal'ugwebe nokwandisa).
- nakana nokwamkela iintlobo- ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi lwezizwana nokucinga ngolwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphucukanga).
- chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa ezikhethiweyo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa iingcinga nezimvo ngokubonisayo nangokuzithemba, ngoncedo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: amabali, iziqhulo, imidlalo).
- azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngobuciko obuthile nolandelelwano asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezinobubanzi obuncinane (umz: iingxoxo, neengxoxo ezimfutshane).
- bonisa ubuchule obusisiseko kwiintlobo ezikhethiweyo zezicatshulwa zomlomo ngo -
    - kwenza ulandelelwaniso lwemiyalelo yomlomo nenkcazelo ngokuchanekileyo;
    - kuvelisa iingxoxo eziqiqiweyo;
    - kuba nodliwano-ndlebe nomlingane esebenzisa imibuzo elula, aze amamele kwaye athathe amanqaku ngononophelo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa iingcinga nezimvo ngokuyilayo nangokuzithemba okukwiqondo elithile nangoncedo olunyiniweyo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: imidlalo, imidlwana, iingoma).

- azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngokuchanekileyo nolandelelwano olukwiqondo oluthile kwizihloko ezicela umngeni usebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezibanzi (umz: iingxoxo, iintethompikiswano).

- bonisa ubuchule obusisiseko kwizicatshulwa zomlomo ezininzi ngo -
  - kwenza ulandelelwaniso oluntsonkothileyo lwemiyalelo yomlomo nenkcazelo;
  - kucacisa ukuba umfuniselo wenziwa njani;
  - kuba nodliwano-ndlebe namalungu oluntu usebenzisa ubuchule obusisiseko bodliwano-ndlebe.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa iingcinga nezimvo ngokuyilayo, ngokubo nisayo, nangentelekelelo nangokuzithemba, esebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: imidlalo, nemihobe).

- azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwizihloko ezicela umngeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezibanzi (umz: ingcaciso kwiingqubo zobuchwe pheshe ezifana nokuba uyisebenzisa njani ikhompyutha okanye ividiyo).

- bonisa ubuchule obukumgangatho ophezulu kwizicatshulwa zomlomo ezininzi ezibanzi ngo -
  - kucacisa iinkqubo zobuchwepheshe nokuphonononga iingcinga ezintsonkothileyo ngokulandelelana umz: ikhompyutha isetyenziswa njani;
  - kuba nodliwano-ndlebe ngokufanelekileyo usebenzisa ubuchule obukumgangatho ophezulu (ukubuza imibuzo ephandayo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2 (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhutheleyo kwiingxoxo zeqela , kwiincoko, kudliwano-ndlebe, kwiintetho-mpikiswano kwaye xa esenza oko:
  - ahlasele imibandela ebalulekileyo ( imibandela yentlalo nesesikweni enxulumene nommandla namalungelo oluntu);
  - amkele imisebenzi eyahlukeneyo;
  - avumele ezinye iingcamango;
  - acacise iingcamango yakhe;
  - anike isigxeko-ncomo;
  - avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga;
  - abonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye;
  - acele umgeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhutheleyo kwiingxoxo zeqela , kwiincoko, kwiintetho-mpikiswano, kuphando lweqela kwaye xa esenza oko:
  - ahlasele imibandela ebalulekileyo (imibandela yentlalo nesesikweni enxulumene; nommandla namalungelo oluntu);
  - abuze imibuzo efanelekileyo;
  - amkele imisebenzi eyahlukeneyo;
  - avumele iingcamango zabanye kwaye ungavumelani ngochubekilyo apho kuyimfuneko;
  - acacise iingcamango yakhe;
  - anike  kwaye amkele ugxeko;
  - avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqi tywanga, abonise umdla wenene;
  - abonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye kwincoko apho kufanelekileyo;
  - acele umgeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo;

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ubuchule bentsebenziswano obuntsonkothileyo ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthale kwiingxoxo zeqela , kwiincoko, kwiintetho-mpikiswano, kudliwano-ndlebe lweqela kwaye xa esenza oko:
  - ahlasele imibandela ebalulekileyo (imibandela yentlalo nesesikweni enxulumene; nommandla namalungelo oluntu);
  - abuze imibuzo ephandayo;
  - akhokele ingxoxo;
  - athetha-thethane ngeeyantlukwano ukufikelela kuvumelwano  lweengcamango okanye ukuhlangabezana kwimpikiswano;
  - axhase iingcamango zakhe esebenzisa ubungqina neengcamango ezifanayo zabalingane ebonisa ubumvoco ekwamkeleni ukuhlangabezana kwimpikiswano;
  - amkele umceli mngeni nesigxeko apho kuyimfuneko;
  - avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika iingcamango ngokuqhutywa yintliziyo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga;
  - ahlule xa kufuneka ebonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye naxa kufuneka ecele umgeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-2 (Sisaqhubeka)

### UKUTHETHA

**Umfundi uyakwazi ukunxibelelana ngokufanelekileyo nangokuzithemba, ngolwimi oluthethwayo kwiimeko ngokubanzi ezahlukeneyo.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, uthathele ingqalelo ngo/kwi/ku -
  - kucacisa okucacileyo nokuvakalayo;
  - kunqumama;
  - kwahluka kwisantya namandla;
  - njongo nabaphula-phuli;
  - simo nolwimi lomzimba;
  - yantlukwano kwimvumelwano yentlalo nenkcubeko;
  - zangotshe ezifanelekiyo ezifana nenkcaso-vuthondaba.

- nakana kwaye acacise impumelelo yonxibelelwano lwakhe.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku -
  - kucacisa okucacileyo nokuvakalayo;
  - kunqumama;
  - kwahluka kwisantya namandla;
  - njongo nabaphula-phuli;
  - simo nolwimi lomzimba;
  - yantlukwano yeendlela zokwazisa;
  - lwimi oluthethwa ngabantu abathile;
  - mvakalozwi;
  - mvumelwano yentlalo nenkcubeko;
  - zangotshe ezifanelekiyo ezifana nenkcaso-vuthondaba nobabazo ( impembelelo yogqithiso).

- chonga nokuxoxa iimpawu ezinegalelo kwimpumelelo yonxibelelwano lwakhe.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku -
  - kunqumama nakwahluka kwisantya namandla kwindawo eziphambili.
  - njongo nabaphula-phuli.
  - simo, kwisijekulo nakulwimi lomzimba, kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wabaphula-phuli.
  - yantlukwano yokwazisa.
  - lwimi oluthethwa ngabantu abathile
  - mvakalozwi.
  - qondo olusesikweni.
  - mvumelwano yentlalo nenkcubeko.
  - zangotshe ezifanelekiyo ezifana nenkcaso-vuthondaba, ubabazo nombuzo-buciko.

- vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezikhethiweyo, achaze impendulo yakhe, kwaye axoxe ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo.
- funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda obahlukeneyo (umz: ukufunda ngokukhawuleza, ukukrwaqula, ukuqikelela, imikhondo ekwimeko, ukuthelekelela).
- chonga injongo, abaphula-phuli nemeko yesicatshulwa.
- bonisa ingqiqo yezicatshulwa eziqulathe ulwazi ngo
  - kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa iinkcukacha ukuxhasa ingcinga ephambili.
- chonga iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa neempawu eziphambili kwaye acacise indlela isicatshulwa esicwangciswe ngayo ( umz: imihobe, amanqaku ephepha-ndaba, izazisi, amanqaku amafutshane emagazini).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, axoxe impendulo yakhe, neendidi zezicatshulwa azonwa belayo kwaye acebise abanye ngezicatshulwa.
- funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili).
- chonga injongo, abaphula-phuli nemeko yesicatshulwa.
- bonisa ingqiqo yezicatshulwa eziqulathe ulwazi ngo -
  - kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa indlela iinkcukacha ezixhasa ngayo ingcinga ephambili;
  - kubuza iingcinga apho kuyimfuneko;
  - kwenza izigwebo nezigqibo ngengcinga esekel-we kubungqina.
- cacisa indlela iimpawu eziphambili nocwangciso lweentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa ezinegalelo ngayo ekusebenzeni kwesicatshulwa ( umz: imi-hobe, iinoveli ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iileta, iibhaladi, izigxeko-ncomo zeencwadi).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye ngokuphangaleleyo efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, athelekise iimpendulo zakhe, kwaye enze iingcebiso ezikhuthazayo kwabanye.
- zifundela ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efundela iinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili).
- chonga injongo, abaphula-phuli nemeko yesicatshulwa.
- bonisa ingqiqo yezicatshulwa ezininzi ezibanzi eziqulathe ulwazi ngo -
  - kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa indlela iinkcukacha ezixhasa ngayo ingcinga ephambili;
  - kuvavanya iingcinga;
  - kuxoxa iingcamango ezahlukeneyo.
- xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa noku-cacisa indlela iimpawu zazo eziphambili ezicwangciswe ngayo nezigalelo ngayo ekusebenzeni kwesicatshulwa ( umz: imihobe emide, iinoveli ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iidayari, iileta, izigxeko-ncomo zeencwadi, nemidlalo emifutshane).

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele nokuzonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo, imixholo, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.
- chonga nokuxoxa iindlela ezisetyenzisiwe ekuyileni iimpembelelo ezithile kwizicatshulwa ezibonwayo, ezibhaliweyo, ezezixhobo zokusasaza ezininzi ezifana:
  - nezixhobo zokubhala ezilula nokusetyenziswa kolwimi ( umdlalo wamagama, ulwimi olusetyenziswa ngabantu abathile bendawo ethile);
  - neempawu zokwakhiwa ( ukhetho nokubekwa kwemifanekiso/iifoto, ukusetyenziswa kobukhulu boshicilelo nefonti, ukusetyenziswa kombala).
- phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku -
  - chonga ingcamango yombhali;
  - chonga imiyalezo ecacilyo (okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa;
  - chonga umtsalane bucala ocacileyo okanye ukuqal'ugwebe.
- chonga iindlela apho umbhali abumbe ukufunda isicatshulwa ngokukhetha amagama ngononophelo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo, imixholo, ukuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.

- hlalutya iindlela ezisetyenziswe ekuyileni iimpe-mbelelo ezithile kwizicatshulwa ezibonwayo, ezibhaliweyo, ezezixhobo zokusasaza ezinizni ezifana:
  - nempembelelo yezixhobo zokubhala nolwimi olusetyenzisiweyone impembelelo yeempawu zokwakhiwa (ukhetho nokubekwa kwemifanekiso/iifoto, ukusetyenziswa kobukhu-lu boshicilelo nefonti, ukusetyenziswa kombala).

- phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku -
  - xoxa ngengcamango yombhali;
  - xoxa ngemiyalezo ecacileyo ( okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa nangomtsalane bucala/ukuqal’ugwebe;
  - xoxa ukuba umxholo uwuphembelela njani umyalezo;
  - chonga okushiyiweyo kwisicatshulwa aze axoxe ukuba kungani kushiyiwe;
  - buza ukuba uyavumelana nemiyalezo ekwisicatshulwa.

- xoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwizicatshulwa kwaye achonge izimo zezicatshulwa eziqulathe ukuxabiseka okunxulumene nabo umz: umxholo, ulwimi, imi-fanekiso iingcamango nesimo sabalinganiswa).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuhlalutya ukukhula kwesakhiwo, imixholo, ukuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.

- hlalutya iindlela ezisetyenziswe ekuyileni iimpembelelo ezithile kwizicatshulwa ezibonwayo, ezibhaliweyo, ezezixhobo zokusasaza ezinizni ezifana:
  - nempembelelo yezixhobo zokubhala nolwimi olusetyenzisiweyo
  - nempembelelo yeempawu zokwakhiwa (ukubekwa kwesicatshulwa nemifanekiso).

- phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku -
  - vavanya ingcamango yombhali;
  - vavanya imiyalezo ecacileyo (okanye efihlake-leyo) kwisicatshulwa nangomtsalane bucala/ukuqal’ugwebe kwaye anike ezakhe iingcamango nezinye iindlela;
  - xoxa ukuba imeko yentlalo neyenkcubeko ziwuphembelela njani umyalezo.

- kwenza izigwebo ngemibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nokuxabiseka okusesi-kweni kwizicatshulwa kwaye axoxe ngempembele-lo kumfundi nangezimo zesicatshulwa ezidala impembelelo (umz: umxholo, ulwimi, imifanekiso iingcamango nesimo sabalinganiswa).

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-3 (Sisaqhubeka)

### UKUFUNDA NOKUBUKELA

**Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela ulwazi ngononophelo kwaye afundele noku-zonwabisa aze aphendule ngokunzulu kubuhle, kwinkcubeko nakukuxabiseka okunovakalelo kwizicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- chonga nokuxoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwizicatshulwa ( njengokuba ibhentsisiwe zizimo ezahlukeneyo zesicatshulwa ezifana nomxholo, ulwimi, imifanekiso nesimo sabalinganiswa).
- hlaziya ubuchule bakhe njengomfundi.

## IBanga lesi-7

### IsiPhumo sesiFundo sesi-4

**UKUBHALA**

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala izicatshulwa zentelekelelo ezininzi ezikhethiweyo ngo -
  - kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye;
  - kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iidayari, amaphepha, iileta zobuhlobo, iingxoxo, iikhathuni, imihobe, neengoma.
- velisa izicatshulwa ezibhalwayo ezininzi ezikhethiweyo ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi (izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso) ngo kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko ngengxelo zengqina, ngezibhengezo, izazisi, izigxeko-ncomo, iiresipi, imiyalelo yokudlala.
- bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezikhethiweyo zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: zinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, nesakhiwo kokubaliswayo, lawula isingqisho nemvano zandi kwisihobe, sebenzisa ulwimi olulula kwiinkcazelo ezilula, aze abonise ulandelelwano kwinkqubo.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngo -
  - kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye;
  - kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iidayari, amaphepha, iileta zobuhlobo, iingxoxo, iikhathuni, imihobe, neengoma.
- velisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi (izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso) kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezininzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko ngamabali eziganeko, ngengxelo zophando, ngeencwadana, ngezibhengezo, ngezigxeko-ncomo.
- bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa ( umz: ukutyhila abalinganiswa , ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo, esebenzisa imifanekiso-ntelekelelo elula kwisihobe.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- bhala izicatshulwa ezininzi ezibanzi zente lekelelo ngo -
  - kuvakalisa intelekelelo, iingcinga, iingca mango neemvakalelo ngaye nakwabanye;
  - kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, ngokunzulu nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iingxoxo, imihobe, iingoma, amabali amafutshane alula, iileta, iingxoxo, imidlalo ekhatshwa zimpe mbelelo ezinesandi nezibonwayo.
- velisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezininzi ezibanzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko i-imeyile, iingxelo kwimibalela yangoku, izazisi, izibhengezo, ingxelo yengqina, iingxelo zephepha-ndaba, inkcazo ngo-bomi bomntu, i-ajenda nemizuzu yentlanganiso.
- bonisa ubuchule obukumgangatho ophezulu kwii-mpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: kwakha umlinga niswa , ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo nolucha-zayo, esebenzisa imifanekiso-ntelekelelo emininzi ebanzi kubhalo lwakhe lwesihobe.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-4 (Sisaqhubeka)

### UKUBHALA

**Umfundi uyakwazi ukubhala iindidi zezicatshulwa ezahlukeneyo ezinobunyaniso nezentelekelelo kwiinjongo ezininzi ezibanzi.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentse-benziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo -
  - kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqu-banisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;
  - kusebenzisa ezinye izicatshulwa njengemizekelo yokubhala;
  - kuqulunqa nokuvelisa isihloko ngolwazi lomnye umthombo;
  - kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala;
  - kuhlaziya uyilo ecinga ngenjongo, ngabaphula-phuli, ngolwimi olusetyenzisiweyo, nocwangciso olulandelelanayo aze ahlaziye ngokufanelekileyo;.
  - kuhlaziya nokuxoxa ubhalo lwakhe nolwabalingane ebonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye;.
  - kuvavanya nokulungisa uyilo lokugqibela ngokusebenzisa ulwazi lolwimi kwimeko, enika ingqwalaselo kwigrama, iziphumlisi, upelo nesigama esifanelekileyo ngokwebanga;
  - kupapasha imveliso yokugqibela, enika ingqalelo ekwaziseni nakwiimpawu ezisisiseko zokwakhiwa.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimela ukuvelisa izicatshulwa ngo -
  - kukhetha nokuphononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;
  - kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo;
  - kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko ngolwazi olusemxholweni oluvela kweminye imithombo;
  - kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala;
  - kuhlaziya iiyilo ezininzi ecinga ngenjongo, ngabaphula-phuli, ngolwimi olusetyenzisiweyo, nocwangciso oluntsonkothileyo neempawu ezilula ezimbalwa zesimbo sokubhala aze ahlaziye ngokufanelekileyo;
  - kuhlaziya ngokunzulu ubhalo lwakhe nolwabalingane, anike iingcebiso, ebonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye;
  - kuvavanya nokulungisa uyilo ngokusebenzisa ulwazi lolwimi kwimeko, apho kufanelekileyo ngokwebanga;
  - kupapasha imveliso yokugqibela, enika ingqalelo kukwazisa okuyilayo nakwiimpawu ezahlukeneyo zokwakhiwa.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa inkqubo yokubhala ngokuzimela nangokhululekileyo ukuvelisa izicatshulwa ezintsonkothileyo ngo -
  - kukhetha nokuphononga isihloko ezintsonkothileyo ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa izintlu namanqaku;
  - kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo;
  - kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko, ukukhetha ulwazi olusemxholweni kwimithombo emininzi;
  - kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa iiyilo ezininzi;
  - kuhlaziya iiyilo ezininzi ecinga ngenjongo, ngabaphula-phuli, ngengcamango, nokubeka umfundi, ngokusetyenziswa kolwimi, ngomtsalane bucala, nocwangciso oluntsonkothileyo neempawu ezilula ezimbalwa zesimbo sokubhala aze ahlaziye ngokufanelekileyo;
  - kuhlaziya ubhalo lwakhe nolwabalingane, avavanye aze anike iingcebiso, ebonisa uvakalelo kumalungelo, kwimvakalelo nakwisimbo sakhe nakwesabanye;
  - kuvavanya nokulungisa uyilo lokugqibela ngokusebenzisa ulwazi lolwimi kwimeko, apho kufanelekileyo ngokwebanga;
  - kupapasha imveliso yokugqibela, enika ingqalelo kukwazisa okuninzi okuntsonkothileyo nakwiimpawu zokwakhiwa.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5

**UKUCINGA NOKUQIQA**

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
  - kuthelekelela nokukhupha intsingiselo aze acacise iinjongo zombhali ngokutolika izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, nezivakalayo ngoku hlangene nekharityhulamu;
  - kucacisa intsusa neziphumo;
  - kuthelekisa izinto ezinyuliweyo ngokugqiba ukuba yiyiphi indlela engcono kunenye kwezi zimbini;
  - kuvakalisa aze andise iimbono zakhe ngengcaciso;
  - kuxhasa ingxoxo ngeentlobo zobungqina obahlukeneyo (amanani nokunye);
  - kusebenzisa imibuzo ukuphuhlisa ingcinga yakhe okanye leyo yabanye;
  - kusebenzisa ulwimi olufanelekieyo ukuvakalisa ingcinga entsonkothileyo (umz: ukusebenzisa isihlanganisi ukuba ukuba ubutyebi bekwabelana ngabo ngobulungisa ubugebenga ngebungekho kwiqondo eliphakamileyo).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
    - kusebenzisa ubuchule bokucinga nokuqiqa kwiimeko ezahlukeneyo ngokudibene ngokwekharityhulamu;
    - kuxoxa nokucacisa imbono noluvo lombhali kwizicatshulwa ezahlukeneyo;
    - kucacisa nokuxoxa  intsusa nesiphumo, (umz: Kutheni oku kungunobangela woku kulande-layo?;)
    - kuvakalisa uluvo oluchasayo baze banike ezinye iindlela, (umz: Andivumi kuba.......kwaye ndi-xhasa ingxoxo yam ngolu hlobo lulandelayo...);
    - kunakana nokucacisa kungokuba kutheni ulwazi lusenokucingelwa ukuba luneengongoma eziyinyaniso okanye ëluqhutywa luluvo olucalanye';
    - kufunxa kumava akhe ukuxhasa ingcamango;
    - kubuza imibuzo nokuthelekelela ngenjongo yokusombulula iingxaki nokwandisa ingcinga ngemiba entsonkothileyo, iingcinga, novakalelo, ( umz: imibandela yamalungelo oluntu neyemi mmandla, iingxaki zakhe nezihloko ezidibene ngokwekharityhulamu);
    - kusebenzisa imibuzo ukuphuhlisa ingcinga yakhe okanye leyo yabanye;
    - kusebenzisa ulwimi olufanelekileyo ukuvakalisa ingcinga entsonkothileyo (umz: ukusebenzisa isihlanganisi ìukubaî ukuba ubutyebi bekwabelwana ngabo ngobulungisa ubugebenga ngebungekho kwiqondo eliphakamileyo).

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo -
    - kusebenzisa ubuchule bokucinga nokuqiqa kwiimeko ezahlukeneyo ngokudibene ngokwekharityhulamu nakwiimeko zakhe;
    - kunakana nokuxoxa injongo ephambili yombhali nembono kwiintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo;
    - kuhlalutya nokuxoxa  intsusa nesiphumo ngokunzulu kwizicatshulwa zoncwadi nekwizicatshulwa ezivela ngokudibene ngokwekharityhulamu (umz: ngokujonga iziza-thu eziqonononondise ngaphaya kokucaca);
    - kwandisa nokusebenzisa iingxoxo ngeendlela ezenza ingqiqo icace kumfundo okanye umphu laphuli- ziqikelela iimpendulo neenjongo;
    - kuvakalisa uluvo oluchasayo baze banike ezinye iindlela;
    - kusebenzisa ulwazi oluneengongoma eziyinyaniso nokutolika amanani ngokuzi-themba okuthe kratya ukuxhasa ingxoxo;
    - kufunxa kumava akhe nokuwachasanisa namanye ukucacisa ingcamango;
    - kusebenzisa imibuzo, intelekelelo nohlalutyo ukwandisa ingcinga enzulu nokusombulula ingxaki.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi- 5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekupho-nonongeni ngo -
  - kuchonga ulwazi olufunekayo ukuncedisa ingxaki ephandwayo;
  - kusebenzisa amagama aphambili nesigama ukukhetha imithombo yolwazi esemxholweni;
  - kumamela, kufunda nokubukela izicatshulwa ezahlukeneyo ukuqokelela nokukhetha iingcinga;
  - kusebenzisa ubuchule bokwalathisa neemvu melwano xa ucaphula ulwazi kwimithombo (umz: iirekhodi, umbhali, isihloko, umhla, umpapashi, inombolo yephepha, indawo yophinya-phinyano njl.njl);
  - kusebenza kwiiprojekthi ezihlangeneyo ngokudibene ngokweenkalo zezifundo aze avelise imveliso edibeneyo;
  - kuguqula imo yolwazi, ( umz: ukusuka kwigrafu luye kwimo ebhaliweyo).

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphono nongeni ngo -
  - kubuza imibuzo kwimibandela yesizwe nangokudibene ngokwekharityhulamu isohlwayo esiqatha, ingxoxo ngommandla);
  - kusebenzisa amagama aphambili nesigama ukukhetha imithombo yolwazi esemxholweni;
  - kwenza uphando oluzimeleyo ngokudibene ngokwekharityhulamu;
  - kufumana nokufikelela kulwazi kwimithombo ebanzi eyahlukeneyo (umz: kwiradiyo, kwi-intanethi, kwindidi zezicatshulwa ezibhaliweyo ezahlukeneyo, kwithala leencwadi, njl.njl);
  - kucokisa ubuchule bokwalathisa neemvu-melwano xa ucaphula ulwazi kwimithombo (umz: iirekhodi, umbhali, isihloko, umhla, umpapashi, inombolo yephepha, indawo yophinya-phinyano njl.njl);
  - kusebenza kwiiprojekthi ezikhula ngokuntsonkotha ngokudibene ngeenkalo zezi-fundo aze avelise imveliso edibeneyo.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphono-nongeni ngo -
  - kubuza imibuzo kwimibandela yesizwe nangokudibene ngokwekharityhulamu (umz: iHIV/AIDS, ukwanda kwenzala, njl.njl);
  - kunakana xa isithethi okanye umthombo untsingiselo-mbini, nokusebenzisa kakubi ubungqina, okanye ukwenza amabango-angekhoyo nokubuza imibuzo esemxholweni ukufumana ulwazi oluchaneke ngokuthe kratya;
  - kubuza nokuthelekisa;
  - kuphonononga iikqubo ezahlukeneyo zokuqu-lunqa, ukucwangcisa nokwazisa uphando nge-sihloko (kwiLwimi nakwezinye iiNkalo zeziFundo);
  - kucinga ngeembono ezahlukeneyo xa ekhetha ulwazi;
  - kwandisa imithombo neendlela zokufumana ulwazi olusemxholweni ( umz: ngezixhobo zombane nezinye ezifana namaphepha-ndaba endawo yokugcina izibhalo ezibalulekileyo, imiboniso bhanya-bhanya, amathala eencwadi aqulethe ulwazi oluthile njl.njl);
  - kusebenza kwiiprojekthi ezintsonkothe ngokuthe kratya ngokudibene ngeeNkalo zeziFundo aze avelise imveliso edibeneyo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngo -
  - kurekhodisha ulwazi ngokwemo efikelelekayo (umz: izintlu, iimephu zengqondo, amanqaku, izishwankathelo njl.njl) olufunwayo;
  - kucwangcisa ulwazi ngokufanelekileyo, umz: ngokwexesha, ngokubaluleka;
  - kuguqulela ulwazi luye kwenye imo ( okanye ulwimi apho kuyimfuneko) luye kolunye (umz: iimephu zengqondo zibe yimihlathi, uluhlu lube lushwankathelo njl.njl.);
  - kuhlaziya ngokunzulu ngokwabelana nokucela umngeni kwiingcinga;
  - kuthelekisa iingcamango ezahlukeneyo aze achonge iimfano neyantlukwano;
  - kusebenzisa ulwimi olufanelekileyo ngokwenza uthelekiso ( umz: ngokufanayo, ngokuchaseneyo);
  - kukhetha ulwazi olufaneleke nolulunge kakhulu kwimithombo eyahlukeneyo, nakubantu abazimeleyo aze adibanise iminikelo neengcinga zakhe kumsebenzi ophefumlelanayo kukwazisa.

- cinga ngokuyilayo ngo -
  - kubonisa, aqikelele, ecinga kamnandi aze avelane nemo ukwenza intsingiselo nokusombulula iingxaki;
  - kusebenzisa ubhalo ekuphuhliseni iingcinga, (umz: amaphepha, ubhalo olukhululekileyo, iimephu zengqondo);
  - kuthelekelela okunokwenzeka neendlela zokwandisa ukucinga ukucingela nokuthelekelela);
  - kucinga ngeeyantlukwano aze azisebenze ngokuyilayo (umz: iyantlukwano);

# IBanga lesi-8

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngo -
    - kufunisela ngeentlobo ezahlukeneyo zokuthatha amanqaku nokuthabatha amanqaku ( umz: ukuthatha amanqaku phantsi kweemeko ezithile ezahlukeneyo, asebenzise izifinyezo ukwenzela isantya);
    - kunika ingqalelo kwiinkcukacha zokwalathisa;
    - kucaphula nokudibanisa ulwazi esebenzisa ubuchule bokumamela, bokufunda, bokubhala nobokubukela;
    - kuguqulela ulwazi  luye kwenye imo ( okanye ulwimi apho kuyimfuneko)luye kolunye (umz: uguqulo);
    - kushwankathela ulwazi okanye iingcinga ngokukhetha, ngokuqukanisa, ngokuhlela ngokweendidi, ngokuchokela nokuhlaziya ngokunzulu imveliso;
    - kucacisa iingcinga ngomlomo nangobhalo ngokuntsonkotha okuthe kratya, esebenzisa ulwazi lolwimi ( umz: ukusuka kwisivakalisi esilula ukuya kwesimbaxa).

- cinga ngokuyilayo ngo -
    - kubonisa, aqikelele, ecinga kamnandi aze avelane nemo ukwenza intsingiselo nokusombulula iingxaki;
    - kuthelekelela okunokwenzeka neendlela zokwandisa ukucinga (kucingela nokuthelekelela);
    - kucinga ngeeyantlukwano  aze azisebenze ngokuyilayo nangokwakhayo ( umz: iyantlukwano kumava, kwinkcubeko, kwimidla, ngokobuqu );

# IBanga le-9

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- lungisa ulwazi ngo -
    - kufunisela ngeentlobo ezahlukeneyo zokuthatha amanqaku nokuthabatha amanqaku ( umz: ukukhetha, ukulandelelanisa, ukuhlela nokucwangcisa ulwazi esebenzisa izintlu, iimaphu zengqondo, iigrafu njl. njl.) ukuquka ucaphulo neenkcukacha zokwalathisa;
    - kukhetha ulwazi olufaneleke kakhulu kwimithombo eyahlukeneyo nakubantu nokudibanisa iminikelo neengcinga zakhe kumsebenzi ophefumlelanayo okanye ukwazisa;
    - kuguqulela ulwazi  luye kwenye imo (okanye ulwimi apho kuyimfuneko) luye kolunye  (umz: uguqulo;)
    - kuvavanya ukuthembeka nobunyaniso bolwazi kushicilelo nakweminye imithombo (imibandela yangoku);
    - kubhala nokuthetha usebenzisa izakhi zolwimi nezegrama ezintsonkothe ngokuthe kratya ukucacisa nokuqinisa.

- cinga ngokuyilayo ngo -
    - kubonisa, aqikelele, ecinga kamnandi aze avelane ngovakalelo oluthe kratya  ukwenza intsingiselo nokusombulula iingxaki;
    - kuthelekelela okunokwenzeka neendlela zokwandisa ukucinga (ukucingela nokuthelekelela);
    - kusebenzisa iindlela ezahlukeneyo ukuphononongа nokwandisa iingcinga (umz: ukubhala, ukuzoba, ukudanisa, ukulinganisa);

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-5 (Sisaqhubeka)

### UKUCINGA NOKUQIQA

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni, ekwafikelela kulwazi esetyisa ekwalusebenzisa ekufundeni.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kumava, kwinkcubeko, kwimidla, ngokobuqu babo);
- kusebenzisa ulwimi ngokudibene nekharityhulamu ukusombulula iingxaki (umz., Ukusebenzisa iilwimi ezimbini okanye ngaphezulu ngaxesha-nye);
- kuthelekisa okokuba iilwimi ezahlukeneyo ziwavakalisa njani amagama kwiinkalo zezifundo ezahlukeneyo aze adale unxibelelwano ekulandeleni nasekuncediseni ukusombulula iingxaki.

- sebenzisa ulwimi ekuhlaziyeni ngo -
  - kuhlaziya ngoko akuvileyo okanye akufundileyo, aze acele umngeni kwimibuzo;
  - kuhlaziya kukwandiswa kobuchule bakhe njengesithethi, njengomphula-phuli nanjengombhali kwiimeko eziqhelekileyo nokuchonga iindawo ezifuna uphuculo;
  - kuhlaziya amandla akhe njengomnikeli kumsebenzi weqela aze achonge namathuba okuphuhliswa.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kubhala ngokomfuniselo ukuphonononga iingcinga, iimvakalelo, namava entelekelelo;
- kuthelekisa okokuba iilwimi ezahlukeneyo ziwavakalisa njani amagama kwiinkalo zezifundo ezahlukeneyo aze adale unxibelelwano ukunceda ingqiqo nasekuncediseni ukusombulula iingxaki.

- sebenzisa ulwimi ekuhlaziyeni ngo -
  - kuhlaziya ngoko akuvileyo okanye akufundileyo, aze acele umngeni kwizimvo;
  - kuhlaziya ukwandiswa kobuchule bakhe njengesithethi, njengomphula-phuli nanjengombhali kwiimeko ezahlukeneyo nokuchonga iindawo ezifuna uphuculo;
  - kuhlanganisa uhlaziyo lwamandla akhe njengomnikeli kumsebenzi weqela aze achonge namathuba aqhubekayo okuphuhliswa.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kucinga ngeeyantlukwano aze adibanise ukusetyenziswa kwazo ngokuyilayo nangokwakhayo (umz: iyantlukwano kumava, kwinkcubeko, kwimidla, ngokobuqu);
- kuthelekisa okokuba iilwimi ezahlukeneyo zisivakalisa njani isigama kwiinkalo sezifundo ezahlukeneyo aze adale unxibelelwano ukunceda ingqiqo nasekuncediseni ukusombulula iingxaki.

- sebenzisa ulwimi ekuhlaziyeni ngo -
  - kuhlaziya nokuvavanya umgangatho nokuchaneka kolwazi kumsebenzi wakhe nalowo wabanye;
  - kucinga kwakhona ngobuchule bakhe obunzulu, bokufunda, bokubhala nokumamela, imikhwa namava , nokuqaphela amandla neendawo zophuhliso;
  - kuhlaziya aze abuze imibuzo enzulu neembono ezicela umngeni ( ukuquka ukucela umngeni kwintetho okanye kwingcinga esoloko isetyenziswa) koko kuboniweyo, kuviweyo nokufundiweyo;
  - kuguqula iimbono zakhe apho kufanelekileyo emva kokuva okanye kokufunda iimbono zabanye.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngo -
  - kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;
  - kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharityhulamu;
  - kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ukwandisa isigama noku-phucula upelo;
  - kusebenzisa izifinyezo eziqhelekileyo noonobumba bokuqala bamagama ngokufanelekileyo;
  - kuchonga nokusebenzisa amagama esifundo esi-fanayo kwimeko ukwandisa isigama kwimeko;
  - kuchonga izimaphambili nezimamva ukwenza intsingiselo;
  - kuhlatyula indlela iilwimi eziboleka ngayo amagama kwezinye iilwimi, nendlela amagama amatsha akhiwa ngayo aze awasebenzise ngokufanelekileyo.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo;
  - kusebenzisa iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya;

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngo -
  - kusebenzisa ubuchule obuninzi obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;
  - kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharityhulamu aze axoxe ngamagama anika ingxaki;
  - kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule ukuphanda isigama nopelo;
  - kusebenzisa izifinyezo nonobumba bokuqala bamagama ngokufanelekileyo;
  - kusebenzisa amagama ahlobeneyo nawesi-fundo esifanayo kwimeko ukwandisa isigama kwimeko;
  - kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwenza intsingiselo;
  - kucacisa indlela iilwimi eziboleka ngayo amaga-ma kwezinye iilwimi, nendlela amagama amatsha akhiwa ngayo aze awasebenzise ngoku-fanelekileyo.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo;
  - kusebenzisa nokuhlalutya iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya;

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- sebenza ngamagama ngo -
  - kusebenzisa ubuchule obuninzi obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga nokuxoxa ngobuchule obusetyenzisiweyo;
  - kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharityhulamu aze ahlalutye amagama anika ingxaki;
  - kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule, ngokuzithemba ukuphanda upelo, imvelaphi nokwandiswa kwamgagama;
  - kusebenzisa izifinyezo nonobumba bokuqala bamagama ngokufanelekileyo;
  - kuchonga nokusebenzisa amagama  ahlobeneyo nawesifundo esifanayo kwimeko ukwandisa isigama kwimeko;
  - kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukunika intsingiselo;
  - kuxoxa indlela iilwimi eziboleka ngayo amaga-ma kwezinye iilwimi, nendlela amagama amatsha akhiwa ngayo aze awasebenzise ngoku-fanelekileyo.

- sebenza ngezivakalisi ngo -
  - kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, ; izifanekisozwi, izihlomelo;
  - kusebenzisa nokuxoxa iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolande lelwano, lokuyalela, lokukhankanya;
  - kusebenzisa izimamva zezixando zezenzi;

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuchonga nokusebenzisa amalunga esakhiwo sesivakalisi esifana nentloko, isenzi, nenjongosenzi;
- kusebenzisa zonke iindidi zeziphumlisi.

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi ( umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi;
  - kusebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweegcinga eziqiqiweyo kumhlathi;
  - kulandelalanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala izicatshulwa ezide.

- phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo -
  - kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi;
  - kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nalo lungekho sikweni;
  - kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuchonga nokusebenzisa amalunga esakhiwo sesivakalisi esifana nentloko, isenzi, nenjongosenzi;
- kusebenzisa zonke iindidi zeziphumlisi, umz: ikoma.

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko noku xhasa izivakalisi ( umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi;
  - kusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa imi hlathi nokwenza ulandelelwano lweegcinga eziqiqiweyo kumhlathi;
  - kulandelalanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala izicatshulwa ezide.

- phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo -
  - kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi;
  - kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nalo lungekho sikweni nokusebenzisa isimbo sokubhala kubhalo nesimbo sokuthetha ekuthetheni;
  - kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha ngokuyilayo.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- kuchonga nokusebenzisa amalunga esakhiwo sesivakalisi esifana nentloko, isenzi, nenjongosenzi;
- kusebenzisa zonke iindidi zeziphumlisi, umz: ikoma.

- sebenza ngezicatshulwa ngo -
  - kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi ( umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi;
  - kusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa imihlathi nokwenza ulandelelwano lweegcinga eziqiqiweyo kumhlathi;
  - kulandelalanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala izicatshulwa ezide.

- phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo -
  - kusebenzisa ubude obahlukeneyo zesivakalisi nokuhlalutya iintlobo zezivakalisi;
  - kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nalo lungekho sikweni nokucacisa ukuba sisiphi isimbo sokubhala esifanelekieyo;
  - kuphepha umlembelembe nentsingiselo-mbini;
  - kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha ngokufanelekileyo nangokuyilayo.

# IBanga lesi-7

## IsiPhumo sesiFundo sesi-6 (Sisaqhubeka)

### UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umfundi uyakwazi ukusebenzisa izandi, amagama negrama ukuyila nokutolika izicatshulwa.**

## ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo -
  - kuchonga izicatshulwa apho ulwimi lungathethi oko kuthethwayo achonge intsingiselo ekubhekiswe kuyo;
  - kuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile;
  - kuchonga nokusebenzisa amagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubuhlanga, kummandla, kwimpilo kwintlalo nakwinkcubeko.

## IBanga lesi-8

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo -
  - kuchonga intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo, intsingiselo ekubhekiswe kuyo neentsingiselo ezininzi;
  - kuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile aze aphinde abhale engaqhutywa luvakalelo;
  - kudibanisa ukhetho nokusetyenziswa kwamagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubuhlanga, kummandla, kwimpilo, kwintlalo nakwinkcubeko.

## IBanga le-9

### ImiGangatho yokuHlola

Sikwazi oku xa umfundi enoku -

- khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo -
  - kuchonga intsingiselo efihlakeleyo necacileyo, intsingiselo ekubhekiswe kuyo neentsingiselo ezininzi;
  - kuhlalutya ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile nombuzo buciko engaqhutywa luvakalelo;
  - kuhlalutya ukusetyenziswa ngokwakhayo kwamagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubuhlanga, kummandla, kwimpilo, kwintlalo nakwinkcubeko.

# ISAHLUKO SESI-5
# UKUHLOLWA KOMFUNDI


## INTSHAYELELO

Isakhelo sokuhlola seNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe samaBanga R ukuya kwele-9 isekeke kwimigaqo yenkqubo yemfundo esekeke kwiziphumo. UHlolo kufuneka lunike izalathisi zempumelelo yomfundi ngendlela efanelekileyo nokuqinisekisa ukuba abaFundi bahlanganisa kwaye basebenzisa ulwasi nobuchule. UHlolo kufuneka luncede abafundi ekwenzeni izigwebo malunga nokwenziwe ngabo, ukumisa iinjongo zenkqubela-phambili nokwenza baqhubele phambili ukufunda.

Ukuncedisa inkqubo yokuhlola iNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe:

- Ibonisa iziphumo zesifundo nemigangatho yokuhlola ehambisana nazo kwiNkalo yesiFundo ngasinye nakwibanga ngalinye lemfundo noQeqesho Jikelele (Amabanga ukusuka kuR ukuya kwibanga lesi-9).
- Ngqamanisa iziPhumo ezinguNdoqo nezoPhuhliso kwiziPhumo zesiFundo nemiGangatho yokuHlola kwiNkalo yesiFundo nganye.
- Beka imiGangatho yokuHlola embindini wenkqubo yokuhlola kwibanga ngalinye. Ichaza umgangatho apho abafundi kufuneka bebonise ukuphumelela kwabo iziphumo zezifundo kunye neendlela (zobunzulu nobubanzi) zokubonisa ukuphumelela kwabo.

Lo mzobo ulandelayo ubonisa intsebenziswano phakathi kweempawu zesakhiwo zale Nkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe:



# IMIGAQO YOHLOLO ESETYENZISWA KWIMFUNDO ESEKEKE KWIZIPHUMO

## INkcazelo

Uhlolo kwiNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe eHlaziyiweyo yamaBanga ukusuka ku-R ukuya kwele-9 ( ezikolo) izingile kwaye yinkqubo equlunqelwe ukuqokelela ulwazi malunga nokwenziwa ngumfundi okulinganiswa ngemiGangatho yokuHlola yeziPhumo zeziFundo. Lufuna ukuba imilinganiselo yohlolo ichazwe ngokucacileyo kwaye lufuna neendlela ezifanelekileyo ezivumela ootitshala ukuba banike iingxelo eyakhayo kubafundi nokunika ingxelo kubazali, nakwabanye abantu abanomdla.

## IiMpawu ezinguNdoqo

Imfundo esekeke kwiziphumo yindlela yokufunda nokufundisa eyenza kucace oko kulindelwe kokuba kuphunyelelwe ngumfundi. Umgaqo esebenza ngayo kukuba utitshala uchaza kwantlandlolo ekulindelwe kumfundi. Umsebenzi katitshala kukufundisa abafundi ukubanceda ukuba banelise iimfuno zemiGangatho yokuHlola ekwikharityhulamu, uze umsebenzi womfundi ibe kukufunda okanye ukwenza oko kulindelwe yimiGangatho yokuHlola. Uhlolo luyafuneka kwimfundo esekeke kwiziphumo kuba lwenza kuhlolwe oko kuphunyelelwa ngumfundi okufunekayo kwibanga elilandelayo.

Ukunceda abafundi ukuba bafikelele kowona mgangatho wabo uphezulu wokwenza izinto ngempumelelo, uhlolo kufuneka:

- lwenziwe ngendlela ecacileyo kwaye lujolise ngokucacileyo
- luhlanganiswe nokufundisa nokufunda.
- lusekwe kwimigangatho okanye kwimilinganiselo esele imiselwe.
- lwahluka-hlukane ngokuphathelele kwiimethodi, kwaye.
- lunyaniseke, lulunge, luthembeke, lube nobulungisa, luhambe ngokwesantya somfundi.

## INjongo yokuHlola

Eyona njongo yokuhlolwa kwabafundi engundoqo kufuneka ibe kukukhuliswa nokuphuhliswa kwabo, ukulandela inkqubela-phambili yabafundi nokuqhubela phambili ukufunda kwabo. Eminye imisebenzi yohlolo iquka:

- *uhlolo olusisiseko koko sele kusaziwa*
  Uhlolo olusisiseko ludla ngokwenziwa ekuqaleni kwebanga okanye ibakala ukuzinzisa oko sele kusaziwa ngabafundi. Lunceda utitshala ekuqulunqeni iinkqubo zokufunda nemisebenzi yokufunda.

- *uhlolo lwezidingo zomfundi*
  Uhlolo lwezidingo zomfundi lusetyenziselwa ukufumana malunga nesimo nesizathu zezithintelo zokufunda ezifunyanwa ngumfundi othile. Oku kunika ithuba lokuba kunikwe inkxaso efanelekileyo, iindlela zokungenelela.

- *uhlolo olwakhayo*
  Uhlolo olwakhayo lulawula kwaye luxhasa inkqubo yokufunda nokufundisa kwaye lukwasetyenziswa ekuxeleleni abafundi nootitshala malunga nenkqubela-phambili yabafundi ukuphucula ukufunda. Ingxelo eyakhayo iyanikwa ukukhulisa umfundi.

- *uhlolo olushwankathelayo*
  Uhlolo olushwankathelayo lunika umfanekiso wonke wenkqubela-phambili yomfundi wexesha elimisiweyo okanye ukuphela konyaka okanye ukugqithiselwa kwesinye isikolo.

- *uhlolo olwenziwe ngendlela emisiweyo*
  Uhlolo olwenziwe ngendlela emisiweyo yindlela yokujonga ukusebenza kwesixokelelwano semfundo. Enye inxalenye yolu hlolo kokwenziwa ngumfundi ngokunxulumene nezalathisi zesizwe. Isixokelelwano sohlolo senziwa ekupheleni kwesigaba ngasinye seBakala leMfundo noQeqesho Jikelele. Kolu hlolo isampulu engumzekelo yezikolo nabafundi ikhethwa ngokwesizwe okanye ngokwamaphondo.

## UHLOLO OLUZINGILEYO

### IiMpawu zoHlolo oluZingileyo

Uhlolo oluzingileyo yindlela engundoqo uhlolo olwenzeka ngayo kwiNkcazelo yeKharityhulamu eHlaziyiweyo. Luquka yonke imigaqo yokuhlola yemfundo esekeke kwiziphumo kwaye luqinisekisa ukuba:

- *lwenzeka ngaphaya kwexesha kwaye luzingile:* Ukufunda kuhlolwa njalo kwaye iingxelo zenkqubela phambili yabafundi ihlaziywa unyaka wonke.

- *luxhasa ukukhuliswa nokuphuhliswa kwabafundi:* Abafundi baba ngabathathi nxaxheba abakhutheleyo ekufundeni nakuhlolo, kwaye bayayiqonda inqobo esetyenzisiweyo kwimisebenzi yohlolo, bayabandakanyeka ekuzivavanyeni, bazibekela abakwenzayo, baze bahlaziye ukufunda kwabo ngokwenza njalo babe banyusa umgangatho wobuyena.

- *lunika ingxelo ekufundeni nasekufundiseni:* Ingxelo ngundoqo kuhlolo olwakhayo. Iimethodi zengxelo ziquka ukubuza imibuzo ngokufanelekileyo, kwaye zijolise kukuphawula ngomlomo kukatitshala nakokubhaliweyo koko kufuneka kuphunyelelwe ngumsebenzi wohlolo, nokukhuthazwa komfundi.

- *luvumela uhlanganiso lohlolo:* Oku kungaquka iqela leziPhumo zesiFundo ezinxulumeneyo kumsebenzi owodwa wokuhlola,kwaye kudityaniswe iqela leemethodi zokuhlola ezahlukeneyo, ubuchule, nezixhobo. Ubuchule kwiziPhumo zokuHlola zinokubonisiswa ngeendlela ezahlukeneyo, kungoko iimethodi zohlolo ezahlukeneyo namathuba kufuneka enikiwe ukuze abafundi babe nokubonisa ubuchulebabo.

- *lusebenzisa iindlela ezijongene nezidingo zomfundi ezahlukeneyo ( ulwimi,inkangeleko, ubume bengqondo, uvakalelo nenkcubeko)* Uhlolo oluzingileyo luvumela ootitshala ukuba babe novakalelo kubafundi abanezidingo ezithile zemfundo nokwahlula izithintelo ngeenkqubo ezinobumvoco. Nakuliphi iqela labafundi kukho izantya ezahlukeneyo nezimbo zokufunda ezahlukeneyo. Abafundi abanakuhlolwa bonke ngexesha elinye nangendlela enye.

- *luvumela uhlolo olushwankathelayo:* Ingqokelela yeziphumo zemisebenzi yohlolo oluzingileyo inika umfanekiso jikelele wenkqubela phambili yomfundi kwixesha elinikiweyo. Uhlolo olushwankathelayo kufuneka luqulunqwe ngononophelo kwasekuqaleni konyaka, ukuquka neendlela ezahlukeneyo zohlolo- umzekelo, imisebenzi, imisetyenzana, iiprojekthi, iimvavanyo zesikolo nezeklasi- eziya kunika abafundi amathuba amaninzi okubonisa oko bakufundileyo.

## IiNdlela ngeeNdlela zokuHlola

Ukhetho lokusetyenziswa kweendlela zokuhlola zisoloko ziqhutywa luluvo, kwaye zahluka ngokwetitshala nganye, ngokwebanga nangokwesikolo kwaye luxhomekeke kubuchule bokugweba bukatitshala. Ukubakho kwendawo nobutyebi bunempembelelo kwesi sigqibo, kodwa xa ubutyebi bufana, ootitshala bahlukana ngeendlela abenza ngazo ukhetho. Iimethodi ezikhethelwe imisebenzi yohlolo kufuneka zifanele imiGangatho yokuHlola ehlolwayo, kwaye injongo yohlolo kufuneka iqondwe ngokucacileyo ngabafundi bonke kwanootitshala ababandakanyekayo. Ubuchule bungaboniswa ngeendlela eziliqela. Iimethodi ezahlukeneyo ngoko ziyimfuneko ekunikeni abafundi ithuba lokubonisa ubuchule babo ngokupheleleyo.

## UmSebenzi wokuHlola oFanayo

Injongo yomsebenzi wohlolo ofanayo kuku:

- qinisekisa ukungaguquguquki kwezigwebo zikatitshala;
- phucula umgangatho wokuseta ofanayo;
- nika amandla kumthamo wohlolo oluzingileyo olusekeke esikolweni;
- andisa ukufaneleka kwenkqubo nezixhobo zohlolo;
- qinisekisa ukuba imisebenzi yohlolo olusekeke esikolweni luhlola ubuchule;
- nempumelelo ngokufanelekileyo;
- nokuqinisekisa ukwandisa amathuba abafundi.

Imisebenzi yohlolo efanayo ingamiselwa kwinqanaba lesizwe lephondo lwengqila okanye lwezikolo ezihlangeneyo. Oku kungenziwa kwinqanaba lesikolo kwaye lubekwe emgangathweni ngabantu bangaphandle.

## UKULAWULWA KOHLOLO

### AbaNtu abaBandakanyeka kuHlolo

Isikolo nootitshala banexanduva jikelele lokuhlola abafundi. Ootitshala balindeleke ukuba bayile inkqubo yohlolo enyanisekileyo, ethembekileyo kwaye ekholelekayo. Imigaqo yamaphondo kufuneka iqinisekise ukubandakanywa kwabafundi , amaqela ohlolo esikolo, amaqela enqila axhasayo, iinkonzo zenkxaso, abazali ngokufanelekileyo.

### ˆnkqubo yesikolo yohlolo

Isikolo ngasinye kufuneka sivelise umgaqo wohlolo osekeke kwizikhokelo zokuhlola zephondo nezesizwe. Kufuneka sibe neQela loYilo lokuHlola lesiKolo ukuqhubela phambili ukuzalisekiswa kwenkqubo. Eli qela kufuneka limelwe sisigaba ngasinye nayiNkalo yesiFundo nganye.

Ukuqinisekisa inkqubo enobuchule kuhlolo, umgaqo wohlolo wesikolo kufuneka ucacise ngokucacileyo:

- indlela uhlolo oluzingileyo oluqulunqwa ngayo noluzalisekiswa ngayo;
- indlela iincwadi zengxelo ezigcinwa ngayo, ukufikelela nokhuseleko;
- iikhowudi zohlolo ezimisekwe liphondo;
- isiqinisekiso sangaphakathi sesikolo;
- indlela yokubeka emgangathweni okwenziwayo esikolweni;
- indlela esetyenziswa njalo yokunika ingxelo;
- ukujonga zonke iinkqubo zohlolo;
- nokuqeqeshwa kwestafu kwiinkalo zohlolo.

Iinkalo apho iimfuno zoqeqesho lwesikolo kufuneka zenziwe ziquka:

- indlela yokusetyenziswa komlinganiselo/indlela yolawulo yokuhlolwayo ekuhloleni;
- ukufumana imvumelwano phakathi kweetitshala zebanga elinye ngokufuneka kwenziwe ukwanelisa iziPhumo zesiFundo;
- indlela yokubhala amagqabantshintshi emisebenzi yokuhlola neengxelo;
- nokuphumelela kwengqiqo efanayo yenkqubo yohlolo yesikolo.

## UKUGCINWA KWENGXELO

### IiNcwadi zeNgxelo

Ukugcinwa kwengxelo okulungileyo kubalulekile kulo lonke uhlolo ingakumbi kuhlolo oluzingileyo. Incwadi yengxelo okanye ifayile kufuneka igcinwe ngutitshala . Le ncwadi iqulathe:

- amagama abafundi;
- imihla yokuhlola;
- igama nenkcazelo yomsebenzi wohlolo;
- iziphumo zemisebenzi yohlolo ngokweNkalo yesiFundo neNkqubo yokuFunda;
- namagqabantshintshi ngeenjongo zokuxhaswa.

Zonke iingxelo kufuneka zifikeleleke, zitolikeke ngokulula, zigcinwe ngokukhuselekileyo, njengehlebo, kwaye zibe luncedo kwinkqubo yokufundisa nokunika ingxelo.

INkqubo yohlolo yesikolo umisela iinkcukacha zeendlela zokugcwaliswa kweencwadi zengxelo. Iikhowudi zohlolo ezikhethiweyo zisetyenziselwa ukuvakalisa indlela umfundi enza ngayo ngokweziPhumo zesiFundo. Iikhowudi ezisetyenziswayo kufuneka zicacile kwaye ziqondwe ngabafundi nabazali.

## IiKhowudi eziSetyenziswa kuHlolo

Kuneendlela ezininzi zokunika iingxelo kubafundi ngohlolo nokugcinwa ngootitshala. Ukukhetha eyona ndlela elungileyo yokwenza oku umsebenzi wohlolo uxhomekeka kwiqela leemeko  ezifana :

- neqela labafundi eklasini nobungakanai bexesha analo utitshala;
- nokuntsonkotha nobude bomsebenzi wohlolo;
- nomxholo ofundiweyo okanye ubuchule obuhlolwayo ( iMathematika okanye ubhalo);
- nokuba ingxelo inikwa ngokukhawuleza kangakanani;
- nokuba ingxelo ngabanye ngabanye yenziwa njani;
- nomlinganiselo ( indlela esetyenziswa ekuhloleni) osetyenziswa ngutitshala ukuchaza okwenziwa ngumfundi;
- nokuba okwenziwa ngumfundi kuthelekiswa nabalingane, nokwenziwe kwixesha elidlulileyo, kunye/ okanye iimfuno zemiGangatho yokuHlola neziPhumo zesiFundo.

Ezinye iikhowudi zohlolo zingcono kunezinye. Umzekelo, amagqabantshintshi anganzulu, kwaye anike iingcebiso zophuculo. Amagqabantshintshi aluncedo ekunikeni ingxelo ngokwenziwa ngabafundi ngokwemiGangatho yokuHlola. Nangona kunjalo, amagqabantshintshi athatha ixesha elide ukubhalwa kwaye akukho lula ukuwarekhodisha. Iikhowudi ezifana ugqithisile, kulunge kakhulu, kulungile, unobuchule akwanelisanga kulula ukuzibhala kwaye zivumela  uhlolo lwenkqubela phambili ngokomsebenzi odlulileyo nangokwemiGangatho yokuHlola. Nangona kunjalo, aziniki bunzulu obenziwa ngokulindelwe ngamagqabantshintshi.  Amanqaku kwelinye icala arekhodisheka lula kwaye angadityaniswa, aphinda-phindwe kwaye ahlula-hlulwe. Aluncedo ekuhloleni okwenziwa ngabafundi ngokunxulumene kwabanye eklasini, nakwamanye amabanga okanye esikolweni. Nangona kunjalo anika ulwazi oluncinane ngokwenziwa ngabafundi ngokwemiGangatho yokuHlola.

Imizekelo phakathi kweminye emininzi yeekhowudi zohlolo zokuqhubela phambili:

- akakaphumeleli , usondele, uphumelele;
- okwenziwayo kuyanelisa, kufuna inkxaso;
- A, B, C;
- namabinza  enzelwe umsebenzi ohlolwayo okanye ingxelo.

Nokokuba yiyiphi ikhowudi yohlolo esetyenziswayo, ingxelo inentsingiselo xa ikhatshwa ngamagqabantshintshi. Kungakho uphuculo kokuphunyelelweyo xa abafundi benikwe ingxelo ebhaliweyo kunokunikwa amanqaku kuphela. Nangona amanqaku neepesenti ziluncedo kakhulu njengoko kulula ukubhala amanqaku kwincwadi yengxelo , awaloncedo ekunikeni ingxelo. Ezinye iingxaki ezenziwa ngamanqaku angandiswa kwaye angasetyenziselwe ezinye iinjongo kwaye afihla okuninzi ngokuphunyelelwe ngumfundi nenkqubela phambili. Ukuba umfundi ugqibe ngaphezulu komsebenzi omnye ohlolwayo kuya kubakho umtsalane wokusebenzisa amanqaku, ukudibanisa nokubeka kumgangatho othile. Xa oku kusenziwa amanqaku awaloncedo ekunikeni ulwazi. Umgangatho ufihla obekunokuphunyelelwa ngokulungileyo ngumfundi kukufunda ebekulindelwe kwisimo esithile kunakwesinye. Amanqaku anika imbonakalo jikelele yokuphunyelelwayo aze afihle izizathu zokuphunyelelwa kohlolo ( okanye ukunqongophala kokuphunyelelweyo) ngumfundi kwaye kuthintela ugqaliselo ekufundeni okuthile kuhlolo. Kwaye akachazi inkqubela phambili yomfundi kwikharityhulamu. Kumaxesha amaninzi ukugcina inqaku elifanayo ( ngaphandle kokuba luyanelisa) luthathwa njengesalathisi esanelisayo senkqubela phambili. Amanqaku angama-70 ngokwemiGangatho yokuHlola yeBanga lesi-5 namanqaku angama-70 ngokwemiGangatho yokuHlola yeBanga lesi-6 ayifihla ngokupheleleyo inkqubela phambili yomfundi angayenza ekuhambeni konyaka, echazwa ngcono kwingxelo, kwikhowudi, okanye kumagqabantshintshi.

## IiKhowudi zeSizwe

Ekunikeni ingxelo ngempumelelo yomfundi kwiziPhumo zesiFundo zebanga elithile, ezi khowudi zingasetyenziswa:

**4** = Okwenziwe ngumfundi ***kugqithisile*** kwimfuno zesiPhumo sesiFundo sebanga
**3** = Okwenziwa ngumfundi ***kwanelisile*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga
**2** = Okwenziwa ngumfundi ***kunxalenye*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga
**1** = Okwenziwa ngumfundi ***akwanelisanga*** kwimfuno zesiPhumo zesiFundo sebanga

## UluDwe lweNkqubela-phambili

Ekupheleni konyaka uludwe lwenkqubela-phambili kufuneka ibe igqityiwe, ityikitywe yinqununu okanye umsebenzi karhulumente. Uludwe lwenkqubela-phambili yingxelo enesishwankathelo solwazi malunga nenkqubela-phambili yabafundi bonke bebanga esikolweni.

Uludwe lwenkqubela-phambili kufuneka luquke olu lwazi:

- igama lesikolo nesitampu saso;
- uluhlu lwabafundi kwibanga ngalinye;
- iikhowudi zenkqubela-phambili kwiNkalo yesiFundo nganye ( isixokelelwano seekhowudi zesizwe);
- iikhowudi zenkqubela-phambili kwibanga ngalinye (ukuqhubela phambili ukuya; kwelinye ibanga okanye ukuhlala kwelo banga umfundi ebekulo);
- phawula kumandla nakwindawo ezifuna inkxaso kwiNkalo yesiFundo nganye;
- nomhla notyikityo lwenqununu, utitshala nomsebenzi waseburhulumenteni.

## IiNgxelo zomFundi

Ingxelo yomfundi yingxelo ezingileyo yolwazi jikelele ngembonakalo yenkqubela-phambili yomfundi ukuquka uphuhliso olupheleleyo lokuxabiseka, iimbono, nophuhliso lwentlalo. Inceda utitshala kwibanga elilandelayo okanye isikolo ukuba azi umfundi ngcono aze aphendule kuye ngokufanelekileyo.

Ingxelo yomfundi ngamnye kufuneka ikhusele umfundi ngamnye kwaye imkhaphe umfundi kuyo yonke inkqubela-phambili yesikolo.

Olu luhlobo lolwazi kufuneka lubandakanywe kwingxelo yomfundi:

- ulwazi oluphathelele kumfundi ngokunokwakhe;
- inkangeleko akuyo ngokwempilo kunye nolwazi okanye imbali ngempilo yakhe;
- izikolo athe wafunda kuzo nerekhodi ebonisa oko;
- ukuthatha inxaxheba nezinto athe waziphumelela kwizinto ezizezinye ezenziwayo esikolweni ngaphandle kwemfundo;
- uvakalelo nokuziphatha;
- ukubandakanyeka kwabazali;
- indawo apho umfundi asafuna khona uncedo;
- ingxelo eshwankathelayo equka konke okuthe kwenziwa kulo nyaka;
- iirekhodi ezishwankathelayo zeminyaka yokufunda;

**Qaphela :**

- Ingxelo yomfundi ithatha indawo yazo zonke iincwadi zokurekhodisha ebezisetyenziswa ngaphambili sisikolo, ezifana namacwecwe okurekhodisha, amacwecwe anenkcazelo abhalwe ngumncedi katitshala, namacwecwe e-Edlab. Injongo engundoqo yengxelo yomfundi kukunceda umfundi ukuba afumane ulwazi olwahluka-hlukeneyo oluqulethwe kuyo.
- Ulwazi ngaye olukwingxelo akufuneki nanini na ukuba lusetyenziselwe ukucalu-calula ngokungenabulungisa.
- Iingxelo zomfundi kufuneka zingaphazanyiswa nepotifoliyo. Ipotifoliyo yindlela yohlolo olunika umfundi notitshala ithuba lokucinga ngomsebenzi omawenziwe kwiqela lemisebenzi yohlolo. Umsebenzi ufakwa ebhokisini okanye kwifayile. Ingxelo yomfundi ngamanye amazwi yirekhodi equlathe ulwazi ngomfundi.

# IINGXELO

## UlwAzi oluFuneka luBandakanywe kwiiNgxelo

Utitshala kufuneka aphendule kubafundi, kubazali, kwisixokelelwano semfundo, nakuluntu ngokubanzi ngokuhlolwa komfundi. Ukongeza kwiingxelo ezibhalwayo , ukwazisa ngomlomo okanye ngokwenza, imiboniso yemisebenzi yabafundi kungasetyenziswa.

Ingxelo nganye kwinkqubela phambili yomfundi kufuneka ibandakanye ulwazi:

- ngesifundo esithe saphunyelelwa;
- ubuchule agqwesa kubo umfundi;
- uncedo asalufunayo;
- nengxelo eyakhayo ngoko bekweziwe ekufuneka kuquke amagqabantshintshi malunga nokwenziwa ngumfundi ngokunxulumene nabalingane nokwenziwe ngumfundi kwixesha elidlulileyo ngokunxulumene neemfuno zeeNkalo zeziFundo.

Ukunika ingxelo kubazali kufuneka kwenziwe rhoqo ukukhuthaza ukuthathwa kwenxaxheba nokubandakanya abazali kwimfundo yabantwana babo. Kuqhelekile ukuba ungabinakho ukunika ulwazi kokuphunyelelwe kwisiPhumo sesiFundo ngasinye. Nangona kunjalo iingxelo kufuneka zinike ulwazi ngokuphunyelelweyo kwiNkalo yesiFundo okanye iNkqubo yokuFunda nganye kwimeko yesiGaba esisiseko.

## AmaCwecwe eNgxelo

Ubuncinane beemfuno zecwecwe lwengxelo zi:

*1) Ulwazi olusisiseko*

- Igama lesikolo;
- Igama lomfundi;
- Ibanga akulo umfundi;
- Unyaka wokuzalwa womfundi;
- Unyaka nexesha elimisiweyo;
- Isityikityo sesivumelwano nomhla, esenziwa ngumzali okanye umondli ojongene nemfundo yomfundi.
- Isityikityo sesivumelwano kunye nomhla, esenziwa ngutitshala;
- Umhla wokuvalwa nalowo wokuvulwa kwezikolo;
- Isitampu sesikolo;
- Ingxelo yokuhanjwa kwesikolo;
- Nokuchazwa kwenkqubo yesizwe yokukhowuda, esetyenzisiweyo.

*2). Amandla nezidingo*

- Nika inkcazelo yamandla, izidingo zophuhliso nezo ndawo asafuna uncedo kuzo umfundi kwinkalo yesifundo okanye inkqubo yesifundo nganye.
- Sebenzisa isixokelelwano sokukhowuda sesizwe ukuhlola okwenziwa ngabafundi kwiziPhumo zesiFundo esele zenziwe-ayingokwemiGangatho yokuHlola apho unika ikhowudi ngeNkalo yesiFundo nganye. Kwingxelo yokuphela konyaka, bonisa konke okuquka indlela aqhube ngayo umfundi kuzo zonke iziPhumo zesiFundo.

*3) Ukwenziwa kwamagqabantshintshi kwiNkalo yesiFundo okanye kwiNkqubo yesiFundo nganye*

- Yenza amagqabantshintshi kwinkqubo okanye inkalo yesifundo nganye, ugxininisa kubafundi abenze kakuhle bada bagqithisa kwiimfuno ebezilindelekile okanye abo basafuna uncedo kwiindawo ezithile. Nxulumanisa amagqabantshintshi owenzileyo kumandla okanye iindawo umfundi asafuna uncedo kuzo kwimiGangatho yokuHlola. La magqabantshintshi aya kunika ithuba abazali, abafundi nabanye abafundisi-ntsapho lokuqonda ukuba luluphi uncedo umfundi aludingayo.

# ULUHLU LWEZALATHISI

## INKCAZELO YAMAGAMA OHLOLO NAWEKHARITYHULAMU

**Uhlolo –** inkqubo ezingileyo necwangcisiweyo yokuqokelela ulwazi ngoko kwenziwa ngumfundi, kulinganiswa ngokweMigangatho yokuHlola.

**ImiGangatho yokuHlola** – ulwazi, izakhono nokuxabisekileyo ekufuneka abafundi bekubonakalisile, ukuphumeza iZiphumo zesiFundo kwibanga ngalinye.

**Uhlolo olusisiseko** – ukuhlola ngeenjongo zokufumana ulwazi loko sele bekwazi abafundi.

**Uhlolo oluzingileyo –** umzekelo wokuhlola okhuthaza ukudityaniswa kokuhlola ekufundiseni nasekuphuhlisweni kwabafundi ngokunika ingxelo eqhubekayo.

**Iziphumo ezingundoqo** – zihlangene neZiphumo Zophuhliso, iziphumo ezingundoqo zeNkcazelo yeKharityulamu yeSizwe, ezikhuthazwa nguMgaqo Siseko ziquka izakhono zobomi ezingunqodo zabafundi, ezifana nonxibelelwano, iingcamango ezicingisisiweyo, umsebenzi nokulawulwa kolwazi, umsebenzi wamaqela noluntu, nokuvavanywa / nokuhlolwa kobuchule.

**Ikharityhulamu 2005** – oku kubhekiselela kwingxelo yokuqala yeNkcazelo yeKhaityhulam yeSizwe evele emva kwexesha localu-calulo. Lo mqulu wenkqubo / wepolisi yezemfundo unika isiboniselo sokukhula sobuMntwana obuNcinci, iMfundo Jikelele noQeqesho, iMfundo eqhubekayo noQeqesho neMfundo esiSiseko Yabadala noQeqesho. Inkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe ephinde yaqwalaselwa inenjongo yayo yokomeleza iKharityhulamu 2005.

**Iziphumo ezakhayo** – zihlangene neZiphumo eziQondileyo, iziphumo ezingundoqo zeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, ezikhuthazwa nguMgaqo Siseko ziquka ubuchule bobomi obungudoqo babafundi, ezifana nonxibelelwano, iingcamango ezicingisisiweyo, umsebenzi nokulawulwa kolwazi, umsebenzi wamaqela noluntu, nokuvavanywa kobuchule.

**Ibanga eliphumayo** – xa abafundi begqibezela ibanga le-9 baze banikwe iSiqinisekiso seMfundo noQeqesho.

**Uhlolo okwakhayo** – esi simo sokuhlola sihlola inkqubela yomfundi ngexesha lenkqubo yokufunda ngenjongo yokunceda ngengxelo, eya kuthi yomeleze ukufunda.

**Isigaba esisiSeko** – sisigaba sokuqala seMfundo noQeqesho Jikelele - Amabanga R, 1, 2 no 3.

**Ibakala leMfundo noQeqesho Jikelele** – iminyaka elishumi esisinyanzelo sokuhamba isikolo, yakhiwe ngezi zigaba: isiSiseko, eliphakathi neliphakamileyo.

**Isiqinisekiso seMfundo noQeqesho Jikelele** – isiqinisekiso esifunyanwa wakugqiba ibakala leMfundo noQeqesho Jikelele.

**Ukuhlanganisa** – uyilo lwemigaqo engundoqo yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, enyanzelisa ukuba abafundi basebenzise ulwazi lwabo nobuchule obuvela kezinye kwiNkalo yeziFundo, okanye ezivela kwiindawo ezahlukeneyo zale Nkalo yokuFunda inye, ukwenza imisebenzi.

**Isigaba esiPhakathi** – esi sisigaba sesibini seMfundo noQeqesho Jikelele - Amabanga 4, 5 no 6.

**Ulwimi lokufunda nokufundisa** – ulwimi olusetyenziswe kwimo ethile yokufunda neyokufundisa. Abanye abafundi bathi bafumane amava ekufundeni nasekufundisweni ngolwimi olongezelelweyo (ingelulo ulwimi lwabo lwenkobe).

**IiNkalo zeziFundo** – IiNkalo zeziFundo ezisi-8 zolwazi kwiNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe: Iilwimi, iMathematiki, iziFundo zeNzululwazi ngezinto zeNdalo, ezoBuchwepheshe, iiNzululwazi zeNtlalo, uBugcisa neNkcubeko, isiFundo esibhekisele kuBomi, neNzululwazi ngezoQoqosho nezoLawulo.

**IiNkcazelo ngeeNkalo zeziFundo** – iNkcazelo ngeNkalo yesiFundo nganye, ukumilisela iZiphumo zeziFundo neMigangatho yokuHlola.

**IziPhumo zeziFundo** – iziPhumo zeziFundo ziphuma kwiziPhumo ezinguNdoqo nezoPhuhliso, uze uchaze ukuba yintoni na abafundi emabakwazi ukuze babe nakho ukukwenza ekupheleni kwebanga.

**Ingxelo yomfundi** – inkqubo  egqibeleleyo yenkqubela-phambili yomfundi, iqulathe ulwazi ngaye, ukuphuhliswa kwentlalo, iimfuneko zokuxhaswa ngoncedo, iisampulu zomsebenzi neengxelo zonyaka.

**Iinkqubo zokufunda** – inkqubo zemisebenzi yomfundi iquka umxholo neemethodi zokufundisa ezi zikhokelwa yiNkcazelo yeKharityhulamu yesizwe kodwa yenziwa ngamaphondo, izikolo neetitshala

**Isixokelelwano sesizwe sokukhowuda** – umgangatho ongumxokelelwano wesizwe wengqokelela yemithetho ecwangcisiweyo ukwenza ingxelo ngenkqubela-phambili yomfundi.

**Iziphumo –** ezi ziziphumo zokuphela kwenkqubo yokufunda kwimfundo esekeke kwiziphumo ezi ziphumo zincedisa ekwakheni inkqubo yokufunda.

**Imfundo esekeke kwiziphumo** – yinkqubo ethatha ixesha negxininisa ekuphumeleleni, isekeke kwimisebenzi eyenziwayo kwaye iyinkqubo yemfundo egxininisa okanye engqonge umfundi. Ekulandeleni le ndlela, iKharityhulamu 2005 kunye neNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, zinenjongo yokukhuthaza ukufunda kwanaphakade.

**Ipotifoliyo –** ifayili okanye iqweqwe lokugcina amaphepha omsebenzi womfundi ngamnye.

**Inkqubela-phambili** – uyilo olungundoqo lwemigaqo yeNkcazelo yeKharityhulamu yeSizwe, eyenza ukuba umfundi abe nakho ukuphuhlisa ngokuthe chu ulwazi olukumgangatho ophezulu, olunzulu, nolubanzi kunye nezakhono, nokuqonda kwibanga ngalinye.

**Uludwe lwenkqubela-phambili** – sixhobo sokuphela konyaka sokurekhodisha inkqubela-phambili yabo bonke abafundi bebanga, kubandakanya iingqokelela yemithetho ecwangcisiweyo yenkqubela-phambili kwiNkalo yesiFundo nebanga ngalinye, namagqabantshitshi okubonelela ngoncedo olufunekayo.

**Uhlolo okushwankathelayo** – olu hlobo lwahlukile kuhlolo olwakhayo, njengoko lumalunga neengxelo zesiqhelo zenkqubela-phambili zomfundi, ezidla ngokuphuma ekupheleni kwamaxesha amisiweyo onyaka nonyaka.

## INKCAZELO YAMAGAMA ENKALO YESIFUNDO

**Ulwimi olongezelelweyo –** lulwimi olufundwayo olongezwe kulwimi lwenkobe.

**INkqubo yoNgezelelo kwiiLwimi eziNinzi –** xa umntu efunda ulwimi ( iilwimi) ukongenza kulwimi lwakhe lwenkobe. Oku akuthathi ndawo yolwimi lwenkobe koko lufundwa kunye nalo.

**Ubuhle –** ukusetyenziswa kolwimi ukuyila into ngokucokiseka nangolonwabo.

**Izicatshulwa ezinobunyaniso –** izicatshulwa ezisetyenziswa kwihlabathi ( amanqaku amaphepha-ndaba neemagazini, izazisi, iilebhile, iincwadana, iifomu, iileta).

**Ucalulo lokuvakalayo –** ubuchule bokwahlula phakathi kwezandi ezahlukeneyo zolwimi.

**Inkqubo yolungelelwaniso kukukwazi ukufunda nokubhala –** inkqubo exhasa ulwazi olusiseko oluzenzekelayo olukhuthaza abafundi ukuba bonwabele iincwadi nokugqalisela kwintsingiselo nokubanika ubuchule neendlela zokukhulula ubhalo lwamagama.

**Uvutho-ndaba –** elona nqanaba libalulekileyo kwibali apho zonke iziganeko zisencochoyini kwaye ibali liya ekupheleni.

**Ukunamathelana –** ulwimi oluvuselela iimvakalelo ezinamandla.

**Imeko –** isicatshulwa sisoloko siveliswa kwaye sisamkela kwimeko. Isicatshulwa kufuneka siyifanele imeko.

**Ulwimi oluchukumisayo –** ulwimi oluvuselela iimvakalelo ezinamandla.

**Ulwimi lwamazwe ngamazwe –** ulwimi oluthethwa ngapha kwemida yoMzantsi Afrika.

**Isicatshulwa esicacisayo –** isicatshulwa esibandakanya ingcaciso.

**Ulwazi olusiseko oluzenzekelayo –** oku kubhekiselele kulwazi lomntwana olukhulayo lwegama olushicilelweyo. Abantwana babona ushicilelo kwimeko bume yendawo kwaye baqale ukuqonda injongo yako. Basenokuba namabali abawabaliselweyo okanye abawafundileyo baze bafunde ukuba amabali asebenza njani kwaye zintoni iincwadi. Phambi kokuba baye esikolweni sebesazi lukhulu. Basenokuzama ukubhala amagama abo besebenzisa iingcinga malunga nonobumba nopelo ( upelo olusisiseko oluzenzekelayo) kwaye basenokwenza ngathi bafunda incwadi. Oku sisiqalo sobuchule bokufunda.

**Isakhelo –** ukuxhaswa kwethutyana ekubhaleni okanye ekuthetheni, umzekelo utitshala anganika esi sakhelo sokubhalwa kwesivakalisi silandelayo:

Andimthandi kuba----------

**Ulwimi olusisimiselo –** ulwimi olufundwa ngokwenxalenye ( ngenjemibuliso). Lusoloko lunxumene neemeko ezithile. Xa siqala ukufunda ulwimi sifunda ngolu hlobo. Kancinane kancinane siqala ukwenza intsingiselo yezimo nemithetho yolwimi kwaye sikwazi ukuvakalisa iingcinga zethu ngeendlela ezilula.

**Ukufunda ngokukhawuleza –** ukufunda isicatshulwa ngokukhawuleza ukufumana inkcazelo jikelele.

**Ukukrwaqula –** ukubalekisa amehlo kwisicatshulwa ukufumana ulwazi oluthile. (ukukrwaqula incwadi yefowuni ufuna igama nenombolo okanye ithayimthebhuli ufuna ixesha lokuhamba kwebhasi).